# Isiqulatho


**Oondoqo ekufundiseni ukufunda**

Yintoni uFunda Wande? .......... 2-3

Kukho ntoni ebhokisini? .......... 4-7

Ukusebenzisa izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande .......... 8-9

Ukulingiselela iKlasi yakho .......... 10-11

Uvavanyo olusisiseko .......... 12-15

Intshayelelo yokufunda ngamaqela .......... 16-17

Itsheklisti .......... 19

**Intshayelelo** .......... 21

Ukwabiwa kwexesha nesicwangciso semfundo ngekota .......... 22-23

Iveki Yoku-1 .......... 24-29

Iveki Yesi-2 .......... 30-39

Iveki Yesi-3 .......... 40-49

Iveki Yesi-4 .......... 50-59

Iveki Yesi-5 .......... 60-69

Iveki Yesi-6 .......... 70-79

Iveki Yesi-7 .......... 80-89

Iveki Yesi-8 .......... 90-99

Iveki Ye-9 .......... 100-109

Iveki Ye-10 .......... 110-119

# Umbono Ubalaseleyo1: Yintoni iFunda Wande?

IFunda Wande liqumrhulu elingelolaburhulumente elijolise ekuqinisekiseni ukuba bonke abantwana baseMzantsi Afrika banako ukufunda ngokuqonda ngelwiimi zasemakhaya bengekadluli kwimiminyaka eli-10 yokuzalwa.

Sishicilela ividiyo nemibhalo ukuze siqeqeshe ootitshala ngokufunda ngokuqonda kumabanga R-3. Zonke izixhobo zethu zifumaneka lula kwaye ziphantsi kwelayisensi ye-Creative Commons evumela ukuba wonke ubani azisebenzise.




Video #1: What is Funda Wande? (3:39min)

### Yintoni ungenelelo lweFunda Wande eMpuma Koloni?

Ngowama-2019 kunye nowama-2020, iFunda Wande isebenzisana neSebe lezeMfundo laseMpuma Koloni (ECDOE) ekuphuculeni iziphumo zokufunda ngesiXhosa kwizikolo ezingama-30 ngokusebenzisa iNqubo yeFunda Wande. Sisebenza kwizikolo ezili-10 kwisithili ngasinyeye kwezi zintathu: (1) Sarah Baartman, (2) Nelson Mandela Bay, kunye ne- (3) Buffalo City. Inkqubo yeFW ibandakanya amanqaku amane:

**1. Ingqeqesho nenkxaso yaphakathi-eklasini:**

Kwizikolo ngazihlanu, kukho ingcaphephe yomqeqeshi wokufunda yolwimi lwasekhaya lwesiXhosa ezakuhambela ootitshali kwiveki neveki, iminyaka emibini.

Abaqeqeshi banika ingcebiso ngendlela yokufundisa ukufunda ngokufezekileyo, indlela yokusebenzisa izixhobo abazinikiweyo kunye nokuphendula imibuzo yootitshala.



**2. Izicwangcisi-zifundo:**

Izicwangcisi-zifundo zeFunda Wande zinika isikhokelo sosuku-nosuku esingokufundisa ukufunda ngokokuqonda ngokusebenzisa izixhobo kwibhokisi yeFunda Wande.


Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esiqulathe iinkcukacha nge-

- izixhobo ezidingekayo
- ulungiselelo uludingekayo
- iinjongo zesifundo
- isikhokelo ngokwezigaba zendlela zokufundisa ukufunda
- Umsebenzi wokuhlola ngokusesikweni wonyaka. Ekupheleni kweKota, kukho icandelo "Iombono obalaseleyo" ekufundiseni ukufunda.



**3. Izixhobo zokuxhasa umfundi notitshala ezongezelelweyo:**

Zonke izikolo ezithabatha inxaxheba zizakufumana izixhobo zenkxaso zomfundi notistshala ezongezelelweyo ezingqamene nezicwangcisi-zifundo zeFunda Wande. Ezi ziquka iVula Bula.




**4. Iividiyo zeFunda Wande ziqulathe amabinzana eengcaciso**

Iividiyo zeFunda Wande ziqulathe amabinzana eengcaciso "yemibono ebalaseleyo" yokufundisa ukufunda. Umbono ngamnye ucaciswa ngomnye wesisithathu seengcaphephe sootitshala bethu (Zaza, Permie, Ntsika) ngokusebenzisa iividiyo zokufundisa kwaseklasini kunye neengxoxo.

Kukwakho ne-App yeFunda Wande!




**Ngobani abaqeqeshi beFunda Wande?**

Abaqeqeshi beFunda Wande ngootisthala besiXhosa-kulwimi-lwasekhaya lwamabanga aphantsi, isigaba esisiSeko, abanamava, abaqeqeshwelwe ukufundisa ukufunda ngokuqonda. Banamava abalaseleyo ekuqeqesheni ootitshala kwiidyunuvesithi neeklasi zezikolo kwiMpuma Koloni iphela. Basebenze kunye neezifundiswa zase Rhodes nezinye iidyunivesithi ekuphuhliseni izixhobo zeFunda Wande.


Zaza Lubelwana


Permie Isaac


Ntsika Kitsili


Thobeka Ndamase


Luleka Sonjica


Glory Maxakana


Tutula Diniso


**Ingaba iFunda Wande ilandela iCAPS?**
Kunjalo. Inkqubo yeFunda Wande iceba ukufundisa abantwana ukuze bakwazi ukufunda-ngokuqonda ngelwimi zasemakhaya zabo xa begqibezela ibanga lesi-3. Yaphuhliselwa ikharityhulama yase Mzantsi Afrika ngoukodwa kwaye ilandela iCAPS ngokupheleleyo. Izifundo kunye nezixhoobo zayo zivunywe lisebe lezemfundo leMpuma Koloni.

**Sinako ukugcina Izixhobo zeNkxaso zoMfundi noTitshala (INMT) ezongezelelweyo?**
Kunjalo. Izixhobo zenkxaso zomfundi noitshala (INMT) zezakho kunye neklasi yakho. Nceda uziphathe kakuhle.

# Umbono Ubalaseleyo 2 : Kukho ntoni ebhokisini?

**Phakathi kulebhokisi uzakufumana zonke izixhobo ozakuzidinga ukulandela le nkqubo ka-Funda Wande.**

| |
|---|
| **1.** IFlash-drive (USB) yakwa-Funda Wande enee videos kunye ne App onokuyisebenzisa kwi laptop yakho. |
| **2.** Incwadana yakwa-Funda Wande enezicwangciso zokufunda zekota yokuqala. |
| **3.** Incwadana yakwa-Funda Wande yokufunda ngamaqela. |
| **4.** Incwadana yakwa-Funda Wande yokubhala ngesandla. |
| **5.** Incwadana yakwa-Funda Wande yovavanyo olusisiseko. |
| **6.** Ipowusta yakwa-Funda Wande yezigaba zebali. |
| **7.** Iipowusta ezi 4 zakwa-Funda Wande zegumbi lokufundela. |
| **8.** Iipowusta ze-DBE zesigama ezili 10. |
| **9.** Iincwadi ezinkulu zamabali zakwa-Vula Bula ezili 16. |
| **10.** Iincwadi zamabali zesifundo sokufundelwa ngutitshala. |
| **11.** Amakhadi yoonobumba bakwa-Vula Bula . |
| **12.** Oonotsheluza boo nobumba bakwa-Vula Bula. |
| **13.** Amakhadi yezandi zamamagama akwa-Vula Bula. |
| **14.** Oonotsheluza bezandi bakwa-Vula Bula. |




Video #2: What's in the box? (3:01min)

## Incwadana yezicwangciso zezifundo








Lencwadana ekulo mfanekiso ungentla yeyezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande zekota yoku-1. Iveki nganye inezicwangciso zeentsuku ezi-5. Kwisicwangciso sesifundo ngasinye kuboniswe izixhobo omawuzisebenzise, amalungiselelo adingekayo kwakunye nesikhokhelo esibonisa indlela omawuzisebenzise ngayo izixhobo ezo xa ufundisa. Iveki nganye ineenkcukacha ezimalunga nokuPhulaphula nokuThetha, Ukufunda notitshala, Izandi, Ukubhala ngesandla, Ukubhala kwakunye Nesigama sosuku ngalunye.


## Incwadana yokufunda ngamaqela (Ibanga loku-1: Ikota 1-2)

Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande Ikota yoku-1 kunye neye-2 sisikhokelo sendlela yokufundisa ukufunda ngamaqela usebenzisa iingqokelela zamabali zakwa-Vula Bula. Inikezela ngeengcebiso malunga neendawo omawuziqaphele, amalungiselelo omawuwenze nezinye iindlela zokufundisa esisifundo kwibali ngalinye. Ekupheleni kwekota yoku-1 neye-2 uninzi lwabafundi bakho bamele ukuba babe bawagqibile ukuwafunda amabali ali-24 akwiNgqokelela yamabali yakwa-Vula Bula.

## Unotsheluza wesandi ngasinye kunye noonotsheluza bakwa-Vula Bula

Unotsheluza wesandi kunye noonotsheluza abanamagama esosandi zakwa-Vula Bula ngamakhadi anemibala eqaqambileyo anemifanekiso, oonobumba kwakunye namagama athi afundise abafundi oonobumba be-alfabhethi kunye namagama aqhelekileyo esiXhoseni.





## Incwadana yokubhala ngesandla

Incwadana yokubhala ngesandla yakwa-Funda Wande inamaphepha emisebenzi apho abafundi bangazilolonga khona ngendlela yokwakhiwa koonobumba. Kufuneka utitshala enzele umfundi ngamnye ikopi yalencwadana.



## Iipowusta zesigama

Iipowusta ezili-10 zesigama (DBE) ezibandakanyiweyo kule bhokisi, zenzelwe wena titshala ukuze uzisebenzise ekufundiseni abafundi bakho amagama amatsha kwiveki nganye. Abafundi bebanga loku-1 bamele ukuba bafunde amagama amatsha ali-25 ngeveki! Sebenzisa ipowusta ibenye ngeveki xa ufundisa.








## Iincwadi zamabali zesifundo sokufundelwa ngutitshala

Kukho iincwadi zamabali ezili-10 ezibandakanyiweyo kulebhokisi. Zenzelwe ukuba utitshala afundele abafundi incwadi enye ngeveki xa esenza isifundo Ukuphulaphula nokuthetha. Khumbula ukubuza imibuzo phambi, phakathi nasemva kokuba ulifundile. Funda ngobinzana nezenzo!






## Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula


Kukho iincwadi ezinkulu ezi-4 zakwa-Vula Bula, iyileyo iqulathe amabali ama-4 ithi lonto unencwadi zamabali ezinkulu ezi-16.

Ezincwadi ke zenzelwe izifundo zokufunda notitshala. Isigama esininzi esitsha ozakubafundisa sona abafundi bakho siyakuvela kwezincwadi zinkulu.




## Iipowusta zegumbi lokufundela

Kukho iipowusta ezi-5 ezibandakanyiweyo kule bhokisi yakho yakwa-Funda Wande.
Kukho iipowusta ezi-4 ezisetyenziswa rhoqo ngeveki ezizezi ipowusta (Yesigama, Isakhelo sokubhala, Amagama abonwa rhoqo, Izandi) apho ungaxhoma khona oonotsheluza bakho obasebenzisileyo evekini. Kukhona nepowusta Yezigaba Zebali ethi ikuncede ekuqapheleni oondoqo bezigaba zebali xa usenza isifundo sokufunda notitshala, ukufundelwa ngutitshala okanye ukufunda ngokwamaqela.




## Uvavanyo olusisiseko

Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande ikholo ukukunceda ekwenzeni uvavanyo olukhawulezileyo ekuqaleni konyaka.

Oluvavanyo ulenzela okokuba ukwazi ukufumanisa umgangatho wokufunda abakuwo abafundi bakho, ukuze ubohlule babekumaqela omgagatho ofanayo. Oku kubangela ujolise ngqo kwiizidingo zeqela ngalinye. Imiyalelo yokusebenzisa lencwadana iyafumaneka kwiqweqwe layo langaphakathi.

## Ukusebenzisa izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande

### 1. Yintoni iinjongo zeezizicwangciso zezifundo zika-Funda Wande?

Iinjongo zezizicwangciso zezifundo kukunika ootitshala ubuchule neengcebiso zokufundisa iiklasi ezinamanani aphezulu abafundi abakumazinga ahlukileyo, ukuze kungabikho bani ushiyekelayo.




Video #3: Introduction to the Lesson Plans. (3:43min)

### 2. Yintoni ekwisicwangciso sokufundisa?


Isicwangciso ngasinye sinezizinto zilandelayo:

1. Izixhobo zesifundo
2. Amalungiselelo esifundo
3. Iinjongo zesifundo
4. Onke amanqanaba esifundo ngokulandelelana kwawo
5. Imisebenzi yovavanyo olusesikweni yekota.




### 3. Zeziphi izixhobo ezihamba nezicwangciso?

1. **Kukuphulaphula nokuthetha kuhamba kunye nezi zixhobo:**
   - Iipowusta ze-DBE
   - Oonotsheluza
   - Iincwadi zamabali – zesifundo zokufundelwa ngutitshala
2. **Kukufunda notitshala kuhamba kunye nezi zixhobo:**
   - Incwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula
   - Oonotsheluza
   - Ipowusta yezigaba zebali
   - Amakhadi Obuchule beNgqiqo
   - Itshati yesigama
3. **Kwizandi nazo zihamba nezi:**
   - Ikhadi yoonobumba yakwa-Vula Bula
   - Amagama oonobumba akwa-Vula Bula
   - Ikhadi yezandi yakwa-Vula Bula
   - Amagama ezandi akwa-Vula Bula
   - Itshati yezandi
4. **Kukubhala ngesandla kuhamba nezizandi:**
   - Incwadana yokubhala ngesandla (yeBanga loku-1)
5. **Ukubhala kuhamba nezizixhobo**
   - Ipowusta yesakhelo sokubhala
6. **Kukufunda ngamaqela kuphuma**
   - Incwadana yovavanyo olusisiseko
   - Incwadana yokufunda ngamaqela



## 4. Yintoni ezenza zahluke izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande?

1. Kukuphulaphula nokuthetha siphuhlisa izakhono ezohlukileyo ngokusebenzisa:
   - Iingxoxo mpikiswano
   - Udliwano-ndlebe
   - Ukubalisa
   - Ukucengceleza

Sivulela umfundi ngamnye ithuba lokuziqhelanisa neencoko ezinesakhelo esebenza nomlingane size sisebenzise iindukwana zamagama ukuqinisekisa ukuba wonke umfundi unethuba lokuveza ezakhe iimbono.



Video #4: Components of Lesson Plans. (5:43min)

2. Kukufunda notitshala sufundisa okulandelayo:
   - Ukusetyenziswa kolwimi
   - Iimpawu zokubhala
   - Ubuchule beNgqiqo

3. Kwizandi sinika abafundi amathuba wokuchonga nokusebenza ngeezandi ngeendlela ezahlukileyo.

4. Kukubhala, abafundi baxhaswa ngokwaneleyo ukuze babengababhali abagqibeleleyo ngokulandelayo:
   - Ukhubhala notitshala **(Bayaboniswa)**
   - Ukubhala ngababini **(Bayancedisana)**
   - Ukubhala eyedwa

5. Kukubhala ngesandla, sincedisa utitshala ngokumnika incwadana yokubhala ngesandla yabafundi ukuze baziqhelanise nangakumbi.

6. Kukufunda ngamaqela, senze incwadana yokufunda ngamaqela echaza banzi ngezingongoma zilandelayo:
   - Lwenziwa njani uvavanyo olusisiseko ukulungiselela ukwenza amaqela wokufunda ngamaqela
   - Enziwa njani amaqela kwakunye nesicwangciso-xesha ye-GGR
   - Zintoni emazenziwe ukuseka inkqubo yokufunda ngamaqela
   - Zenziwa njani izifundo zokufunda ngamaqela usebenzisa ingqokelela yamabali yakwa-Vula Bula

## 5. Yintoni umsebenzi katitshala?

Umsebenzi katitshala kukwenza ezizinto:

- Kukuziqhelanisa nezizicwangciso zokufundisa.
- Kukufunda amabali phambi kokuba afundise isifundo alungise imibuzo embalwa azakuyibuza.
- Kukusika oonotsheluza abahamba nesifundo.
- Kukuzama ukulandela isicwangciso sesifundo kangangoko anakho
- Kukonwabela isifundo nabafundi bakhe.



# Umbono Ubalaseleyo 4 : Ukulingiselela iKlasi yakho

Ekuqaleni konyaka ngamnye, kubalulekile kwiveki zokuqala ezimbalwa ukulungiselela iklasi yakho ukuba ibeyindawo ekhuthaza ukufunda.

**Ngoko, yintoni indawo ekhuthaza ukufunda?**

1. Ukwakha ubudlelwane nabafundi
2. Ukulungiselela iklasi yakho
3. Ukubeka izicwangciso
4. Izixhobo zokwenza iklasi igcwale yimibhalo eshicilelweyo




Video #5: Setting up your classroom

Kubaluleke ngantoni oku? Ukuba kwenziwe kakuhle oku, bazakukwazi ngoko abafundi ukuba iklasi yindawo yokufunda. Iimathiriyeli kunye nezixhobo zokufunda ezilungiselelwe kakuhle emadongeni zenza umsebenzi wakho, njengatitshala, ubelula. Ubudlelwane obuhle nabafundi, kusaqala unyaka, kunye nezicwangciso ezintle ziluncedo ukuqinisekiseni ukuba wonke ubani uyazi amakakwenze, akonwabela nokufunda.

Masijonge la manqaku mane enza indawo ikhuthaze ukufunda:

## 1. Yakha ubudlelwane nabafundi bakho

Ekuqaleni konyaka, yenza inzame zokwazi amagama abafundi ngokukhawuleza kuba oko kunceda ukuba abafundi bazive bebalulekile kwaye kunceda nokuba ulawule iklasi yakho.




Video #6: Get to know your learners (1:13min)

## 2. Ukulungiselela iklasi yakho

Yiba nendawo ekhethekileyo eklasini yakho ebekelwe ukufunda ekwavumela abafundi ukuba bahlale phantsi nencwadi - indawo efana nekona yokufundela. Beka amaphepha axhonywayo emadongeni uze uqinisekise ukuba iitafile zishiya iizithuba ezaneleyo zokuba abafundi bahamba-hambe eklasini ukuze bafikelele kwizixhobo kunye neekona ezahlukeneyo. Sebenzisa yonke indawo ekhoyo eklasini ngempumelelo ze ubeke izicwangciso kunye nemithetho eyazisa abafundi ngokuba bazisebenzisa njani bevumeleke nini ukuzisebenzisa iindawo ezahlukeneyo eklasini.



## 3. Yenza uze ulandele izicwangciso zakho:

Lungiselela ze ugcine izicwangciso zakho ukuze abafundi bakwazi amabakwenze. Abantwana bafunda kakuhle xa bekwazi ekulindelwe kubo naxa bezazi ukuba zizakwenzeka nini izinto – seka izicwangciso kunye neenkqubo ezinceda ukuba abafundi balandele imithetho eklasini. UPermie usebezisa ucwangciso lokuqhwaba izandla ukuze alawule iklasi.



Video #7: Permie's Clapping Routine. (00:18min)

**Ukufundisa naluphi na ucwangciso kuthatha amanyathelo ama-3 alula:**

1. **Cacisa ucwangciso** (umz. "nanini na ndiqwaba ngesisingqi wonke umtu uyandilandela ekuqhwabeni. Xa ndiqhwabela phezu kwentloko sonke siyayeka ukuqhwaba simamele kum")
2. **Yiqhelisele** (ziqhelanise nokwenza esisiqhelisaniso kunye)
3. **Yigxininise** (sebenzisa uqhelisaniso lokuqhwaba izandla lonke ixesha ufuna abantwana bakho bazinze)

## 4. Iklasi egcwele imibhalo eshicelweyo

Iklasi egcwele imibhalo eshicelweyo iqulathe izixhobo ezinje ngecwadi, amaphepha axhonywayo, izixhobo zokubhala, imidlalo, naziphi na ezinye izixhobo eklasini yakho. Ezi ziyabachukumisa abantwana xa bejonga-jonga egumbini. Sikunikile izixhobo zelitherasi kwibhokisi yakho ye-Funda Wande. Ungenza izixhobo ezongezelelweyo ozakuzisebenzisa eklasini. Umzekelo, izinto ezenza umdla, imisebenzi evela kubafundi, imifanekiso evela kumaphepha-ncwadi namaphepha axhonywayo.



Kuluncedo ukuceba indlela ozakuzisebenzisa ngayo izixhobo, veki nganye. Kwizicwangcisi-sifundo zakho, siyazigqamisa izixhobo ozakuzidinga kwilitherasi kwiiveki nganye.


**Umsebenzi:** Ngqamanisa Intetho kunye nezinto ezine amawuzimisele ekuqaleni konyaka ukuze wenze **indawo ekuthaza ukufunda:**

| Ubudlelwane | Ikona yokufunda | Izicwangciso | Iklasi egcwele imibhalo eshicilelweyo |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |

# Umbono Ubalaseleyo 5 : Uvavanyo olusisiseko

## 1. Yintoni uvavanyo olusisiseko?

Uvavanyo olusisiseko luvavanyo olufutshane oluthi ulenze ukuze ufumanise umganagatho wokufunda abakulo abafundi bakho. Unako ukusebenzisa iphepha eli-1 okanye ama-2 ovavanyo, kungenjalo umfundi ngamnye akufundele encwadini.




Video #8: Baseline Assessment. (2:02min)

## 2. Lwenziwa nini uvavanyo olusisiseko

Kufuneka lwenziwe ekuqaleni konyaka, ukwenzela okokuba ukwazi ukubohlula abafundi bakho ngokwamaqela afanelekileyo. Xa ubavavanyile abafundi bakho ngabanye-ngabanye, wazi bhala phantsi iziphumo zabo ngokwemigangatho yabo yokufunda, uyakuthi ukwazi ukubohlula ngokwamaqela afanelekileyo.

## 3. Luthatha ixesha elingakanani uvavanyo olusisiseko

Xa utitshala esenza uvavanyo olusisiseko ludla ngokuthatha imizuzu emithandathu nomfundi ngamnye. Kwiveki  ezimbini zokuqala enyakeni ungasebenzisa ixesha lakho elilungiselelwe isifundo sokufunda ngamaqela ukwenza oluvavanyo lusisiseko.

## 4. Kutheni ufuneka ulenzile uvavanyo olusisiseko?


Zine izizathu ezibangela ukuba senze uvavanyo olusisiseko

- Ukufumanisa umgangatho wokufunda womfundi ngamnye
- Ukuze ukwazi ukohlula abafundi ngokwamaqela okuqonda kwabo
- Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafunda iincwadi ezisemgangathweni wabo
- Ukulandelela ubhale phantsi inkqubela yomfundi ngamnye.

## Zintoni ozihlolayo kuvavanyo olusisiseko kwibanga ngalinye

### Ibanga loku-1

**Oonobumba:** Ekuqaleni konyaka abafundi bebanga loku-1 banakho ukuba kanti abakakwazi ukufunda kodwa babe bebazi abanye oonobumba (ulwazi loonobumba). Sebenzisa uvavanyo olusisiseko lokuhlola oonobumba ubone ukuba bangaphi oonobumba abakwaziyo ukubafunda ngomzuzu omnye.



Learner Name: ______________________ Date: ________

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| a | e | i | n | u | k | l | o |
| h | m | b | s | w | y | z | t |
| g | d | p | c | f | q | j | v |

Yalatha unobumba ngamnye ucele umfundi akuxelele ukuba lonobumba wenza esiphi isandi ze umnike inqaku kwiphepha lakho lamanqaku, ngonobumba ngamnye amfunde ngokuchanekileyo. Xa besenza iimpazamo sukubalungisa, gqithela komnye unobumba.

**Izandi ezisemagameni**
Abanye babafundi bangabe sele benawo umqondo wokuqala nokuphela kwesandi (ulwazi lwezandi). Ukuhlola oku, jonga kwincwadana yovavanyo lwezandi zebanga loku-1.

Fundela umfundi igama ('vuka') umbuze ukuba liqala ngomphi unobumba eligama (/v/), liphela ngomphi unobumba (/a/). Kwezi zandi zilishumi jonga ukuba zingaphi abazifunde ngokuchanekileyo.

Simple words

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| biza | nini | imoto | imoto | wam |
| lala | idolo | iti | zoba | ileli |
| xoxa | ulele | vuka | isisu | izolo |
| veza | imini | qala | nye | ikasi |
| hleka | ncuma | thatha | chuba | sonka |
| zenza | shiya | impuku | thuma | bethu |
| lwam | tyeba | khaba | pheka | Ngomso |
| dlula | tyibilika | krokra | ngqengqa | Umzuzwana |
| ungcwele | umbundlwana | untswinyiwe | uyantywila | Indlwana |

## Ibanga lesi-2

**Izandi:** Ekuqaleni kwebanga lesi-2 uninzi lwabafundi balindeleke okokuba sele bebazi bonke oonobumba.

**Oonombini:** Abafundi bayakuba sele bedibene noonombini/ngabavavanye abafundi koonombini (ng), jonga ukuba bangaphi abafundi ngomzuzu abafunda ngokuchanekileyo.

Learner Name: ________________________ Date: _________

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| l | k | n | b | y | s | z | ng |
| nd | th | kh | ph | kw | f | ny | d |
| mb | hl | nk | nt | nz | v | g | t |
| tsh | bh | lw | q | c | h | nc | ndl |

**Amagama alula:** Ekuqaleni konyaka abanye abafundi bebanga lesibini sele bekwazi ukufunda amagama alula. Bavavanye kula magama alula ujonge ukuba mangaphi abawafunda ngokuchanekileyo ngomzuzu.

Learner Name: ________________________ Date: _________

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| idada | abafana | udaka | iwele | ulele |
| ukuba | watsho | kakhulu | ke | kodwa |
| kwaye | le | umama | yakhe | emva |
| kunye | lo | ngoku | nje | ukuze |
| ubisi | wakhe | xa | abantu | apha |

## Ibanga lesi-3

**Oonobumba:** Abafundi bebanga lesithathu bafanele ukuba babe bayabazi oonobumba bonke Bavavanye koonobumba.

**Oonombini:** Abafundi kufanele ukuba sele bedibene noonombini(ng) bavavanye ukuze ujonge bangaphi ngomzuzu abawafunde ngokuchanekileyo.

**Amagama alula:** Ekuqaleni konyaka abanye abafundi bebanga lesithathu sele bekwazi ukufunda amagama alula. Bavavanye kulamagama alula ujonge ukuba bangaphi ngomzuzu abawafunde ngokuchanekileyo.

**Ukufunda ngotyibiliko nangengqiqo:** Ekuqaleni konyaka abafundi bebanga lesithathu bafanele ukuba bayakwazi ukufunda izivakalisi ezifutshane ngotyibiliko nangengqiqo baze bakwazi ukuphendula imibuzo kwitekisi leyo.Bavavanye abafundi kwizivakalisi ezifutshane.

Learner Name: ______________________ Date: ________

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | la | ma-apile. |
| Siyavuya | ukuzisa | lo | mnikelo. | |
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | la | mapere. |
| Siyavuya | sibe | nako | ukunikela. | |
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | ezi | popo. |

## Lweziwa njani uvavanyo olusisiseko?

### Inqanaba 1: Ucwangciso lovavanyo olusisiseko


- Funda imigaqo yovavanyo olusisiseko ze ukwazi ukwenza uvavanyo kwibanga ngalinye.
- Yenza uluhlu lwamagama amahlanu abafundi ozabavavanya ngosuku evekini.
- Qinisekisa ukuba nabanye abanemisebenzi abayenzayo.




Video #9: Baseline Assessment. (2:02min)

### Inqanaba 2: Umxholo wovavanyo olusisiseko

- Xelela bonke abafundi ngomsebenzi abazakuwenza
- Biza umfundi ozakumvavanya asondele etafileni yakho.
- Landela imigaqo yovavanyo olusisiseko.
- Bhala phantsi amanqaku omfundi ngamnye.



## Inqanaba 3:Sebenzisa amanqaku ukubeka abafundi kumaqela

- ngokwemigangatho yabo.
- Sebenzisa amanqaku ukohlula abafundi ngamaqela amahlanu.
- Nika iqela ngalinye igama okanye uyekele kubafundi bazithiyele
- Bhala amagama abafundi ngokwamaqela wabo.
- Qwalasela inkqubo yabafundi ngokuhamba konyaka ukuze ubatshintshe kumaqela xa kukho imfuneko.

Ekuqaleni konyaka bukela lemiboniso ka Zaza ngamnye ngamnye esenza uvavanyo olusisiseko kwibanga lesi 3.

Ucinga ukuba ababafundi bafanele ukuba kwiqela elinye lokufunda? Xhasa impendulo yakho.



Video #10: Baseline Video 1. (00:13min)



Video #11: Baseline Video 2. (00:13min)



Video #12: Baseline Video 3. (00:06min)

## Umbono Ubalaseleyo 6 : Intshayelelo yokuFunda ngokuKhokelwa liQela


### 1. Yintoni ukufunda ngamaqela?

Ukufunda ngamaqela utisthala usebenza namaqela amancinane abantwana abanezakhono ezifanayo zokufunda. Utitshala uyabakhokhela ebaxhasa abafundi ukuze basebenzise izicwangciso zokufunda ezahlukeneyo ngoxa befunda iincwadi kwinqanaba abanakho ukumelana nalo ubukhulu becala.
Oku sikubiza ukufunda kwinqanaba ellifaneleyo. Injongo yokufunda ngamaqela kukunika utitshala ithuba lokumamela umfundi ngamnye efunda nokuhlola oko ekusafuneka akufunde ngcono umfundi.

Utistshala wenza ukuba abantwana baziqhelanise nezicwangciso obafundise zona ngelixa efunda yedwa.

**Ukufunda ngamaqela kumalunga:**

- Nokufunda namaqela amancinane anezakhono ezikwinqanaba elinye
- Nokufunda kwinqanaba elifaneleyo
- Nkufunda ufumana inqanaba lenkxaso efaneleyo kutitshala




Video #13: Introduction to Group Guided Reading? (3:48min)

### 2. Izixhobo

Yintoni endiyidingayo ngokufunda ngamaqela?

- Ingqokelela ye-Vula Bula
- Incwadana ye-Funda Wande yokufunda ngamaqela
- Naziphi na ezinye izixhobo ezikwinqanaba labantwana (umz. Imibongo, iintengiso, amanqaku ephepha-ndaba, njl. njl.)
- Iincwadi zokufunda ezongeziweyo: naziphi na iincwadi zokufunda ezinamanqanaba ahlukeneyo okanye iincwadi ezincinane onganazo esikolweni sakho.




### 3. Indima yakatitshala

**Lungiselela bonke abanye abafundi eklasini imisebenzi**
Nika imiyalelo ecacileyo ngokwenza imisebenzi. Umzekelo, unganika abafundi ixesha lokuziqhelisanisa kwincwadana yokubhala ngesandla okanye benze imisebenzi kwiincwadi ezibhalwayo zemisebenzi zabo ze-DBE.

**Seka ucwangciso abafundi amabawulandele ngelixa befunda ngamaqela**

- Qhelanisa abantwana nocwangciso-xesha lokufunda ngamaqela
- Bekela iklasi imithetho yokufunda ngamaqela
- Bonisa indlela yokubamba nokukhathalela iincwadi

## 4. Izicwangciso zokufunda

Utitshala unika inqwalasela kwizicwangciso zokufunda ezithile



- **Izicwangciso zengqiqo** (umz. Ulwazi lwangaphambili, ukuthelekelela, uqikelelo, unxulumaniso, ukujonga nokuqonda)
- **Izicwangciso zokuhlasela amagama** (umz. Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo, ukwahlula kwamagama, ukudibanisa amagama, nokusebenzisa umfanekiso ukuze ucacise igama)

**Mamela:** Mamela umfundi ngamnye efunda

- Bonisa indlela yokuzilungisa
- Vumela ukulungisana kwabalingani
- Nceda apho kukho isidingo
- Bhala phantsi inkqubela yokufunda yabafundi ze unike ingxelo

## 5. Amanyathelo alandelwayo ngelixa befunda ngamaqela



- Khumbuza abafundi ngemithetho yokufunda ngamaqela
- Cacisa undoqo lwesifundo sokufunda ngamaqela
- Xoxa ngeqweqwe lwencwadi
- Funda umqolo ukuya kwemibini ubonisa utyibiliko
- Vumela uguqulo lombhalo ofihlakeleyo (decoding)
- Vumela umfundi omnye afunde ngoxa abanye befunda ngokuthulileyo
- Buza umfundi ngamnye imibuzo efuna impendulo engangqalanga
- Nqumamisa ukufunda (buza abafundi ngeenkcukacha zebali nokuba bafunde ngentsingiselo yebali, ngononophelo

**Izinto emazikhunjulwe ngelixa befunda ngamaqela**

- Utisthala uqala ngokubabonisa indlela yokufunda
- Kufunda umfundi ngamnye
- Abantwana baziqhelanisa nokufunda kakuhle
- Utitshala uhlola ukuba loluphi uncedo oludingwa ngumfundi ngamnye

# Checklist : Grade 1 Ibhokisi yakwa-Funda Wande

**Izixhobo zase Funda Wande:**

1. Incwadana yezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande: Ikota yoku-1
2. Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande
3. Incwadana yokubhala ngesandla yakwa-Funda Wande
4. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
5. Ipowusta yezigaba zebali yakwa-Funda Wande
6. Ipowusta zegumbi lokufundela zakwa-Funda Wande
    - Isigama Seveki
    - Izandi Zeveki
    - Isisekelo Sokubhala Seveki
    - Amagama Abonwa Rhoqo eveki

**Iipowusta Zesigama (DBE):**

- Umzimba Wam
- USapho Lwam
- Ikhaya Lam
- Esikolweni
- Izithuthi
- Imozulu
- Ukhuseleko Ekhaya
- Izilwanyana Zasehlathini
- Efama

**Izixhobo zakwa-Vula Bula:**

- Ifrieze yoonobumba bakwa-Vula Bula
- Amagama oonobumba bakwa-Vula Bula
- Ifrieze yezandi yakwa-Vula Bula
- Amagama ezandi akwa-Vula Bula

**Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula:**

**Incwadi enkulu:1**
- Bala
- Hayi
- Vula Vala
- Coca

**Incwadi enkulu:2**
- Baleka
- Lala
- Zoba usike
- Mamela

**Incwadi enkulu:3**
- Jika
- Umnikelo
- Utata usele nosana
- Sebeza

**Incwadi enkulu:4**
- Lelikabani eli Vili?
- Ekhaya
- Uhambo
- Yophukile ifestile

**IIncwadi Zamabali esifundo sokufundelwa ngutitshala**

- uNzwana Hagu
- Ikhalipha Lekatana Encinane
- Molo Zoleka
- Iqokobhe elilahlekileyo
- UQwarha Rhalayo
- Isikhukukazi esiBomvu esiNcinane
- I-Orkhestra yaseAfrika
- Chapaza,thontsiza,gquma
- UJafta
- Amaxesha oNyaka noFlip, noFlippie neeTshomi

# Intshayelelo

Izicwangciso zezifundo zeFunda Wande zibonelela ngesikhokelo sosuku nosuku malunga nendlela yokufundisa ukufunda ngentsingiselo usebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeFunda Wande.

Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esineenkcukacha malunga:

- nezixhobo ezifunekayo
- namalungiselelo afunekayo
- neenjongo zesifundo
- nesikhokelo senyathelo-nenyathelo malunga nendlela ekunokufundiswa ngayo
- nomsebenzi wovavanyo olusesikweni wekota

IFunda Wande idibanisa indlela yokufundisa uLwimi Lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi. Sisebenzisa izihloko nemisebenzi yeZakhono zoBomi ukufundisa ukufunda nokubhala.

Ekupheleni kwekota, kukho icandelo leeNgcamango eziNkulu, elinenkcazelo yezinye "iiNgcamango eziNkulu" okanye Oondoqo ekufundiseni ukufunda.

Funda Wande
Reading for Meaning

# Term Plan : Grade 1 Term 1

| IsiXhosa HL - Grade 1 Term 1 | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Week 1** | **Week 2** | **Week 3** | **Week 4** | **Week 5** | **Week 6** | **Week 7** | **Week 8** | **Week 9** | **Week 10** |
| | 7-11 Jan | 14-18 Jan | 21-25 Jan | 28 Jan - 1 Feb | 4-8 Feb | 11-15 Feb | 18-22 Feb | 25 Feb - 1 Mar | 4-8 Mar | 11-15 Mar |
| **Listening & Speaking** | **Poster:** My body **Story:** Unzwana Hagu | **Poster:** My family **Story:** Unosipho uzakuhlala oko | **Poster:** At school **Story:** Ikhalipha lekatana encinane | **DBE Life Skills pp 28 and 29** Clean & tidy **Story:** Molo Zoleka | **Poster:** Safety at home **Story:** Kutheni ibuzi lihlala emngxunyeni | **Poster:** My home **Story:** Iqokobhe elilahlekileyo | **Poster:** Wild animals **Story:** Uqwarha Rhalayo | **Poster:** At the farm **Story:** Umbona no Mbotyi | **Poster:** At the farm **Story:** Isikhukukazi esiBomvu esiNcinane | **Story:** Okhestra yase Africa |
| **Shared Reading** | School Readiness and Orientation | **Read -** Usapho | **V.B Big Book** Bala | **V.B Big Book** Coca | **V.B Big Book** Hayi | **V.B Big Book** Vula Vala | **V.B Big Book** Baleka | **Poem** Lala | **V.B Big Book** Zoba | **V.B Big Book** Mamela |
| **Phonics** | | a e i o u | b a | c o | h i | v u | k e | l n | s z | m y |
| **Handwriting** | | a e i o u | b a | c o | h i | v u | k e | l n | s z | m y |
| **Writing** | | Baseline Assessment | Birthday card | Drawing & Caption | Poster | Drawing & Caption | Drawing & Caption | Drawing & Caption | Drawing & Caption | Drawing & Caption |
| **Group Guided Reading** | | **Baseline Assessment** | **Vula Bula Anthologies** Bala | **Vula Bula Anthologies** Coca | **Vula Bula Anthologies** Hayi | **Vula Bula Anthologies** Vula Vala | **Vula Bula Anthologies** Baleka | **Vula Bula Anthologies** Lala | **Vula Bula Anthologies** Zoba | **Vula Bula Anthologies** Mamela |

# Timetable

| Time | Duration | MON | TUES | WED | THURS | FRI |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 08:00-08:25 | 25 | Listening & Speaking; Read Aloud (Life Skills: Beginning 60 min) | | | | |
| 08:25-09:55 | 90 | MATHS BLOCK | | | | |
| 09:55-10:25 | | First Break | | | | |
| 10:25-11:15 | 20 | Shared Reading | Shared Reading | Shared Reading | Writing | Writing |
| | 15 | Phonics | Phonics | Phonics | Phonics | Phonics |
| | 15 | Writing | Handwriting | Writing | Handwriting | Handwriting |
| 11:15-12:00 | 45 | EFAL - Listening & speaking (60), Reading & phonics (60), Writing (60), Language (30) | | | | |
| 12:00-12:30 | 30 | Second Break | | | | |
| 12:30-13:00 | 30 | GGR x2 groups a day; Paired Reading; Independent Reading | | | | |
| 13:00-13:35 | 35 | Creative Arts (x2) / PE (x3) | | | | |
| | | HL & LS | EFAL | MATHS | | |




## UKUZIQHELANISA
## Ulwamkelo kunye nokwazana nabafundi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** amakhadi amagama abafundi
- **Amalungiselelo:** Yenza igumbi lokufundela elamkelekileyo ngokubeka isihlalo somfundi ngamnye uze uncamathisele amakhadi anamagama abo kwiidesika. Vula isithuba esilingeneyo sokubeka iingxowazabo uze ubhale igama lakho ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwazana.

**IMISEBENZI**

**1. Yamkela abafundi.**
- Balathise izihlalo zabo. Cacisa ukuba le yindawo yabo kwesi siqingatha sonyaka.

**2. Umdlalo**
- Biza bonke abafundi beze ngaphambili. Bala ukusukela kwi-10 ngeli xesha besazama ukufumana iindawo zabo kwakhona.

**3. Iintshayelelo**
- Bizela abafundi kwimethi uze uzazise kubo. Yalatha igama lakho ebhodini.
- Cela umfundi ngamnye azazise.
- Phendula ubuncinane ngokubuza umbuzo ubemnye. Umzekelo:
  - Nibangaphi kokwenu?
  - Ngubani oyenamhlobo wakho?
  - Yintoni eyona nto uthanda ukuyenza kakhulu (okanye ukuyitya kakhulu))?





## Ukuhamba-hamba kwigumbi lokufunda *(imizuzu engama-30)*

- **Izixhobo:** ikona yokufundela; isitishi sezinto zokubhala nokufunda; indawo yemethi; indawo yokugcina iincwadi; ikona nezixhobo zeMathematika; isethi yamakhadi yamagama etshathi yemihla yokuzalwa kunye noluhlu lwemisebenzi; itshathi yemozulu; itshathi yemihla yokuzalwa
- **Amalungiselelo:** Lungiselela amakhadi anamagama abafundi. Zoba itshati yesakhelo sesimo sezulu emazantsi kwikona yebhodi (oku kuya kuhlala ebhodini). Faka uphawu kwizitishi nakwizixhobo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziiqhelanisa nezinto ezikwigumbi lokufunda kwanokusetyenziswa kwazo.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuhamba-hamba kwigumbi lokufunda**
- Cela abafundi beze kuma phambi kweklasi.
- Jikeleza egumbini, ukhomba kwisitishi nganye. Xela ukuba isitishi ngasinye sisetyenziswa njani.

**2. Thetha ngoxanduva:**
- Thetha ngokucoceka kwegumbi lokufundela. Buza:
  - Lijongeka njani eligumbi lokufundela?
  - Ucinga ukuba kufuneka kwenziwe ntoni ukuze libukeke linje?
  - Ucinga ukuba liyakubanje lonke ixesha?
- Xelela abafundi ukuba wonke ubani kufuneka abeyinxalenye yeqela elicoca neligcina igumbi lifanelelikile.
- Yila uluhlu lwemisebenzi, uqinisekise ukuba wonke umfundi unexesha lakhe.



## Ukunikezelwa kweencwadi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zemisebenzi ze-DBE: iMathematika, isiXhosa, isiNgesi ne-Zakhono Zobomi
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba banazo bonke abafundi iincwadi.
- **Iinjongo zesifundo:** Abafundi mababe nezixhobo ezifunekayo.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi abakwitshathi yemisebenzi bazise iincwadi zabo eklasini.
- Xelela abafundi ukuba iincwadi mazifakwe amaqweqwe ziphinde zibuyiselwe esikolweni ngomso. Kufuneka bacele abazali babo babakhavalishele iincwadi zabo.




## Ukunikezelwa kweencwadi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iincwadi zemisebenzi ze-DBE: iMathematika, isiXhosa, isiNgesi ne-Zakhono Zobomi
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba banazo bonke abafundi iincwadi.
- **Iinjongo zesifundo:** Abafundi mababe nezixhobo ezifunekayo.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi abakwitshathi yemisebenzi bazise iincwadi zabo eklasini.
- Xelela abafundi ukuba iincwadi mazifakwe amaqweqwe ziphinde zibuyiselwe esikolweni ngomso. Kufuneka bacele abazali babo babakhavalishele iincwadi zabo.

# Iveki Yesi-1: Usuku Lwesi-2







## Ukuphulaphula nokuthetha *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yesimo sezulu; ipowusta ye**DBE:** ***Umzimba wam***; onotsheluze besigama: **intloko, indlebe amehlo, impumlo, umlomo**
- **Amalungiselelo:** Yenza onotsheluze bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Thetha ngepowusta. Yithelekise kwawakho amava. Funda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Umzimba wam***
- Ncamathisela ipowusta ebhodini uze uthethe ngayo.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ukwakhiwa kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluze kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Cela abafundi ukuba bakhombe kumalungu omzimba wabo njengoko ubafundisa isigama. Xelela abafundi ukuba uyintoni umsebenzi welungu ngalinye.





## Imithetho kwigumbi lokufundela *(Imizuzu eli-15)*

- **Amalungiselelo:** Cinga ngemibuzo enokukhokelela abantwana ukuba bacebise imithetho enokuthi ilawule isimilo sabafundi kwigumbi lokufundela.
- **Injongo zesisifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuyileni imithetho kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Yamkela abafundi abafikayo.
- Thetha ngemithetho ebebethe baziswa ngayo ngosuku loku-1.

**2. Imithetho kwigumbi lokufundela**
- Thetha ngokubaluleka kwesimilo esisiso kwigumbi lokufundela.
- Thetha ngemithetho kwigumbi lokufunda yaye kutheni kufuneka sinayo.
- Bhala imithetho ebhodini. Cela abafundi babenogalelo nabo.
- Nantsi imizekelo yemithetho onokuyibandakanya:
  - Sigcina igumbi lethu lokufundela licocekile.
  - Siyamamela xa omnye ethetha.
  - Siphakamisa izandla zethu xa sifuna ukuthetha into.
  - Siyonwaba egumbini lethu lokufundela.
- Vumelanani koko kokumakuthi kwenzeke kwabo baphula umthetho wegumbi lokufundela.
- Xa kuphuma isikolo, yonke imithetho yikhuphele kwi powusta.




## Izandi *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi weVula Bula: amakhadi oonobumba oo /a/ /e/ /i/ /o/ kunye no /u/
- **Amalungiselelo:** Lungisa ingoma yezikhamiso.
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukufunda ingoma yezikhamiso.

**IMISEBENZI**

**1. Umzobo wamakhadi oonobumba**
- Beka umzobo ebhodini.
- Thetha ngoonobumba. Xelela abafundi ukuba uyakujolisa kwizikhamiso.
- Beka amakhadi wezikhamiso zonke ebhodini.
  - Bonisa abafundi ikhadi.
  - Lifunde ngokuvakalayo, ngokuthi wenze isandi sayo.
  - Vumela abafundi baphinde emva kwakho.

**2. Ingoma yezikhamiso**
- Fundisa abafundi ingoma yesikhamiso.
- Khomba kwisikhamiso njengokuba ucula.
- Cela abafundi ukuba bacule kunye nawe.



## Ukubhala ngesandla *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla; iikhrayoni.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencewadi yakhe yokubhala ngesandla. Lungisa iincwadi zabafundi ngokuthi ubhale amagama wabo ngamachaphaza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokubhala amagama wabo


**IMISEBENZI**


**1. Bhala amagama abo**

- Cela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala umsebenzi.
- Baxelele ukuba bajonge amagama wabo, abhalwe kumakhadi ezidesikeni zabo.
- Bacele ukuba bafunde amagama wabo.
- Baxelele ukuba bacinezele amagama wabo ngomnwe wabo wokukhomba. Kufuneka baqale ngentla ngasekunene baze baye ngasekhohlo.
- Baxelele ukuba mabaqalise ukubhala amagama wabo kwincwadi zabo zokubhalela umsebenzi.

**Qinisekisa:**

- Bonke abafundi bahleli ngqo, iinyawo zabo zibephantsi.
- Ukubamba ipenilothe: bonke abafundi babambe iipenilothi zabo ngendlela..
- Indawo ekuqalwa kuyo: bonke abafundi babhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.








## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhoba:** Ipowusta ye-**DBE**: ***Umzimba wam****;* oonotsheluza besigama: **amagxa, isandla, umnwe, unyawo, isifuba**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza bamagama akwipowusta ngesiXhosa. Bhala ingoma ethi Umzimba wam kwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Yinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Umzimba wam***

- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Khumbuza ngoku ubuthethe ngako namagama owazise izolo.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Funda ingoma entsha.**

*Umzimba wam*
*Izandla madolo*
*Inyawo nenzwane*
*Umlomo nesisu*
*Nenwel' ezimnyama*

*Ingalo ingqiniba*
*Sifuba' mabele*
*Intamo nomqolo*
*Isinq' izithende*

*Amehlo' izidlele*
*Iindlebe zombini*
*Amaziny'amhlophe*
*Nempumlo,*
*Phefumla!*






## Uvavanyo lomlomo *(imizuzu eli-15)* UHLOLO OLUNGALUNGISELELWANGA


- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi yesiXhosa yese-DBE. isiXhosa workbook, (iphepha lesi-2 & lesi-3)
- **Amalungiselelo:** Funda iphepha lesi-2 & lesi-3 kwincwadi yomsebenzi.
- **Lesson objective(s):** Ukuhlola isigama esifundwe kule veki ngokungamiselekanga.

**IMISEBENZI**

**1. Umdlalo:**

- Hlola isigama esifundwe kule veki ngokusebenzisa umdlalo.
- Zisa abafundi ngaphambili, ucacise umdlalo.
  - Funda imiyalelo kwincwadi yokusebenza. Abafundi kufuneka balandele imiyalelo.
  - Ukuba umfundi ukhombe kulungu lomzimba olungalunganga, kufuneka aphume emdlalweni.
  - Qala niziqhelanise (nomdlalo) kube kanye.
  - Qala umdlalo ngokucotha, de bawuqhele.Emva koko unganyusa isantya.
- Gqibezela umdlalo ngokuthetha ngabakuthandileyo ngawo.

# Iveki Yesi-1: Usuku Lwesi-3




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** umzobo wesandi we-Vula Bula: amakhadi boonobumba u-/a/, u-/e/, u-/i/, u- /o/ no-/u/; oonotsheluza basuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **idada, utata, isele, ipere, ivili, usisi, ifoto, imoto, ubuso, ufudo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nengoma yezikhamiso. Ukuchonga amagama aqala ngezikhamiso.

**IMISEBENZI**

1. Amakhadi emizobo yoluhlu loonobumba
   - Culani ingoma yezikhamisi kunye.
   - Xhoma onke amakhadi oonobumba ezikhamisi/abazizikhamisi.
   - Funda unotsheluza ngamnye, ubonisa abafundi..
   - Yeka abafundi bafunde igama emva kokuba ulifundile.
   - Kufuneka bakhethe ukuba leliphi ikhadi likanobumba eliza kubekwa ebhodini.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla; iikreyoni
- **Amalungiselelo:** Jonga imiyalelo yokubhala iiphatheni zokubhala ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala iiphatheni.

**IMISEBENZI**

**1. isilinganiso ukulungiselela ukubhala izikhamiso.**
   - Fulathela abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
   - Bhala iphatheni ebhodini. Yitsho imiyalelo yokuyibhala ngelizwi eliphezulu xa uyibhalayo.
   - Bhala umgca wesibini wephatheni efanayo. Kufuneka abafundi bayitsho kunye nawe imiyalelo.
   - Cela abafundi babhale iphatheni emoyeni, besitsho imiyalelo yokuyibhala.
   - Bayeke baziqhelanise nephathini ezidesikeni zabo, besebenzisa iminwe yabo, besitsho imiyalelo yokuyibhala.
   - Bacele babhale umgca abemnye kwiincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla.
   - Hamba-hamba uncede abo badinga uncedo.

**Qiniseka:**
   - Bonke abafundi bahleli ngqo ze iinyawo zabo zacambalala phantsi.
   - Ukubamba ipensile: Bonke abafundi bazibambe kakuhle iikreyoni zabo.
   - Isiqalo/ Indawo yokuqala: Bonke abafundi baqala ekhohlo uyotsho ekunene





## Isigama seveki

| | | | |
|---|---|---|---|
| *amazinyo* | *impumlo* | *intamo* | *isinqa* |
| *amehlo* | *incakrancakra* | *intloko* | *izidlele* |
| *iinzwane* | *indlebe* | *iinwele* | *izithende* |
| *imilebe* | *ingqiniba* | *iinzwane* | *umlomo* |
| *imilenze* | *inkalakahla* | *isifuba* | *umqolo* |

## Izibalo:

*compare: thelekisa*
*less: ngaphantsi*
*more: ngaphezulu*
*number name: igama lenani*
*number symbol: isimboli yenani/ umqondiso wenani.*






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE:** ***Usapho lwam***; Oonotsheluza besigama: **umama, utata, ubhuti, usisi, umncedi**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama akwipowusta ngesiXhosa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa. Thetha ngamava onawo. Ukuchaza ngemozulu nokuthetha ngepowusta. Ukufunda ngesigama esitsha.


**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Usapho lwam***

- Ncamathisela ipowusta kwibhodi. Funda kwaye uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta uze ubuze imibuzo.
  - Ndithe nqa kwenzeka ntoni apha kwaye iphi le ndawo? (cinga ngokuvakalayo)
  - Mangaphi amalungu osapho ohlala nawo? Babize ngamagama.
  - Jonga kumfanekiso omkhulu kwipowusta. Ngawaphi amalungu osapho alapha?
  - La malungu osapho enza ntoni? Ucinga ukuba baziva njani?
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Sebenzisa isivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**Umsebenzi wasekhaya**

- Xelela abafundi babuze iintsapho zabo ngezinto abazenzayo



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ingoma: ***Umzimba wam***
- **Amalungiselelo:** Bhala ingoma kwitshathi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukusebenzisa isihloko ukuqikelela ukuba ingoma ithetha ngantoni. Nxulumanisa namava akho. Ukucula ingoma nokulinganisa.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Khumbuza abafundi ngengoma abayicule kwiveki engaphambili. Buza imibuzo enje ngale:
  - Ngawaphi amalungu omzimba esicule ngawo?
  - Ngaphandle kwamalungu omzimba, zeziphi ezinye izinto ezikhankanyiweyo engomeni?

**2. Ukufunda:**

- Funda imigca ibemibini, ukhombe emagameni. Bonisa ngamalungu omzimba ofunda ngawo.
- Xelela abafundi balinganise ngelixesha befunda nawe.
- Yenza into efanayo nakumgca wesibini kwivesi yoku-1.

**3. Ukuziqhelisa**

- Ziqhelise ivesi yokuqala nokulinganisa bade abafundi bayenze ngokuchanekileyo.


**4. Yongeza ingonyana**

- Cula ivesi yokuqala.

*Umzimba wam*
*Izandla madolo*
*Inyawo nenzwane*
*Umlomo nesisu*
*Nenwel' ezimnyama*

*Ingalo ingqiniba*
*Sifuba' mabele*
*Intamo nomqolo*
*Isinq' izithende*

*Amehlo' izidlele*
*Iindlebe zombini*
*Amaziny'amhlophe*
*Nempumlo,*
*Phefumla!*




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: Ikhadi lonobuma u-/**a**/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama angoonobumba: **lala, bala usana, ipapa, udada**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha wesivakalisi: **Umama ulala apha.** Sika oonotsheluza kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqaphela nokunika oonobumba amagama. Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**a**/. Ukuthatha inxaxheba kuyo yonke imisebenzi eyenziwa ngomlomo.


**IMISEBENZI**


**1. Umcwe wesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wesivakalisi kwibhodi. Funda ngokuvakalayo. Funda kwakhona uze ubuze abafundi bafunde kunye nawe.
- Buza ukuba sesiphi isandi esiphinda-phindiweyo kwisivakalisi.
- Buza umfundi abemnye eze ngaphambili aze alathe kwisandi u- /**a**/.
- Xelela abafundi ukuba sisandi eniza kugxila kuso namhlanje – usibiza kanjani, sifunde uze usibhale.

**2. Ikhadi lonobumba lika-/a/**
- Ncamathisela ikhadi lonobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Xelela abafundi babize u-/**a**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, biza kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.
- Babuze ukuba ngowuphi na unobumba owenza isandi u- /**a**/.

**3. Amagama anezandi**
- Xelela abafundi banike amagama anesandi u-/**a**/.
- Funda amagama akonootsheluza nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye.
  - Jonga imo yesandi egameni (ekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni).
  - Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze uyisebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwe kwiincwadi yemisebenzi ngexesha leGGR.)**




## Umbhalo wesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zemisebenzi yemibhalo yezandla zabafund; Iikhrayoni kunye neepensile
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo lonobumba u-/**a**/ ochokoziweyo kwiincwadi zemisebenzi zabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziiqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikreyoni kunye nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokelela ngakulo xa bebhala: ukusuka ekhohlo ukuya ekunene nokusuka phezulu ukuya ezantsi. Zoba imigca ethe ngqo. Khuphela ngokucinezela phezu kwayo. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethileyo nemithambo kunye nolungelelwaniso lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelisa ukubhala unobumba u-/**a**/.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokucacileyo**
- Banikele umva abafundi uze ubaxelele ukuba bakujonge.
- Bhala ipatheni ebhodini ngelixa ubayalela ngokuvakalayo ukuba babhale.
- Mema abafundi ukuba babhale ipatheni emoyeni ngelixa ubanika imiyalelo.

**2. Ukuziqhelisa**
- Baxelele ngeculo eliya kubanceda ukuze bakhumbule ukwenza unobumba u-/**a**/.
  **"qala kungqukuva, ujikele ngqukuva, uhle kwangalamgca."**
- Baxelele ukuba baphinde ingoma ngelixa basebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/a/ emoyeni, edesikeni, okanye emqolo komnye womfundi.
- Xelela abafundi babhale unobumba u-/a/kwiincwadi zabo zomsebenzi, baqale ngo-/a/ ochokoziweyo.
- Jikeleza uncede abo bafuna uncedo.

**Qinisekisa ukuba**
- Bonke abafundi bahleli qwa kwaye babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba kwipensile: Bonke abafundi babamba iikreyoni zabo ngokuchanekileyo
- Indawo ekuqalwa kuyo: Bonke abafundi baqala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta **ye-DBE: *Usapho lwam*;** oonotsheluza besigama: **isihlobo, umakhulu,**
- **utatomkhulu**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza bamagama akwipowusta ngesiXhosa.
**Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa. Thetha ngamava abo ngeentsapho zabo. Ukuchaza iindaba okanye ukuchaza imozulu. Ukuthetha ngomfanekiso wosapho okwipowusta.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Usapho lwam***
- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Shwankathela oku ubuthethe ngako ngamagama owazise izolo.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- Thethe ngepowusta. Cela abafundi badwelise imisibenzi abayenza neentsapho zabo, baze bacacise ukuba baziva njani xa besenza le misebenzi.

Umzimba Wam Ngumzimba Wam". Sizakucula iingoma, sonwabe kwaye sifunde ngeendlela zokuhlala sikhuselekile. Ubusazi ukuba, imizimba yethu ikhethekile kakhulu kwaye akekho umntu onelungelo lokusihlukumeza, okanye aphathe amalungu ethu angasese, okanye enze nantoni na engasenza sizive singakhululekanga ngoba imizimba yethu ikhethekile okwenene. Sizakuqala ingoma yethu yokuqala ke ngoku, kwaye ndifuna uze ucule nam – igama lalengoma ngu "Umzimba Wam Ngumzimba wam

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ingoma: ***Umzimba wam***
- **Amalungiselelo:** Bhala ingoma kwitshati.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda umbongo, nesihloko. Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa. Ukucula iingoma uze ulinganise.

**IMISEBENZI**


**1. Khumbuza**
- Khumbuza abafundi ngevesi yoku-1.

**2. Ukufunda**
- Funda imigca emibini yokuqala kwivesi yesi-2, ukhomba emagameni. Bonisa amalungu omzimba ofunda ngawo.
- Abafundi babakulinganise xa befunda nawe.
- Phinda (oku kungentla) kwimigca elandelayo emibini yevesi yesi-2.

**3. Qhelanisa**
- Ziqhelanise nevesi yesi-2 kunye nemilinganiso, de abafundi bayichane

**4. Yongeza ingonyana**
- Cula ivesi yoku-1 neyesi-2.

**Umsebenzi wasekhaya**
- Khetha amalungu amahlanu omzimba wakho uze ubhale ngomsebenzi welungu ngalinye, umz. Impumlo – ukuphefumla nokunukisa.




## izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba weVula Bula: ikhadi likanobumba u-**/e/**; oonotsheluza basuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **iwele, ulele, ifele, ijele, i-esile**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi. **iwele lakhe lilele.** Sika oonotsheluza kuludwe lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqaphela nokunika oonobumba amagama. Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/e/**. Ukuthatha inxaxheba kuyo yonke imisebenzi eyenziwa ngomlomo yolwazi ngefonimi kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Phinda uyifunde uze ucele abafundi bayitsho nawe.
- Buza sesiphi isandi esiphanda-phindiweyo kwisivakaliso.
- Cela umfundi abemnye azokwalatha kwisandi u-**/e/**.
- Xelela abafundi ukuba esi sandi sesi siza kuba yincam namhlanje – indlela yokusibiza, yokusifunda neyokusibhala.

**2. Ikhadi likanobumba u-/e/**


- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Xelela abafundi bathi **/e/**. Kufuneka bakujonge emlonyeni, baphinde bayitsho bejongene emilonyeni ukuze babone ukuba imilebe yenza ntoni na.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza isandi u-**/e/**.


**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi bacebise ngamagama anesandi u-**/e/**.
- Funda amagama koonotsheluza kunye nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama nganye.
  - Jonga indawo esimi kuyo isandi egameni (ekuqaleni, phakathi/ embindini, ekugqibeleni).
  - Sebenzisa igama nganye kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze uzisebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwa kwiincwadi zemisebenzi yezandi ngexesha le-GGR.)**

## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*






- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenzwa umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo wamachokoza wesandi u-**/e/** kwiincwadi zokusebenza zabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba nokusebenzisa ikreyoni kunye ne pensile. Ukuphuhlisa indlela yokubhala nokuphuhlisa icala abakhokelela ngakulo xa bebhala: ekhohlo uyokutsho ekunene; phezulu uyokutsho ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela. Ukomeleza izihlunu ezicolekileyo, ukuphuhlisa izakhono zokushukuma ezicokileyo nezinkulu/cacileyo kunye nokulungelelanisa kwamehlo. Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/e/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokuthe gca**

- Fulathela abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Bhala iphatheni ebhodini uthethele imiyalelo phezulu
- Cela abafundi babhale iphathini emoyeni baze batsho nemiyalelo.

**2. Qhelanisa**

- Bazise kwingoma eza kubanceda bakhumbule ukubumba unobumba u-**/e/**: **"Yenz'umgca esphakathini, ujikele ngqukuva, uphelel' esthubeni"**
- Baxelele ukuba baphinda-phinde le ngoma xa bebhala unobumba u-**/e/** ngeminwe yabo emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo.
- Cela abafundi babhale unobumba u-**/e/** ezincwadini zabo zokusebenza. Baqale ngonobumba u-**/e/** obhalwe ngamachokoza.
- Hamba-hamba uncede abo badinga uncedo.


**Qiniseka**

- Bonke abafundi bahleli ngqo ze iinyawo zabo zicambalele/ zithe tyaba phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi bazibambe kakuhle iikreyoni zabo.
- Indawo yokuqala: Bonke abafundi baqala ekhohlo uyotsho ekunene.

**Umsebenzi wasekhaya**


- Qhelanisa ukubhala oonobumba u-**/e/** no-**/a/** kwiincwadi zabo zokubhala ngesandla.

## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*




- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Iqokobhe elilahlekileyo***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa. Thetha ngeempendulo zobuqu kwibali. Ukufunda isigama esitsha. Ukuphulaphula ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
- Ucinga ukuba liyakubangantoni eli bali?

**3.Ngexesha lokufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo.
- Bonisa omnye umfanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.
- Ucinga ukuba uTutu ebelufudo lolwandle olonwabileyo? Kutheni?
- Wakhe walahlekelwa yinto? Waziva njani?

**4. Emva kokufunda**
- Cela umfundi okanye ababini ukuba bashwankathele ibali ukuzokuthi ga ngoku.
- Xelela abafundi ukuba uyakuphela apho namhlanje.

Umzimba Wam Ngumzimba Wam". Sizakucula iingoma, sonwabe kwaye sifunde ngeendlela zokuhlala sikhuselekile. Ubusazi ukuba, imizimba yethu ikhethekile kakhulu kwaye akekho umntu onelungelo lokusihlukumeza, okanye aphathe amalungu ethu angasese, okanye enze nantoni na engasenza sizive singakhululekanga ngoba imizimba yethu ikhethekile okwenene. Sizakuqala ingoma yethu yokuqala ke ngoku, kwaye ndifuna uze ucule nam – igama lalengoma ngu "Umzimba Wam Ngumzimba wam

## Ukufunda notitshala *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ingoma: ***Umzimba wam***
- **Amalungiselelo:** Bhala ingoma kwitshati.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda umbongo nesihloko. Mamela ngaphandle kokuphazamisa. Cula iingoma uze ulinganise.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Khumbuza abafundi ngevesi yokuqala neyesibini.

**2. Ukufunda**
- Funda le migca mibini yokuqala yevesi yesithathu, yalatha kumagama. Bonisa amalungu omzimba ofunda ngawo.
- Yenza abantwana benze ulinganiso njengoko befunda nawe.
- Phinda le migca mibini ilandelayo yevesi yesithathu.

**3. Ziqhelanise**
- Ziqhlanise nevesi yesithathu, kunye nolinganiso, bade abafundi bayenze kakuhle.

**4. Yongeza ingonyana**
- Cula ivesi yesithathu.

**5.Gqibezela ingoma**
- Cula ingoma yonke ukusuka kwivesi yoku-1 ukuya kweyesi-3.

**Umsebenzi-wasekhaya**
- Ziqhelanise nengoma amalungu entloko yakho: amehlo, impumlo, iindlebe, umlomo. Lungiselela ukubonakalisa ingoma yakho phambi kwabanye abafundi.




## Izandi *(15min)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula; ikhadi likanobumba u-/i/; oonotsheluza basuka kuluhlu lwamagama ezandi: **iwile, iya, ivili, inja, icici**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Icici lika sisi liwile.** Sika onotsheluze kuluhlu lwamagama.
- **Ilnjongo zesifundo:** Ukuqaphela nokunika amagama oonobumba. Ukuchonga nokufunda amagama esandi u- **/i/**. Thatha inxaxheba kwiklasi yonke kulwazi lweezandi yolwazi nemisebenzi eyenziwa ngomlomo.


**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Yifunde kwakhona uze ucele abafundi bayitsho kunye nawe.
- Babuze ukuba sesiphi isandi esiphinda-phindwe kakhulu kwisivakalisi.
- Cela umfundi abemnye aze akhombe kwi sandi u **/i/**.

**2. Ikhadi likanobumba u /i/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Xelela abafundi ukuba bathi **/i/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, phinda uyitsho nijonge emilonyeni yomnye nomnye ukuze nibone ukuba imilebe yenzani.
- Babuze ukuba unobumba u **/i/** wenziwa ngabaphi onobumba.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u **/i/**
- Funda amagama akonotsheluze kunye nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye.
  - Jonga kwindawo yesandi kwigama (ekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni).
  - Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze uwasebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwe kwiincwadi zokwenza umsebenzi ngexesha le GGR.)**




## Ukubhala *(Imizuzu engama-15)*

- **Izixhobo:** itshati kwakunye nomzimba obhalwe ngokucinezela; iileyibheli zamalungu omzimba: **intloko, impumlo, intamo, imzimba, ingalo, imilenze, iinzwane, imehlo, indlebe, umlomo, amagxa, isandla umnwe, unyawo**
- **Amalungiselelo:** Bhala ngokucinezela umzimba okwitshati kwangethuba.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga uze uleyibhele amalungu omzimba, ugxininise isigama.

**IMISEBENZI**

**1. Leyibhela ipowusta**
- Beka itshati ebhodini uze ucacise umsebenzi.
- Xelela abafundi ukuba uyakwenza ipowusta, ngoko ke udinga isihloko se powusta leyo.
- Xoxa ngesihlobo esiyakuthi silungele le powusta.
- Nikisa iileyibheli kubafundi abalapha kwigumbi lokufundela ngaphandle kokubahlela, qinisekisa ukuba uyabaxuba-xuba ngokolwazi lwabo/izakhono zabo khon'ukuze kubekho ithuba lokuxoxa kwakunye nokuzilungisa.
- Abanye abafundi bancedisa ukuhambelanisa iileyibheli kwilungu lomzimba elilo.
- Xa zithe iileyibheli zabekwa, phinda uzijonge kwakhona.
- Funda ileyibheli nganye kunye nabafundi.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-2: Usuku Lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Iqokobhe elilahlekileyo***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa. Thetha ngamava onawo. Ukuchaza iindaba nokuchaza imozulu. Ukuphendula imibuzo ngebali.


**AIMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Lungiselela abafundi ukuze bafunde ngokuvakalayo.

**2. Phambi kokufunda**
- Khumbuza abafundi ngezinto ozifundileyo izolo.
- Buza imibuzo:
- Yintoni ocinga ifuna ukwenziwa? (ukuqikelela)

**3. Ngexesha lokufunda**
- Funda ibali lonke ngemvakalelo uze ubonise eminye imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Shwankathela ibali, ubhekisele kwinxalenye yezinto ozifumene ebalini (isakhiwo sebali, ingxaki nesisombululo).
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda efana nale:
  - Kutheni iqokobhe libalulekile kuTutu?
  - Ukuba ubunguTutu, ubuza kwenza njani ukukhusela iqokobhe ekulahlekeni?




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yemisebenzi yesiXhosa ye-DBE; izikere; iipensile; isincamathelisi
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zomsebenzi zeDBE, izikere nezincamathelisi ezaneleyo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba nokusebenzisa ikreyoni kunye nepensile. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo nokuphuhlisa izakhono zemithambo nolungelwaniso lwamehlo. Ukuchonga, ukuphawula amalungu omzimba nokugxininisa isigama.

**IMISEBENZI**

**1. Chonga uze uphawule amalungu omzimba ngababini**
- Xelela abafundi batyhile kwiphepha lesi-5 kwincwadi zabo zemisebenzi ye-DBE.
- Baxelele basebenze ngokwamaqabane.
- Kufuneka basike imilenze, iingalo nobuso baze bazincamathisele ezindaweni ezichanekileyo kumzimba ongaphelelanga.
- Emva koko, baphawule iingalo, imilenze nobuso.
- Balathise upelo oluchanekileyo. Baxelele ukuba bangasebenzisa amaphepha ophawu kwiphepha lesi-4 ukubancedisa ngopelo.
- Abo bagqibe kuqala bangabe befaka imibala emzimbeni.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: ikhadi likanombumba u-/o/; oonotsheluza basuka kuluhlu lwamagama ezandi: **ihoko, idolo, iholo, izolo, ugogo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha elinesivakalisi: **Olona sana lonwabileyo loluka gogo.** Sika onotsheluza kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqaphela nokunika onoobumba amagama. Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**o**/. Ukuthatha inxaxheba kuyo yonke imisebenzi eyenziwa ngomlomo ngolwazi lweefonimi kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Yifunde kwakhona uze ucele abafundi bayifunde kunye nawe.
- Buza ukuba sesiphi isandi esiphindaphindiweyo kwisivakalisi.
- Buza umfundi abemnye eze ngaphambili aze alathe unobumba u-/**o**/.


# Iveki Yesi-2: Usuku Lwesi-4

**2. Ikhadi likanobumba u-/o/**
- Ncamathisela iqweqwe likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Xelela abafundi bathi **/o/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.
- Babuze ukuba ngowuphi na unobumba owenza isandi u-**/o/**.

**3. Izandi**
- Cela abafundi banike amagama anesandi u-**/o/**.
- Funda amagama akonootsheluza kunye nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye.
  - Jonga apho sikhoyo isandi egameni (ekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni).
  - Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze uyisebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwe kwiincwadi zemisebenzi yezandi nge xesha le-GGR.)**





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo loonobumba u-**/o/** kwiincwadi zemisebenzi zabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ziqhelise ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile. Phuhlisa isalathiso: ekhohlo nasekunene, phezulu naphantsi. Yomeleza izihlunu ezicekethekileyo uze uphuhlise izakhono zemithambo nolungelwaniso lwamehlo. Funda uze uziqhelanise ukubhala unobumba u-**/o/**.


**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokucacileyo**
- Banikele umva abayalele ukuba bajonge kuwe.
- Bhala ipatheni ebhodini ngelixesha ubayalela ukuba babhale kwiincwadi zabo zokubhala.
- Mema abafundi ukuba babhale ipatheni emoyeni ngelixhesha ubanika imiyalelo.

**2. Ukuziqhelanisa**
- Baxelele ngengoma eya kubanceda bakhumbule ukwenza unobumba u-**/o/** uqale emzimbeni uhle ubeke ichaphaza.
- Baxelele ukuba baphinde ingoma ngelixesha besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-**/o/** emoyeni, edesikeni, okanye emqolo komnye umfundi.
- Baxelele babhale unobumba u-**/o/** kwiincwadi zabo zomsebenzi, baqale ngo-**/o/** ochokoziweyo.
- Hamba-hamba uncede abo bafuna uncedo.

**Qinisekisa ukuba**
- Bonke abafundi bahleli qwa kwaye babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi bazibambe ngendlela efanelekileyo iikreyoni.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.


**Umsebenzi wasekhaya**
- Ziqhelanise ukubhala abanobumba balandelayo: u-**/a/**, **/e/** no **/i/**.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** incwadi yamabali: ***Iqokobhe elilahlekileyo***; itshathi yemoyezulu
- **Amalungiselelo:** Khumbuza abafundi benze awabo amabali.
- **Injongo zesifundo:** Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa. Thetha ngamava akho. Ukuxela iindaba, ukucacisa isimo sezulu nokuphendula imibuzo esuka kwibali. Ukuziqwebela amabali.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Benze abafundi balungele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Shwankathela ibali.


**3. Emva kokufunda**
- Chitha ixesha nabafundi nithetha ngemibuzo elandelayo:
  - Yintoni ekwenze umdla ebalini?
  - Ufunde ntoni ebalini?
  - Yayingubani umdlali wakho ophambili? Ngoba?




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yemisebenzi yesiXhosa ye-DBE, Iphepha lesi-6 nelesi-7; iikreyoni
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa umfundi ngamnye unayo incwadi yomisebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba ngekhrayoni engqindilili. Ukuziqhelanisa ukubamba ikhrayoni nepensile Ukuphuhlisa icala abakhokelela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi. Ukomeleza izihlunu ezicekethileyo uze uphuhlise izakhono nemithambo nolungelwaniso lamehlo. Ukukhuphela ngokucinezela izandla zabafundi zozibini kwizithuba ezinikiweyo, ngokujonga isandla sasekhohlo nasekunene.

**1. Cacisa imisebenzi kubafundi**
- Umfundi ngamnye ukhuphela ngokucinezela isandla sakhe eqala ngesasekhohlo. Baqinisekise ngokukhuphela ngokucinezela iminwe yabo yonke.
- Kufuneka benze okufanayo noko bebekwenze kwisandla sasekhohlo.
- Hamba-hamba ujikeleza ubacele ukuba babale iminwe abathe bayikhuphela ngokucinezela.
- Nceda apho bafuna ukuncedwa khona.




## Izandi *(imizuzu eyi15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: Ikhadi likanobumba u-/u/; onotshsuluza kuluhlu lwamagama  ezandi: **ubuso, ulusu, ufudo, cula, gula**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **Usana lulilela umama.** Sika onootsheluza kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Qaphela uze unike amagama konoobumba. Chonga uze ufunde amagama anezandi u- **/u/**. Thatha inxaxheba kuyo yonke imisebenzi eyenzwa ngomlomo yolwazi ngefonimi kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodeni. Funda ngokuvakalayo. Yifunde kwakahona uze ucele abafunde bakulinganise.
- Buza sesiphi isandi esiphindaphindiweyo kwisivakalisi.
- Biza umfundi abemnye alathe isandi u-**/u/**.


**2. Ikhadi likanobumba u-/u/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso. Xelela abafundi babize unobumba u-**/u/**. Mabajonge emlonyeni wakho, uphinde ubize unobumba uze ujonge kwimilomo yabo nabo bajonge kowakho, baphinde bajonge omnye komnye.
- Babuze ngowuphi unobumba owenza isandi-u-**/u/**.

**3. Izandi**
- Cela abafundi banike amagama ane sandi u-**/u/**.
- Funda amagama konootsheluza nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye.
  - Jonga apho sikhoyo isandi egameni (ekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni).
  - Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.

  Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze uyisebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwe kwiincwadi zemisebenzi yezandi ngexesha le- GGR time.)**






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo likanobumba u-/**o**/ ochokoziweyo kwiincwadi zemisebenzi zabafundi.
- **Injongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba ikreyoni nepensile. Phuhlisa icala abakhokelela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene uze phezulu uyokutsho zantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo nokuphuhlisa izakhono zemithambo nolungelwaniso lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**u**/.

**IMISEBENZI**

1. **Ukufundisa ngokuthe gca**
   - Banikele umva abafundi bakho ubayalele bajonge kuwe.
   - Bhala iphatheni ebhodini ngelixesha ubanika imiyalelo yokubhala ngokuvakalayo.
   - Mema abafundi babhale iphatheni emoyeni ngelixesha bethetha ngemiyalelo yokubhala.
2. **Ukuziqhelanisa**
   - Baxelele ngengoma eyakubanceda bakhumbule ukubumba unobumba u-/**u**/. Qala kungqukuva, ujikelengqukuva, uvale
   - Baxelele ukuba baphinde ingoma ngelixesha besebenzisa iminwe yabo ukubhala inobumba u-/**u**/ emoyeni, edesikeni nasemiqolo yogxa babo.
   - Xelela abafundi babhale unobumba u-/**u**/ kwincwadi zabo zemisebenzi baqale ngonobumba u- /**u**/ ochokoziweyo.
   - Hamba-hamba ujikeleze uncede abo bafuna ukuncedwa.

**Qinisekisa**
- Bonke abafundi bahlale nkqo babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iikreyoni zabo ngokufanelekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke anbafundi baqala ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki:

| | | |
|---|---|---|
| *amagxa* | *inja* | *umama* |
| *baleka* | *intamo* | *umlomo* |
| *iinzwane* | *intloko* | *umncedi* |
| *imehlo* | *isandla umnwe* | *unyawo* |
| *imilenze* | *isihlobo* | *usisi* |
| *impumlo* | *khaba* | *utata* |
| *imzimba* | *nqanda* | *utatomkhulu* |
| *indlebe* | *ubhuti* | |
| *ingalo* | *umakhulu* | |

## Izibalo

*after: emva*


*before: phambi*

*between: phakathi/ mbindi*

*how many: ngaphi*

*same: fana*

# IVeki Yesi-3: Usuku Loku-1






## Ukuphula-phula nokuthetha *(imizuzu eli-120)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE:** ***Esikolweni;*** isigama soonotsheluza: **ipensile, ipeni, irula, irabha, isincamathelisi**
- **Amalungiselelo:** Yenza isihloko somcu wephepha kunye nonootshezula besiXhosa bamagama akwipowusta
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta namava abo. Ukufunda isigama esitsha.


**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Esikolweni***

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko (konootshezula) 'Esikolweni'.
- Ncamathisela unotsheluza kwisihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Cela abafundi ukuba bajonge ngaphakathi kwigumbi labo lokufundela bandule ukujonga ipowusta.
- Dwelisa izinto ezisegumbini labo nezikwipowusta.
- Buza imibuzo efana nale:
  - Injani imvakalelo yabafundi ngegumbi labo lokufundela?
  - Kutheni besitsho?
  - Ucinga utitshala wenza ntoni?
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula:** ***Bala***; oonotsheluza besigama: **ibhaloni, amabhaso, ikeyiki, isiselo esibandayo**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwexesha wandule ukulungisa imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni ngamaqela nokwenza uqikelelo olungqamene namava abo baze baphendule imibuzo ngengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Iqweqwe:** Funda uze uthethe ngesihloko somfanekiso.
- Buza imibuzo efana nale:
  - Jonga umfanekiso. Ucinga eli bali lingantoni? (qikelela)
  - Ngubani ozalwayo kule nyanga? (ulwazi ngemvelaphi)
  - **Imifanekiso:** Gqala kwimifanekiso (ngaphandle kokufunda) ubuze lemibuzo:
  - (iphepha lesi-4) Nicinga ngobani aba bantu?
  - (iphepha lesi-5) Ngubani oza kufumana iqhekeza leqebengwana?
- **Isigama:** Fundisa igama ngalinye elitsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.


**2. Ngexesha lokufunda**

- Funda ibali ngokubonisayo, ukubonisa ubuciko
- Buza imibuzo yokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lesi-4) Ngumhla kabani wokuzalwa obhiyozelwayo apha? Ugqiba iminyaka emingaphi?
  - (iphepha lesi-6) Ngubani umntu wesibini ofumene iqhekeza leqebengwane?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Ucinga ukuba uLulu uvakalelwa njani emva komhla wakhe wokuzalwa?

# IVeki Yesi-3: Usuku Loku-1




baleka

bulisa

ubisi

ibali

## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** umzobo wesandi weVula Bula: Iikhadi Iikanobumba u-**/b/**; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwezandi: **bala, bona, buza, beka, baleka**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **uLulu ubala abantu.** Sika oonotsheluza kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha nokufunda isandi u-**/b/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha lesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha lesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Funda kwakhona uze ucele abafundi bafunde kunye nawe.
- Buza sesiphi isandi esiphinda-phindiweyo kwisivakalisi.
- Biza umfundi omnye azokolatha kwisandi u-**/b/**.
- Xelela abafundi ukuba esi sisandi oza kugxila kuso namhlanje –**usibize** – usifunda kwaye usibhala njani.

**2. Ikhadi likanobumba u-/b/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Buza: Yintoni le? Phinda impendulo – **ubisi** – ugxininise u-**/b/**.
- Xelela abafundi bathi u-**/b/**. Mabajonge emlonyeni wakho, phinda uze ujonge emilonyeni yomnye nomnye ukubona imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ngowuphi unobumba owenza isandi u-**/b/**.

**3. Amagama ezandi**
- Buza abafundi bacebise ngamagama anesandi u-**/b/**.
- Funda amagama akonoosheluza nabafundi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa amagama kwizivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze uwasebenzise iveki yonke.
- Thumela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo lukanobumba u-**/b/** ochokoziweyo kwincwadi yomsebenzi yomfundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/b/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokucacileyo**
- Banikele umva abafundi uze ubaxelele ukuba bakujonge.
- Bhala ipatheni ebhodini ngelixa ubayalela ngokuvakalayo ukuba babhale.
- Cela abafundi ukuba babhale ipatheni emoyeni ngelixa ubanika imiyalelo.

**2. Ukuziqhelanisa**
- Baxelele ngeculo eliya kubanceda ukuze bakhumbule ukwenza unobumba u-**/b/**.
  **Wuqal'entloko uhle ubhek'emzimbeni unyuke kwangalomgca ujikel'e mzimbeni ngqukuva uvale.**
- Baxele ukuba baphinde iculo ngelixa basebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-**/b/** emoyeni, edesikeni, okanye kumqolo womnye umfundi.
- Xelela abafundi babhale unobumba u-**/b/** kwiincwadi zabo zomsebenzi obhalwa ngesandla, baqale ngo-**/b/** ochokoziweyo.
- Hamba-hamba unceda abo bafuna uncedo.

**Qinisekisa ukuba**
- Bonke abafundi bahleli qwa kwaye babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubanjwa kwepensile: Bonke abafundi babambe iikreyoni zabo ngokuchanekileyo
- Indawo ekuqalwa kuyo: Bonke abafundi baqala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# IVeki Yesi-3: Usuku Lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yesiXhosa ye-DBE, amaphepha 20 no 21; isigama sonotsheluza: **ipowusta,iphazili, isincamathelisi, ipeyinti, ubhaka**
- **Amalungiselelo:** Oonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso. Nxulumanisa nakumava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Yisebenzise kwisivakalisi.

**2. Incwadi yomsebenzi**
- Xelela umfundi atyhile kwiphepha lama-20 lencwadi yemisebenzi ye-DBE. Jikeleza uqinisekise ukuba basephepheni elinye bonke.
- Thetha ngomfanekiso. Buza imibuzo efana nale:
  - Uinga ukuba ikhompyutha yenzelwe ntoni?
  - Ngubani ocinga usebenzisa le khompyutha?
  - Ingaba la kati ingasemnyango yenza ntoni apha esikolweni?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** incwadi enkulu ye**Vula Bula:** ***Bala***
- **Amalungiselelo:** Funda ibali uze ulungiselele ukubuza imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni ngokuqikelela, ukunxulumanisa kumava abo baze baphendule imibuzo ngengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Buza abafundi bebefunde ntoni izolo?
- Bacele bakuxelele ngamagama amatsha bebewasebenzise izolo: **ibhaloni, amabhaso, ikeyiki, isiselo esibandayo.**
- Kufuneka basebenzise igama ngalinye elitsha kwisivakalisi.
- Bafundise ukubeka isingxi ekupheleni kwesivakalisi. Funda isivakalisi: Lusuku lokuzalwa luka Lulu namhlanje. Buza:
  - Ngubani olwaziyo luthetha ntoni olu- (.) ekupheleni kwesivakalisi?
  - Ingaba imxelela ntoni umfundi?
  - Bonisa ukuba ubuza kufunda njani ukuba belingekho ichaphaza elibonisa ukuphela kwesivakalisi kwiphepha lesi-4.

**2. Ngexesha lokufunda**
- Funda ibali lonke ngokubonisayo uze ubonise ubuciko.

**3. Emva kokufunda**
- Gqiba ukufunda esisifundo ngokubuza le mibuzo ilandelayo.
  - Kutheni uLulu ebala xa omnye efumana iqhekeza leqebengwana?
  - Yintoni emxhalabisayo?





## izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu wonoobumba lweVula Bula: ikhadi likanobumba u-/**b**/, incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-58 nelama-59; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi: **bulisa, baleka, beka, ubisi, ubuso, ibali.**
- **Amalungiselelo:** Sikisa oonostheluza kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**b**/ kumagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Bhekisa kwitshati yezandi ujonge ukuba abafundi bayawaqonda na amagama afundiswe izolo.
- Ncamathisela ikhadi likanobumba u-/**b**/ ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qala ukufundisa amagama amatsha kanobumba u-/**b**/.
- Thetha ngentsingisela yamagama. Jonga isimo segama ngasinye. Lisebenzise kwisivakalisi okanye ulilinganise.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yemisebenzi yesiXhosa ye-DBE iphepha lama -60
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi unencwadi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelise ukubhala unobumba u-**/b/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhubuza**


- Buza abafundi ukuba basakhumbulana ukuba bendimbize njani unobumba u-**/b/**.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi benze kunye nawe:
  **Uqal' entloko, uhle ubhek' emzimbeni unyuke kwangalomgca ujikel'emzimbeni ngqukuva uvale.**

**2. Incwadi yemisebenzi ye-DBE**

- Xelela abafundi batyhile kwiphepha lama-60 kwincwadi zabo zemisebenzi.
- Bakhokele abafundi ekwenzeni imisebenzi.
- Jikeleza ngaphakathi kwabo uqinisekise bayawenza umsebenzi wabo ngokufanelekileyo.

**Qinisekisa**


- Bonke abafundi bahlale qwa nenyawo zabo phantsi.
- Bamba ipensile: Bonke abafundi babambe ikreyoni zabo ngokufanelekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi kufuneka baqale ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** uMolo Zoleka; incwadi yebali, itshathi yemozulu
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla elonwabisayo.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi yemozulu nomhla**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Ukufundelwa ngutisthala**
- Yenza abafundi balungele ukufundelwa ngutitshala.

**3. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko nangeqweqwe uze ubuze imibuzo.
- Ucinga elibali lingantoni? (qikelela)
- Ucinga libali lokwenyani? Kutheni usitsho?

**4. Ngexesha lokufunda**
- Funda isisqingatha sokuqala sebali ngokuzibonakalisa.
- Bonisa inxenye yemifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.

**5. Emva kokufunda**
- Cinga ngemibuzo emibini okanye emithathu engagqitywanga ukuvavanya ukuhlola abafundi ngengqiqo okanye ukuqonda ngebali.
- Xelela abafundi uza kuphela apho namhlanje.





## Ukufunda notitshala *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Bala***; isigama soonotsheluza (ukusuka ngoMvula noLwesibini)
- **Amalungiselelo:** Susa amagama owazise kwizifundo zokuqala nezesibini kwitshathi yesigama. Axhome eludongeni kwigumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni nokuphuhlisa isigama.

**1. Isigama**
- Cela abafundi bafune amagama obubafundise wona ngoMvulo nangoLwesibini eludongweni.
- Xa omnye efumene igama makazame ukulifunda emva koko alincamathelise kwitshathi yesigama. Bavumele abafundi baguqule umbhalo ofihlakeleyo uze ubacele bafunde ngobuciko.

**2. Ukufunda**
- Funda lonke ibali ngokuzibonakalisa.
- Mema abafundi bafunde nawe kwi phepha le-9.




## Izandi *(15min)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi we-Vula Bula: ikhadi ikanobumba u-**/a/**; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwezandi: **umama, utata, usana, abafana, amabala**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wesivakalisi: **Usana lukhalela umama.** Sika oonotsheluza kuluhlu lwamagama.
- **Ilnjongo zesifundo:** Ukuchonga nokwenza isandi sikanobumba u- **/a/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wesivakalisi ebhodini. Gxininisa unobumba u- **/a/**.
- Xelela abafundi ukuba uza kugxila kwesi sandi namhlanje – sijongeka njani, sibizwa njani kunye namagama analonobumba.

**2. Ikhadi likanobumba u- /a/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso. Buza: Yintoni le?
- Phinda impendulo– **iapile** – uze ugxininise ku-**/a/**.
- Xelela abafundi babize unobumba u-**/a/**. Mabajonge emlonyeni wakho, phinda ubize uze ujonge emilonyeni yabo ujonge imilebe yabo yenza ntoni.

**3. Izandi**
- Fundisa igama elitsha u-**/a/** usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso
- Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama. Lisebenzise kwisivakalisi okanye usilinganise.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi. Uze uyisebenzise kude kuphele iveki.

**4. Uluhlu lwamagama**
- Abafundi mabancamathisele uluhlu lwamagama. Phinda ufunde.






## Ukubhala ngamaqela *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshathi; ikoki peni; incwadi yemisebenzi yabafundi
- **Amalungiselelo:** Funa itshathi emhlophe nekhrayoni zibekhona okanye zilunge. Hlala nabafundi emethini.
- **Iinjongo zesifundo:** Thatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso uze ubhale isihloko sombhalo.


**1. Zobani umfanekiso kunye**
- Xelela abafundi ukuba baza kwenza umzobo ongento abafunde ngayo.
- Cela abafundi bakuxelele indlela abazali babo ababhiyozela imihla yabo yokuzalwa. (Bahlala ndawonye, babelane ngekeyiki nabanye? Okanye bayazikhupha?).
- Nika abafundi kangangoko unika inxaxheba yokwabelana ngamabali.
- Jonga ukuba zikhona iimpawo ezifanayo xa kubhiyezelwa imihla yokuzalwa (okanye umzekelo, ingaba ubuninzi babelana ngekeyiki ngeemini zabo zokuzalwa?).
- Xelela abafundi ukuba uza kuzoba umfanekiso obonisa indlela usapho lubhiyozela imihla yokuzalwa. Ngoncedo lwabafundi, bhala isihloko somfanekiso.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Molo Zoleka; incwadi yebali; itshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinomdla elonwabisayo nokuphendula imibuzo engebali.

**IMISEBENZI**

**1. Funda ngokuthe gca**
- Lungiselela abafundi ukuze bafunde ngokuvakalayo.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha nabafundi malunga ngendawo oyifundileyo.
- Ucinga kuzakwenzeka ntoni okulandelayo? (qikelela)

**3. Ngexesha lokufunda**
- Funda lonke ibali ngokubonisayo uze ubonise inxenye yemifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Shwankathela ibali ubonise isiqalo (abalinganiswa, iqonga, ingxaki nesisombululo).
- Buza imibizo emibini okanye emithathu ukuhlola uvavanyo lokuqiqa lomfundi.






## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yokubhala yabafundi; iikreyoni; itshathi yokubhala.
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhala nesihloko ngezantsi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko iklasi ibibhale ngaso izolo.

**IMISEBENZI**
- Yalela abafundi bakhuphele umzobo nesihloko kwiincwadi zabo zokubhala.
- Bakhokele ukuba babhale isihloko ebhodini ezantsi kwemizobo yabo.
- Bakhokele ukuba bashiye izithuba phakathi kwamagama.
- Hamba-hamba ucele umfundi ngamnye afunde oku akubhalileyo.





## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** incwadi yemisebenzi ye-DBE, amaphepha ama-26 nama-27
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yomisebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokwenza isandi sikanobumba u- **/a/** kumagama amatsha

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Fundisa ngetshathi yezandi uze ujonge abafundi bayaqonda na ngamagama afundiswe izolo.

**2. Incwadi yomisebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 26 kwincwadi yemisebenzi ye-DBE.
- Khokela abafundi benze imisebenzi.
- Hamba-hamba wenze isiqinisekiso benza umsebenzi wabo ngokufanelekileyo.
- Nceda apho uncedo lufuneka khona.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** incwadi yesandla yabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini ngemigca emibini. Bhala ukrozo lonobumba u-**/a/** ochokoziweyo ebhodini. Bhala u-**/a/**ochokoziweyo ephepheni elicocekileyo elisongiweyo kwincwadi yombhalo wesandla kumfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/a/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ziqhelanise kunye**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala unobumba u-**/a/**.
- Nikela abafundi umva uze ubabuze bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni ubize ngokucacileyo: **Qala kungqukuva, ujikele ngqukuva, uhle kwangalamgca.**
- Cela abafundi batsho ngokucacileyo benze kunye nawe.
- Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, nasemiqolweni yabo, ezandleni zabo nase zidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba ochokoziweyo ebhodini uze uqale ukubhala. Cela abafundi bacule ingoma ngokucacileyo ngelixesha ubhalayo.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Xelela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala ngezandla baze batyhile iphepha obalungiselele lona.
- Banike imiqathango ngokucacileyo ngelixesha bebhalayo.
- Hamba-hamba ujikeleze ubone baqhuba njani uze uncede apho bacela uncedo khona.


**Qinisekisa**
- Bonke abafundi bahlale nkqo babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile – bonke abafundi babambe iikreyoni zabo ngokufanelekileyo.
- Isiqalo – bonke abafundi babhale ukuqala ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Molo Zoleka***; itshathi yesimo sezulu.
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ukuze ubaqubule abafundi ngelixesha babalisa ibali. Ziza iimpahla zeqonga okanye iimpahla kubafundi ababalisa ibali.
- **Injongo zesifundo:** Ukuphinda ukubalisa ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Shwankathela ibali.

**2. Emva kokufunda**
- Xelela abafundi ukuba baza kulinganisa ibali.
- Sebenzisa eli ixesha ukukhetha abalinganiswa uze ubanike iimpahla zabo zeqonga.
- Chitha eli xesha nabafundi, belinganisa imigca yabo bebonisa indlela abazokwenza ngayo.
- Cela bonke abafundi baphulaphule baze benze izilungiso okanye bongeze oko kushiyekileyo.
- Sebenzisa ipiriodi yezendalo nenkcubeko ukuze abafundi balinganise.
- Emva komdlalo weqonga buza abafundi yintoni ebanike umdla ngelaxesha bebelinganisa okanye bebebukele.







## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikreyoni; itshathi yokubhala
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela isakhelo sokubhala kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bazakusebenzela benze umzobo ochaza ukuba bava njani ngemihla yabo yokuzalwa.
- Baza kuphinda babhale isihloko esichaza indlela abava ngayo ngemini yabo yokuzalwa.
  **Ngemini yam yokuzalwa ndiziva …**
- Bakhumbuze abafundi indlela uLulu wayezive ngayo ngomhla wokuzalwa.
- Bacele ukuba bacinge ngemvakalelo zabo ngemihla yabo yokuzalwa.
- Nika abafundi umzuzu uze ubacele bazobe.
- Xelela bonke abafundi ukuba basibhale isihloko ngokugqibezela isivakalisi osibhalileyo ebhodini.
- Hamba-hamba ujikeleze uze uncede xa kufuneka uncedo.




## Izandi *(imizuzu eyi15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi we-Vula Bula; ikhadi likanobumba u-**/a/** no **/b/**; oonotsheluza bamakhadi womsebenzi ofundisiweyo apha evekini.
- **Amalungiselelo:** Ncamathelisa amakadi oonobumba ebhodini. Xhoma onke amakhadi ezandi afundiswe kule veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga unobumba u-**/b/**.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi beze ebhodini - omnye ngexesha - bakhethe oonotsheluza.
- Kufuneka bafunde oonotsheluza benze isigqibo ukuba ungena phi u-**/a/** okanye **/b/**.
- Kufuneka bachaze ukuba kutheni beyincamathisele phantsi konobumba.
- Ingxelo: Qhubeka ukuze oonotsheluza babe bafundiwe kunye nengxelo.




## Ukubhala ngesandla *(1imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yemisebenzi yesiXhosa ye-DBE, iphepa lama-26
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa umfundi ngamnye unencwadi yemisebenzi ye-DBE.
- **Injongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**a**/.


**IMISEBENZI**

**1. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-26 kwiincwadi zabo zemisebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama- 26.
- Hamba-hamba ujikeleze wenze isiqinisekiso sokuba abafundi bayawenza umsebenzi wabo ngokuchanekileyo.
- Nceda apho uncedo lufunekayo.

**Qinisekisa**

- Bonke abafundi bahleli nkqo bebeke iinyawo zabo phantsi.
- Bamba ipensile: abonke abafundi babambe iikreyoni zabo ngokuchanekileyo.
- Isiqalo: Bonke abafundi baqala ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

| | | |
|---|---|---|
| *amabhaso* | *ibhaloni* | *ikrayoni* |
| *amakhandlela* | *iglasi* | *ipeni* |
| *amaphepha* | *ikeyiki* | *ipensile* |
| *bhiyoza* | *ikomityi* | *irabha* |
| *irula* | *isiselo* | *ubisi* |
| *isikere* | *esifudumeleyo* | *ukulumeka* |
| *isikhafutini* | *isosa* | *uyanambitha* |
| *isincamathelisi* | *iswekile* | |
| *isiselo* | *itafile* | |
| *esibandayo* | *izinkcwe* | |

## Izibalo


*add: dibanisa*

*altogether: sezizonke*

*less than: ngaphantsi kuna / ncinane kuna*

*makes: yenza*

*more than: ingaphezu kuna*





## kuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yeZakhono zoBomi ye-DBE, iphepha lama-28; oonotsheluza besigama: **isipili, amanzi, ibrushi yamazinyo, ibrashi yenwele**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokuyinxulumanisa kumava abafundi. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Ukuqoqosha nokucoceka*** (Incwadi yeZakhono zoBomi ye-DBE yoku-1, iphepha lama-28)
- Cela abafundi ukuba batyhile kwiphepha lama-28 kwincwadi yabo yezakhono zobomi.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isakhiwo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela amakhadi oonotsheluza kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.

**2. Umsebenzi wezakhono zobomi we-DBE**
- Buza:
  - Zeziphi ezinye zezizinto ubukhe wazibona ekuseni?
  - Uzisebenzise entweni?
- Cela abafundi ukuba benze isangqa kwizinto ezo ngeekreyoni zabo.



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: *Coca*; oonotsheluza besigama: **idesika, iindonga, ifestile, ibhodi, inkukuma**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele. Nxulumisanisa kumava abo. Ukuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. PHAMBI KOKUFUNDA**
- **Iqweqwe**: Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo efana nale:
  - Jongani indlela utitshala ame ngayo nendlela azibonakalisa ngayo. Ucinga ukuba uziva njani?
- **Ukubuka imifanekiso:** Thyila-tyhila amaphepha elibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama-34) benzani abafundi kulo mfanekiso? Ingaba wonke umntu uyacoca?
  - Ingaba ukhe ukwenze oku kwenziwa ngababafundi kweli gumbi lokufundela? Nini?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela amakhadi oonotsheluza kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.

**2. Ngexesha lokufunda**
- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo. Buza imibuzo yokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (Iphepha lama-34) Ingaba yeyiphi indawo ebebeyicoce kuqala? Ngubani ebejikeleza ngokugcolisa?
  - Kumfanekiso ngamnye, sibona abafundi abambalwa kuphela becoca loondawo ithile. Ucinga ukuba inokuba baphi abanye abafundi ngelixesha?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza oku:
  - Ucinga ukuba inoba abafundi abangamameliyo baziva njani ngokucoca? Ngoba kutheni?
  - Uziva njani wena ngokucoca?
  - Ingaba babakhona abafundi abangevayo ngelixesha igumbi lethu lokufundela licocwa?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba ze-Vula Bula: ikhadili kanobumba u-/**c**/; iphepha loluhlu lwamagama; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **icawa, icici, cula, coca, icephe**
- **Amalungiselelo:** Ukwenza umcwe wephepha onesivakalisi: Masicoce sicoce iidesika. Ukusika oonotsheluza kuluhlu lwamagama
- **Lesson objective(s):** Ukuchonga baze bavakalise unobumbau- /c/.


**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise isandi sikanobumba u-/**c**/
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-/**c**/ - ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-/**c**/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/m/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze uthethe ngomfanekiso: Buza ukuba: Yintoni le? Phinda impendulo "**icici**" uze ugxininise u-/**c**/.
- Xelela abafundi ukuba babize u-/**c**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emlonyeni womnye nomnye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-/**c**/.
- Funda amagama akoonotsheluza kunye nabafundi.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Qalisa ufundise abafundi amagama anonobumba u-/**c**/ usebenzisa oonotsheluza.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

**4. Iphepha lokwenza umsebenzi wezandi**
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo uze ufunde amagama kunye nabo.




## Ukubhala ngesandla *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesadla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni eyimikrozo emibini ebhodini. Bhala umkrozo kanobumbau-/**c**/ ibengamachaphaza. Bhala umkrozo kanobumba u-/**c**/ ibengamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yokubhala umsebenzi wesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**c**/

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelanisa**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubala unobumba u-/c/.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo: Qala kungqukuva, ujikele ngqukuva uphel'esithubeni
- Xelela abafundi ukuba baphinde emva kwakho isingqi njengoko besebenzisa iminwe yabo bebhala unobumba lowo emoyeni, emqolo komnye nomnye okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.


**Qinisekisa**:
- Bonke abafundi bahleli ngqo, iinyawo zabo zibephantsi.
- Ukubamba ipenlothe: bonke abafundi babambe iipenilothi zabo ngendlela.
- Indawo ekuqalwa kuyo: bonke abafundi babhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Monday | Tuesday | Wednesday | Thursday | Friday |
|---|---|---|---|---|
| Group 1 | Group 3 | Group 5 | Group 2 | Group 4 |
| Group 2 | Group 4 | Group 1 | Group 3 | Group 5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yeZakhono zoBomi i-DBE, iphepha lama-29; oonotsheluza besigama: ibhedi, iingubo, incwadi, isitya, ucango
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukuthetha ngemifanekiso kwipowusta nokuthatha inxaxheba kumdlalo ongalungiswanga.


**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: *Ukuqoqosha nokucoceka***

Ncamathisela ipowusta ebhodini.

- Ukuzikhumbuza oku ubuthethe ngako kunye namagama ubuwafundise okokuqala izolo.
- **Isigama:** Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela amakhadi oonotsheluza kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.
- Xoxa ngepowusta ngokubuza imibuzo efana nale:
- Yintoni exegileyo ngalomfanekisp?
- Ingaba bekufanele ukuba benza ntoni abafundi?
- Ukuba ubungumama wabo ungene kweli gumbi ubuza kuthini?

Coca







## Ukufunda notitshala *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: ***Coca***;oonotsheluza besigama: umgangatho, idesika, iindonga, ifestile, ibhodi, bonelisekile, inkukuma, coca. Umbongo owenziwe wamkhulu. Masicoce, sicoce. Wonk' umfundi, yonk' indawo. Sicoce, sicoce. Wonk' umfund' esebenzile.
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda malunga nesingqi semibongo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Khumbuza abafundi ngabakufunde izolo.
- Ukuhlola ingqikelelo: ukonelisa.
- Isigama: Cela abafundi ukuba baxele amagama abawafunde izolo. Mabatshatise igama kwakunye nomifanekiso awo.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
- Imfundiso ethe gca: Fundisa ngesingqi sombongo kwakunye namaphawu ancedayo kunye nesisingqi.

**2. Ngexesha lokufunda**

- Fundela abafundi umbongo, bonakalisa isingqi sombongo.
- Bonakalisa umsebenzi wephawu i-apostrofu kumbongo.
- Babonise ukuba bekuyakukwenzeka ntoni yaye ebuyakufundeka njani lo mbongo ukuba izikhamiso bezingasuswanga.
- Cinga ngokuvakalayo: Ingaba utitshala usebenzisa ilizwi elinjani xa ecela abafundi ukuba bangajikelezi nje kungekho nto bayenzayo?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza imibuzo yokujonga.
- Silucoca nini igumbi lethu lokufundela?
- Ngubani ofanele ukucoca namhlanje?





## Izandi *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba ye-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**c**/; Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi ye-DBE, amaphepha lama-54 nelama-55; oonotsheluza bezandi asuka kuluhlu lwamagama: **cola, cela, caca, cima**
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-/**c**/ kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**


**1. Ukuzikhumbuza**

- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.
- Ncamathisela amakhadi oonobumba ebhodini.




**2. Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**
- Cela abafundi ukuba bathyile kwiphepha lama-54 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi kwiphepha lama-54 nelama-55.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.

**Amagama ezandi**
- Qalisa ufundise abafundi amagama kanobumba u-/**c**/ usebenzisa oonotsheluza, umfanekiso okanye into. Cela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye kwisivakalisi okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Uze usenzise igama ngalinye kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi yesiXhosa, iphepha lama- 56
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yakhe yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**c**/.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula na ukuba ubuthe kwenziwa njani xa kubhalwa unobumba u-/**c**/.
- Bhala emoyeni ucela ukuba abafundi babhale kunye nawe.
- Qala apha: **Qala kungqukuva, ujikele ngqukuva uphel'esithubeni.**

**2. Iincwadi zokwenza umsebenzi i-DBE**
- Cela abafundi ukuba batyhile kwiphepha lama-56 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze umsebenzi okwiphepha lama-56.
- Jikeleza uqinisekise ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.

**Qinisekisa**:
- Bonke abafundi bahleli ngqo, iinyawo zabo zibephantsi.
- Ukubamba ipenlothe: bonke abafundi babambe iipenilothi zabo ngendlela.
- Indawo ekuqalwa kuyo: bonke abafundi babhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Ikhalipha lekatana encinane***; oonotsheluza besigama: **ikhalipha, isaqhwithi, ukukhomba, uyozo-yozo, ichebetyu, isith**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
- Ucinga ukuba liza kubangantoni eli bali? (uqikelelo)

**Isigama:** qalisa ukufundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ngexesha lokufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo, ubonise neminye imifanekiso.
- Buza imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lolwazi efana nale:
- Ngubani obesenza ukatana ukuba abenomsindo?
- Bekutheni utitshalakazi aze angxolise ukatana?
- Xelela abafundi ukuba uyakuphelela apho namhlanje.

Coca







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: ***Coca***
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuqala ukuwazisa kufundo lokuqala nelesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze udonga legumbi lokufundela: **imifanekiso edongeni, ifesitile, idesika, ibhodi, onotshezula, ilaphu lokucoca, ibhakethi lamanzi, ujongeka onwabile, ujongeka enxubile, ibrushi, imophu, umtshayelo**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxanxheba ekufundeni kunye notitshala nokuziqhelanisa nesigama.

**IMISEBENZI**

**1. Oonotsheluza besigama**
- Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ububafundise wona ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.
- Xa omnye umfundi ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathisele kwisthati yesigama
- Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.
- Abafundi mabancamathelise imifanekiso yezindawo zintlanu bazileyibhele besebenzisa oonotsheluza.
- Mabancamathisele izixhobo zokucoca ezisetyenziswe kulondawo phantsi komfanekiso ngamnye.
- Abanye abafundi banguNkosazana uMagalela kwaye baza kukhetha ukuba baxolile ngokuncanyathiselwe phantsi komfanekiso ngamnye ngokubonisa ubuso obuvuyayo ukuba ilungile.

**2. Ukufunda**
- Funda ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Cela abantwana ukuba bafunde kunye nawe ngokuthi bafunde imibongo ngokwabo.
- Bakhumbuze ukuba basebenzise ilizwi lokungxolisa uze ubacele ukuba bafunde ngolohlobo kunye nawe.

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-3




## Izandi *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**o**/; oonotsheluza asuka kuluhlu lwamagama ezandi: **idolo, ifoto, isikolo, ugogo, imoto**
- **Amalungiselelo**: Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: Ugogo ugobe idolo. Sika onotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokubiza unobumnba u-/o/

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe onesivakalisi ebhodini uze usifunde ngelizwi eliphezulu. Gxininisa isandi u-/**o**/.
- Funda isivakalisi esikulomcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba bamamele bakhangele amagama anonobumba u-/**o**/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba-/o/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze ngomfanekiso?
- Phinda impendulo – **i-orenji –** uze ugxininise isandi u-/**o**/.
- Xelela abafundi ukuba bathi-/**o**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emlonyeni womnye nomnye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**

Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-/o/.

- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-/o/ usebenzisa oonotsheluza kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Cela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye kwisivakalisi okanye wenze umdlalo obonakalisa lona. Thetha ngentsingiselo. Thetha ngesimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Iizixhobo:** itshati yokubhalela; ikoki
- **Amalungiselelo:** Zoba i-freyimu kwitshati yokubhalela uze ubhale inkcazelo ezantsi kwayo.
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala inkcazelo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bayakuthi bazobe ngoko bafunde ngako
- Buza abafundi ukuba ibiyintoni into ibiqalwe yacocwa kuqala. Banike ixesha lokucinga.
- Zoba oko ebhodini.
- Ngokuncedwa ngabo abafundi, bhala inkcazelo ngomzobo lowo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Ikhalipha lekatana encinane;***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla lokuzonwabisa nokuphuendela imibuzo ngebali.


**IMISEBENZI**


**1. Ukufundela ngutitshala**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Zikhumbuze obukufunde izolo
- Buza imibuzo:
- Ucinga ukuba liza kubangantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Isigama:** thetha ngamagama amatsha obuwafundise izolo.

**3. Ngexesha lokufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo, ubonise eminye yemifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Shwankathela ibali, bhekisela kwiindawo ezithile zebali (abalinganiswa, isakhiwo sebali, ingxaki kwakunye nesisombululo).
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda efana nale:
- Ucinga ukuba umama wamantshontsho ebenobubele?





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi i-DBE amaphepha u38 kunye no 39.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banencwadi yabo yokwenza umsebenzi i-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-/**o**/ kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.

**2. Incwadi yokwenza umsebenzi ye-DBE:**
- Cela abafundi ukuba bavule iphepha lama- 38 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekumaphepha lama-38 nelama-39.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo. Nceda apho kudingeka khona uncedo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Resource:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yakhe yokubhalela ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**o**/.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula na ukuba ubuthe kwenziwa njani xa kubhalwa unobumba u-/**c**/.
- Bhala emoyeni ucela ukuba abafundi babhale kunye nawe.

Qala ngoku: **Qala kungqukuva, ujikele ngqukuva uphel'esithubeni.**

**2. Ukuziqhelanisa**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**o**/ kwiincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Qinisekisa ukuba wonke umntu ukwiphepha elililo.
- Bagade abafundi njengoko bebhala ezincwadini zabo.


**Qinisekisa**:
- Bonke abafundi bahleli ngqo, iinyawo zabo zibephantsi.
- Ukubamba ipenlothe: bonke abafundi babambe iipenilothi zabo ngendlela.
- Indawo ekuqalwa kuyo: bonke abafundi babhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yabafundi yokubhalela; iikreyoni kunye netshati yokubhalela.
- **Amalungiselelo:** Zoba umfanekiso kwitshati uze ubhale inkcazo ezantsi kwefreyimu: **Ndithanda ukucoca i…**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazelo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba basebenze ngambini. Bazakuzoba indawo le uTokolo ebeyicoca kwigumbi lokufundela.
- Qinisekisa ukuba baqale bagqibe ukuzoba indawo kuqala phambi kokuba babhale inkcazelo.
- Bhekisela kwifreyimu yokubhala ufunde inkcazelo.
- Bayalele ukuba bagqibe ukubhala inkcazelo ngokuthi bagcwalise igama le nto uTokolo ebethanda ukuyicoca kwigumbi lokufundela.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-5





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Ikhalipha lekatana encinane***; itshathi yemozulu
- **Amalungiselelo:** Funda ibali uze ukhethe iinxalenye ezinokuthi zilinganiswe ngokwamaqela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukulinganiswa kwakhona kwebali ngabafundi.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Ukufundelwa ngutitshala**
- Zukhumbuze ngebali obe ulifundile.
- Yahlula abafundi babe ngamaqela ukuze umfundi ngamnye abe yinxalenye kulinganiso kwakhona kwebali.
- Yalela abafundi baziqhelise nokulinganisa kwabo ibali.
- Cela amaqela abe mbalwa alinganise kwakhona ibali phambi kwabafundi bebonke.





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu loonobumba be-Vula Bula; amakhadi oonobumba u-/h/, /a/, /e/, /i/, /o/, /u/, /b/, /l/ no-/c/; oonotsheluza bamagama afundiswe kule veki
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukua umfundi ngamnye unayo iseti yamakhadi oonobumba.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokunika isandi unobumba. Ukufunda amagama afundiswe kule veki.

**IMISEBENZI**

**1. Amakhadi oonobumba u-/c/ no-/o/**
- Ncamathisela amakhadi e-Vula Bula oonobumba u-/**c**/ no-/**o**/ ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela onke amagama obe uwafundise kule veki.
- Cela abafundi bajonge emagameni. Kufuneka kuze umfundi ngamnye, akhethe igama, alifunde aze alibeke phantsi kwekhadi lonobumba ochanekileyo.
- Ukuba umfundi ukhethe igama elingena kwizandi zoonobumba ababini (umz. coca), buza ukuba kutheni elifaka phantsi kwalonobumba amkhethayo.

**2. Amakhadi oonobumba**
- Cela umfundi ngamnye akhuphe umqulu wakhe wamakhadi oonobumba aze abeke amakhadi phezu kwetafile ajonge kubo.
- Baxelele ukuba uza kubacela bakhethe unobumba. Kufuneka bamkhethe kumakhadi abo oonobumba baze baphakamise.
- Kufuneka bangajongi omnye komnye.
- Nika isandi sonobumba uze ucele abafundi baphakamise. Jikeleza, uqinisekisa ukuba umfundi ngamnye ngokuzimela uphakamisa unobumba ochanekileyo.
- Yenza oku ngabo bonke oonobumba obafundisileyo, kuquka nabo ube ubenze kwiiveki ezidlulileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi ye-DBE, iphepha lama-40
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokwenza umsebenzi we-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelisa ukubhala unobumba u-/**o**/.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-40 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokela abafundi ekwenzweni imisebenzi yabo kwiphepha lama-40.
- Jikeleza uqinisekisa ukuba abafundi bawenza umsebenzi wabo ngokuchanekileyo.

**Qinisekisa**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babamba iikreyoni zabo ngokuchanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.


# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-5



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokubhala zabafundi; iikreyoni; itshathi yokubhala
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhala uze ubhale isihlokwana phantsi kwesakhelo: **Ndithanda ukucoca i…**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihlokwana ngoko bakuzobileyo.


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba kufuneka bazobe into abathanda ukuyicoca kwigumbi lokufunda.
- Qinisekisa ukuba bayakugqiba ukuzoba phambi kokuba babhale isihlokwana.
- Jonga kumbhalo wesakhelo uze ufunde isihlokwana.
- Bayalele ukuba bagqibe isihlokwana ngokufakela igama lento abathanda ukuyicoca kwigumbi lokufunda.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




**Isigama seveki**


amanzi
bhidanisa
bonelisekile
coca
ibhodi
ibrashi yenwele
ibrashi yamazinyo
idesika
ifestile
iindonga
ingxowa
inkunkuma
isipili
ncedisa
ncoma
okwethutyana
ukholisekile
umgangatho

### Izibalo:

backwards: ukubuya umva
forwards: ukuya ngaphambili
minus: thabatha
subtract: ukuthabatha

take away: susa




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: ***Ukhuseleko lwekhaya;*** oonotsheluza besigama: **iplagi, umlilo, imela, iyeza, i-ayini**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko nonoonotsheluza bamagama esiXhosa kwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Nxulumanisa kumava abo.  Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Isihloko sepowusta: Ukhuseleko lwekhaya**
- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye.  Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Cela abafundi bachonge izinto ezinobungozi ezenzekayo kwipowusta. Thetha ngokunokuthi kwenzeke xa zinokuyekwa.
- Xelela abafundi ukuba uza kubahlola ngokuthi usebenzise le powusta kwiintsuku ezimbalwa ezizayo.

Hayi







## Ukufunda notisthala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** iNcwadi eNkulu ye-Vula Bula: i-*Hayi*; oonotsheluza besigama; **ixelegu, ongakhathaliyo, qoqoshe, inkunkuma, baleka**
- **Amalungiselelo:** Fundisisa ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba xa kufundwa ngokuqikelela. Nxulumanisa namava akho. Ukuphendula imibuzo yokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Thetha ngesihloko nomfanekiso.Buza imibuzo:
  - Ucinga ukuba ibali lizakuba ngantoni? (uqikelelo)
- **Bonisa ngomfanekiso**: Jonga ibali (ungalifundi). Jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo.
  - (iphepha le-18) Yenza ntoni intombazana? Uyazi njani loo nto? Ucinga ukuba kutheni elila?
  - (iphepha le-19) Jonga kumaqampu: Azi ukuba amele ntoni. (cinga ngokuvakalayo)
- **Isigama:** Fundisa isigama esitsha,usebenzise oonotsheluza kunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ngexesha lokufunda**
- Funda ibali ngokucacileyo, bonakalisa ubuciko.  Buza imibuzo yokuqonda  emva kokufunda amaphepha amabini:
  - Ziintoni uVelile axelelwe ukuba angazenzi?
  - (Iphepha le-17) Ukuba uVelile akayicholi inkunkuma, yintoni embi enokuthi yenzeke?

**3. Emva kokufunda**
- Qukumbela ufundo lokuqala. Gqibela ngokubuza imibuzo:
  - Ucinga ukuba ibali linomdla? Kutheni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu lonoobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**h/;** iphepha lomsebenzi woluhlu lwamagama; oonotsheluza basuka kuluhlu lwamagama ezandi: **hayi, ihobe, iholo, ihagu, ihoko, uhadi iholide**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **Velile, hayi! Musa ukuhamba apho.** Sika oonotsheluza bezandi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokubiza isandi sikabumba u-/**h/.**

| |
|---|
| **h** |
| i**h**obe |
| i**h**olo |
| u**h**adi |

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha lesivakalisi**


- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini.  Funda ngokuvakalayo, ugxininisa isandi u-/**h**/.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-/**h**/ –ujongeka njani, sivakala njani isandi sakhe, kwanamagama analonobumba nesi sandi.
- Funda isivakalisi kumcwe wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele amagama ano-/**h**/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/h/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ukuba: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **ihagu** – kwaye ugxininise kwisandi u-/**h**/.
- Cela abafundi babize u-/**h**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.

**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/**h**/.
- Bafundise ngamagama ano-/**h**/ usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi. Okanye ulilinganise.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Cela abafundi bajonge kwiphepha lomsebenzi elincanyathelisweyo kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zomsebenzi wombhalo wesandla zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni kwimikrozo emibini ebhodini. Bhala ukrozo likanobumba u-/**h**/ ochokoziweyo. Bhala u-/**h**/ ochokoziweyo kwiphepha eliphindiweyo elicocekileyo kwincwadi yombhalo onesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uziqhelanise nokubhala unobumba u-/**h**/.


**IMISEBENZI**

**1. Ziqhelise**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngendlela yokubhala unobumba u-/**h**/.
- Banikele umva abafundi uze ubayalele bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo:
- Qal'entloko uhl'ubhek'emzimbeni ubuye kwangalamgca ujikele uhle.
- Mabacule ingoma baze bayibhale nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye umfundi, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.
- Yiya kunobumba ochokoziweyo ebhodini uze uqalise ukubhala phezu kwakhe, cula ingoma ngokuvakalayo.  Mabacule ngelixa wena ubhalayo.

**2. IINCWADI ZABAFUNDI**

- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zombhalo wesandla baze batyhile kwiphepha olilungiselele bona.
- Banike imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa babhalayo.
- Jikeleza ubone ukuba baqhuba njani uze unike uncedo apho kufuneka khona.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile kunye, necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-2






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) [UVAVANYO] UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: ***Ukhuseleko lwekhaya***
- **Amalungiselelo:** Lungiselela irubhrikhi yovavanyo lokuphulaphula nokuthetha (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngemifanekiso ekwipowusta. Ukuthatha inxaxheba kuvavanyo lomlomo olungalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: *Ukhuseleko lwekhaya***

- Abantwana kwipowusta baneenombolo ukusuka eku-1 ukuya kwi-11. Nika inombolo kumntwana ngamnye (naku-1 ukuya ku-11).
- Cela umfundi ngamnye ajonge emfanekisweni ngenombolo efanayo naleyo banayo.
- Buza le mibuzo:
  - Wenza ntoni lo mntwana?
  - Kungenzeka ntoni kulo mntwana?
  - Bangenza ntoni abazali ukuphepha esi simo kwixesha elizayo?
- Qhubeka ngovavanyo lide liphele ixesha lokuphulaphula nokuthetha.
- Kufuneka uwuphinde lo msebenzi iveki yonke.

Hayi





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: ***i-Hayi;*** oonotsheluza bezichasi-magama: ihomba – **ixelegu**; sasaza –**qoqosha**; xutha – **boleka**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **Hayi wethu, Velile!** Qala ulifunde ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngeempawu zeziphumlisi: Uphawu lwesikhuzo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Khumbuza abafundi ngoko ubukufunde izolo.
- Isigama: Cela abafundi bakunike amagama amatsha abawafunde ngezolo uze uwasebenzise kwizivakalisi.
  - Fundisa amagama amatsha: Izichasi zamagama abe efundiswe ngezolo. Cacisa ukuba ziintoni izichasi-magama.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokuthe gca:** Fundisa ngomsebenzi weempawu zesikhuzo.
  - Nika imizekelo esencwadini (umz. Hayi! Kwiphepha le-19).
  - Cela abafundi benze eyabo imizekelo.
  - Sebenzisa umcwe wephepha elinesivakalisi uze ucele abafundi bachonge uphawu lwesikhuzo.

**2. Ngexesha lokufunda**

- Funda ibali ngokucacileyo, ugxininisa apho kukho uphawu lwesikhuzo. Mema abafundi bafunde kunye nawe.
- Buza imibuzo malunga nezikhuzo:
  - (iphepha lesi-15) Hayi wethu, Velile! Kutheni na? Ngubani othetha ngesikhuzo kulo mfanekiso? Kutheni? Ucinga ntoni?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ukufunda ngokubuza eminye imibuzo yokuvavanya:
  - Uyavuma xa besithi uVelile kufuneka aziphathe kakuhle? Kutheni?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu loonobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**h/;** incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa ye-DBE, iphepha lama-74 nelama-75; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi: **ihamile, ihotele, iharika, ihilihili**
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza bezandi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokwenza isandi u-/**h**/ esisuka kumagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**


Jonga kwitshathi yezandi uze ukhangele ukuba bayawaqonda na abafundi amagama obe uwafundise ngezolo.
Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini.


**2. Amagama ezandi**

- Bafundise ngamagama amatsha ano-/h/ usebenzise oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Cela abafundi bawalingise amagama okanye bawasebenzise kwizivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Incwadi yokwenza umsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-74 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
  - Thetha ngomfanekiso okwiphepha lama-74 uze ubuze imibuzo:
  - Midlalo mini oyibonayo emfanekisweni?
- Khokela abafundi ekwenzeni imisebenzi ekwiphepha lama-74 nelama-75.
- Jikeleza, uqinisekise ukuba abafundi bawenza ngokuchanekileyo umsebenzi.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha lama-76
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubhala unobumba u-/**h/.**


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba umenza njani unobumba u-/**h**/ xa umbhala.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi bakujoyine.
- Yithi: **Qal'entloko uhl'ubhek'emzimbeni ubuye kwangalamgca ujikele uhle.**

**2. Ziqhelise**

- Xelela abafundi ukuba baziqhelise ukubhala unobumba u-/**h**/ (unobumba omncinci), besebenzisa iincwadi zabo ze-DBE zokwenza umsebenzi.
- Qinisekisa ukuba bonke batyhile kwiphepha elichanekileyo.
- Khokela kwaye walathise abafundi ngeli xesha babhalayo.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) [UVAVANYO] UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI*






- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: ***Ukhuseleko lwekhayo***
- **Amalungiselelo:** Lungiselela irubhrikhi yovavanyo lokuphulaphula nokuthetha (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso okwipowusta. Ukuthatha inxaxheba kuvavanyo lomlomo olungalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: *Ukhuseleko lwekhaya***

- Abantwana kwipowusta baneenombolo ukusuka eku-1 ukuya kwi-11. Nika inombolo kumntwana ngamnye (naku-1 ukuya ku-11).
- Cela umfundi ngamnye ajonge emfanekisweni ngenombolo efanayo naleyo banayo.
- Buza lemibuzo:
  - Wenzani lo mntwana?
  - Yintoni enokwenzeka kulo mntwana?
  - Bangenza ntoni abazali ukuze basiphephe esi simo kwixesha elizayo?
- Qhubeka ngovavanyo lide ixesha lokuphulaphula nokuthetha liphele.
- Uyakuwuphinda lo msebenzi iveki yonke.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

Hayi









- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: ***i-Hayi***
- **Amalungiselelo:** Susa amagama owafundisileyo kufundo lokuqala nakwelesibini kwitshathi yesigama. Waxhome eludongeni ajikeleze igumbi lokufundisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**


- Cela abafundi bafumane amagama obe ubafundise wona ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.
- Akulifumana omnye umfundi igama, kufuneka azame ukulifunda aze alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Nceda abafundi baguqule umbhalo ofihlakeleyo baze bafunde amagama ngokucacileyo xa kuyimfuneko.

**2. Ukushwankathela**

- Xelela abafundi ukuba niza kushwankathela ibali kunye.
- Niza kuthetha ngezinto ezimbi ebezisenziwa nguVelile, nokuba bebesenzani abanye abantwana.
- Zoba itheyibhile ebhodini, njengoko kubonisiwe ngezantsi:

| Imisebenzi kaVelile | Abanye abantwana |
|---|---|
| Iphepha le-14 | |
| Iphepha le-15 | |
| Iphepha le-17 | |

- Yenza lo msebenzi kunye nabafundi. Bhala into nganye eyenziwe nguVelile, nento eyenziwe ngabanye abantwana.
- Gqibezela isifundo ngokufunda kwisishwankathelo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu loonobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**i**/; incwadi yokwenza umsebenzi woluhlu lwamagama; oonotsheluza boluhlu-lwamagama ezandi: **iti,ileli, ivili, imali, isisu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Inja iba inyama.** Sika oonotsheluza bezandi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokwenza isandi sikanobumba u- /**i**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathelisa umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Sifunde ngokuvakalayo, ugxininisa kwisandi u- /**i**/.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-/**i**/ – ujongeka njani, sinjani isandi sakhe, kwanamagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikumcwe wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-/**i**/ kwisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/i/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Yiphinde impendulo – **iliso** – kwaye ugxininise kwisandi u-/**i**/.
- Cela abafundi babize u-/**i**/. Mabajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.


**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/**i**/.
- Fundisa ngegama u-/**i**/ usebenzise oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Cela abafundi bajonge kwiphepha lokusebenza elincanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza imisebenzi ebhalwe ngesandla zabafundi; iikreyoni; itshathi yokubhala
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhalela uze ubhale isihlokwana ezantsi kwesakhelo esithi: Hayi! Velile, kutheni na?
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihlokwana.


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kwenza umzobo omalunga nento abafunde ngayo.
- Cela abafundi bacinge ngento enye engalunganga eyenziwe nguVelile ebalini.
- Banike ixesha lokucinga.
- Cela abafundi bakuxelele ukuba yintoni abaza kuyizoba.
- Bacele baqalise ukuzoba. Hamba ujikeleze uze ubabuze ngemizobo yabo.
- Bakuba bonke begqibile imizobo yabo, jonga kwisihlokwana. Funda ngokuvakalayo, nangokucacileyo.
- Bakhumbuze ukuba yintoni uphawu lwesikhuzo, nokuba lumele ntoni.
- Bacele babhale isihlokwana onaso ebhodini ngaphantsi komzobo wabo.
- Bacele bashiye isithuba phakathi kwamagama.
- Jikeleza uze ucele umfundi ngamnye afunde into ayibhalileyo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) [UVAVANYO] UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: ***Ukhuseleko lwekhaya***
- **Amalungiselelo:** Lungiselela irubhrikhi yovavanyo lokuphulaphula nokuthetha (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso okwipowusta. Ukuthatha inxaxheba yovavanyo lomlomo olungalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta:*Ukhuseleko lwekhaya***

- Abantwana kwipowusta baneenombolo ukusuka eku-1 ukuya kwi-11. Nika inombolo kumntwana ngamnye (naku-1 ukuya ku-11).
- Cela umfundi ngamnye ajonge emfanekisweni ngenombolo efanayo naleyo banayo.
- Buza lemibuzo:
  - Wenzani lo mntwana?
  - Yintoni enokwenzeka kulo mntwana?
  - Bangenza ntoni abazali ukuze basiphephe esi simo kwixesha elizayo?
- Qhubeka ngovavanyo lide ixesha lokuphulaphula nokuthetha liphele.
- Uza kuwuphinda lo msebenzi iveki yonke.





## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhalela; iikreyoni; itshathi yokubhalela
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhalela uze ubhale isihlokwana ezantsi kwesakhelo: Hayi! Velile, kutheni na?
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso, ukubhala isihlokwana nokuthetha ngezinto abathe bazizoba.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi bakhuphe imizobo yabo.
- Qinisekisa imizobo igqityiwe kwaye basibhalile isihlokwana ezantsi.
- Abafundi mabajonge kumbhalo wesakhelo baze bafunde isihlokwana.
- Nika umfundi ngamnye ithuba lokuthetha ngoko bakuzobileyo baze bafunde isihlokwana ngokucacileyo ukubonisa ukuba kukho uphawu lwesikhuzo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha lama-30 nelama-31
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokwenza umsebenzi we-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Chonga uze ubize isandi sikanobumba u-/**i**/ kumagama amatsha.

**IMISEBENZI**


**1. Khumbuza**

- Jonga kwitshathi yezandi uze ukhangele ukuba bayawaqonda na abafundi amagama obe uwafundise ngezolo.

**2. Incwadi yokwenza umsebenzi we-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-30 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Thetha ngomfanekiso okwiphepha lama-30 uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba indawoni le ndawo? Yintoni ekwenza utsho?
  - Azi ukuba benza ntoni? (cinga ngokuvakalayo)
- Khokela abafundi benze imisebenzi okwiphepha lama-30 nelama-31.
- Jikeleza, uqinisekise ukuba abafundi bawenza umsebenzi ngokuchanekileyo.

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-4





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokubhala ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubhala unobumba u-/**i**/.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba umenza njani unobumba u-/i/ xa umbhala.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi bakujoyine.
- Yithi: **Uqal' emzimbeni uze ubeke ichapaza.**

**2. Ziqhelise:**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelisa ukubhala unobumba u-/**i**/ (unobumba omncinci), besebenzisa iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Qinisekisa ukuba bonke bakwiphepha elichanekileyo.
- Bakhokele kwaye ubalathise abafundi ngeli xesha babhala kwiincwadi zabo.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo, ukubamba ipensile kunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) [UVAVANYO] UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: *Ukhuseleko lwekhaya*
- **Amalungiselelo:** Lungiselela irubhrikhi yovavanyo lokuphulaphula nokuthetha (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Thetha ngomfanekiso okwipowusta. Thatha inxaxheba kuvavanyo lomlomo olungalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: *Ukhuseleko lwekhaya***

- Abantwana kwipowusta baneenombolo ukusuka eku-1 ukuya kwi-11. Nika inombolo kumntwana ngamnye (naku-1 ukuya ku-11).
- Cela umfundi ngamnye ajonge emfanekisweni ngenombolo efanayo naleyo banayo.
- Buza lemibuzo:
  - Wenzani lo mntwana?
  - Yintoni enokwenzeka kulo mntwana?
  - Bangenza ntoni abazali ukuze basiphephe esi simo kwixesha elizayo?
- Qhubeka ngovavanyo lide ixesha lokuphulaphula nokuthetha liphele.
- Qinisekisa ukuba bavavanywe bonke abafundi.






## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha lama-33
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banencwadi yokwenza umsebenzi we-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala amagama anesandi u-/**i**/ nokungqamanisa lo magama nomfanekiso.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala igama ngalinye lezandi baze balingqamanise nomfanekiso
- Khokela abafundi ekwenzeni umsebenzi okwiphepha lama-33.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu loonobumba we-Vula Bula: amakhadi oonobumba u-/**h/** no-**/i/;** oonotsheluza bamagama afundiswe kule veki; amakhadi oonobumba u-/h/, /a/, /e/, /i/, /o/, /u/, /b/, /l/ no-/c/
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unesethi yamakhadi onobumba.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga, ukwenza isandi nokufunda amagama afundiswe kule veki.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Ncamathisela amakhadi oonobumba u-/**h**/ no-/**i**/ ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela onke amagama ezandi owafundise kule veki.
- Cela umfundi ngamnye ajonge emagameni aze akhethe igama. Kufuneka balifunde baze balibeke ezantsi konobumba ochanekileyo.
- Ukuba umfundi ukhethe igama elingena kwizandi zoonobumba bobabini – umz. **ihilihili –** buza ukuba kutheni elincamathisela phantsi kwaloo nobumba.

**2. Amakhadi oonobumba**

- Cela umfundi ngamnye akhuphe umqulu wamakhadi oonobumba baze bawajongise kubo.
- Baxelele ukuba uza kubacela baphakamise unobumba. Kufuneka bamjonge kumakhadi abo oonobumba baze bamphakamise.
- Kufuneka bangajongani.
- Yenza isandi sikanobumba uze ucele abafundi bamphakamise. Jikeleza uqinisekise ukuba umfundi ngamnye uzikhethela ngokuzimela unobumba ochanekileyo.
- Yenza oku kubo bonke oonobumba, kuquka abo bebefundiswe kwiiveki eziphelileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zombhalo wesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ziqhelise nokubhala oonobumba u-/**h**/ no-/**i**/.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba benziwa njani oonobumba u-/**h**/ no-/**i**/ xa bebhalwa.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi bakujoyine.


**2. Ziqhelise**
- Cela abafundi bakope ezi zivakalisi ebhodini.
  - Ihagu isehokweni.
  - Isihelegu siharika igadi.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile kunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Isigama seveki


amanzi ashushu
baleka
emfuleni
everandeni
ibuzi
icemfu
igorha
inkunkuma
iparafini
ityhefu
irhashalala
isitovu
ithuba
ixelegu
linene
linganisa
ongakhathaliyo
qoqosha
sukungakhathali
ukusetyenziswa

### Izibalo

counting back: ukubala usiya ngasemva
counting on: ukubala usiya phambili
small: encinci
smaller: encinane
smallest: eyona incinci

# IVEKI YESI-6: Usuku loku-1








## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: *Ikhaya lam;* oonotsheluza besigama: **igadi, indlu, ibhedi, ifesitile, udonga**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesihloko neloonotsheluza bamagama esiXhosa kwipowusta.
- **Iinjongozesifundo:** Thetha ngepowusta. Nxulumanisa kumava abo. Funda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Ipowusta yomxholo: Ikhaya lam**
- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela umcwe wephepha lesihloko ecaleni kwesihloko sesiNgesi.
- Thetha ngomfanekiso. Buza imibuzo enje ngale:
  - Ngawaphi amagumbi owabonayo?
  - Yintoni ekuxelelayo ukuba leliphi igumbi?
  - Wenza ntoni kwigumbi ngalinye?
  - Leliphi elona gumbi ulithandayo kulendlu? Kutheni?
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye segama. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: *i-VulaVala;* oonotsheluza besigama: **ucango, ikawusi, isigcawu, inyoka**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Thatha inxaxheba kufundo kunye ngokuqikelela, unxulumanisa kumava abo uze uphendule imibuzo yokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Izicwangciso zokuqonda zofundo lwaphambi kolokuqala**
- **Iqweqwe/Qukumbela: Thetha ngesihloko kunye nomfanekiso. Buza imibuzo:**
  - Ucinga ukuba le nkwenkwe yenza ntoni? Yintoni ekwenza utsho njalo?
  - Lizakuthetha ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Bonisa ngomboniso:** Tyhila ebalini (ungalifundi). Jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama-25) Kwenzeka ntoni apha? Butheni ubuso bakhe kujongeka ngoluya hlobo?
- **Isigama:** Fundisa ngamagama amatsha, usebenzise oonotsheluza kunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Izicwangciso zokuqonda ngexesha lokufunda**
- Funda ibali ngokucacileyo, ubonakalise ubuciko.
- Buza imibuzo yokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lama-28) Ucinga ukuba iikawusi zingene njani esingxotyeni/epokothweni?
  - (iphepha lama-28) Bekutheni udade boVuyo enomsindo?

**3. Izicwangciso zokuqonda zofundo lwasemva kolokugqibela**
- Gqibezela ngokubuza:
  - Ucinga ukuba ibali linomdla? Kutheni?
  - Ukhe walahlekelwa yinto?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu lonobumba we-Vula Bula: ikhadi lonobumba u-/v/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi-mazwi: **ivazi, ivili, vala, veza, Vuyo, vakala**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **Vuyo vula ivazi.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Chonga uze wenze isandi sonobumba u-/v/.


**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha lesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha elinesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo, ugxininisa kwisandi u-/v/.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-/v/ – ukuba ubonakala njani, uvakala njani, kwanamagama anesi sandi.
- Funda isivakalisi kumcwe wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-/v/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi lonobumba u-/v**
- Ncamathisela ikhadi lonobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo– **ivili** – kwaye ugxininise kwisandi u-/v/.
- Cela abafundi babize u-/v/. Mabajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.

**3. Amagama ezandi-mazwi**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/v/.
- Bafundise ngamagama ano-/v/ usebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi-mazwi uze ubasenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi iphepha lomsebenzi elincanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Umbhalo wesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala ipatheni kwimigca/kwimikrozo emibini ebhodini. Bhala ukrozo lonobumba ochokoziweyo u-/v/ebhodini. Bhala u-/v/ ochokoziweyo kwiphepha elicocekileyo elisongiweyo lencwadi yombhalo wesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uziqhelise ukubhala unobumba u-/v/.

**IMISEBENZI**

**1. Ziqhelise**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukuba ubhalwa njani unobumba u-/v/.
- Banikele umva abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni uze uthi ngokuvakalayo: Qala NGENTLA, thambekela eZANTSI uze uthambekele PHEZULU.
- Cela abafundi bacule ingoma baze babhale nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye umfundi, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.
- Yiya kunobumba ochokoziweyo ebhodini. Qala ukubhala phezu kwakhe, cula ngokuvakalayo. Cela abafundi bacule ngeli xesha wena ubhalayo.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zombhalo wesandla baze batyhile iphepha obalungisilele lona.
- Banike imiyalelo ngokuvakalayo ngeli xesha babhalayo. Jikeleza ukhangele ukuba baqhuba njani, nceda apho kuyimfuneko khona.
- Khumbula ukukhangela ukuba bahleli njani, ukubamba ipensile kunye nokwalatha.

**Umsebenzi wasekhaya**

Abafundi mabagqibezele kwiphepha le-110 kwincwadi yabo yesiXhosa ye-DBE. Ziqhelise ukubhala unobumba u-/v/ ngokuthi ukhuphele ngokucinezela phezu kwakhe.






## Ukufunda okukhokelwa ngokwamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda okukhokelwa ngokwamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# IVEKI YESI-6: Usuku loku-2







## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: *Ikhaya lam*; oonotsheluza besigama: **isofa, umabonakude, istovu, ifesitile**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza besiXhosa ngamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Thetha ngemifanekiso ekwipowusta uze uthathe inxaxheba kumdlalo ongalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**1. Ipowusta yesihloko: *Ikhaya lam***

- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Shwankathela ngento ebenithetha ngayo kwanamagama obe uwafundisile ngezolo
- Fundisa ngamagama amatsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Thetha ngepowusta.
- Yenza uluhlu lwemisebenzi enokuthi yenzeke kwigumbi ngalinye kunye nangaphandle. Yenza uluhlu lwemisebenzi eboniswe kwipowusta, kunye nemisebenzi engaboniswanga.
- Yenza itheyibhile ebhodini uze ubhale olu luhlu.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: i-VulaVala; oonotsheluza besigama: **ikawusi, isigcawu, inyoka, ucango**
- **Amalungiselelo:** Qala ufunde ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda kwakhona ngeziphumlisi: isikhuzo kunye nophawu lombuzo.

**IMISEBENZI**

**1. Izicwangciso zokuqonda zofundo lwaphambi kolokuqala**


- Shwankathela obe ukufunde ngezolo.
- **Isigama:** Funda kwakhona amagama obe uwafundise ngezolo.
- Fundisa ngamagama amatsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokucacileyo: uphawu lombuzo**
  - Fundisa ngolu phawu lwesiphumlisi, cacisa ngomsebenzi waso.
  - Nika imizekelo esencwadini, umz. Iphi ikawusi yam? Kwiphepha lama-24. Cela abafundi bachonge uphawu lombuzo.
  - Cela abafundi benze eyabo imizekelo.


**2. Izicwangciso zokuqonda ngexesha lokufunda**

- Funda ibali ngokucacileyo, ugxininisa apho kukho uphawu lombuzo. Cela abafundi bafunde eso sivakalisi kunye nawe.
- Buza imibuzo, enje ngale:
  - Azi uVuyo uyikhangelisisile na ikawusi yakhe. (cinga ngokuvakalayo) Ucinga ntoni?

**3. Izicwangciso zokuqonda zasemva kokufunda**

- Cela umfundi acinge ngemibuzo ebamangalisileyo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu lonobumba we-Vula Bula: ikhadi lonobumba u-/v/; incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha le-110 nele-111; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi-mazwi: **Velile, iveki, ivazi, vuka, vala**
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Chonga uze wenze isandi sonobumba u-/v/ osuka kumagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**


- Fundisa amagama ka-/v/ omtsha koonotsheluza ngemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi-mazwi uze ubasebenzise iveki yonke.


**2. Amagama ezandi-mazwi**

- Introduce the new /**v**/ words, using flash card words, with picture or object.
- Talk about the meaning of the words. Look at the form of each word. Use it in a sentence or act it out.
- Stick the flash cards on the phonics chart and use them throughout the week.

**3. Incwadi yokwenza umsebenzi we-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-110 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Thetha ngomfanekiso okwiphepha le-110 uze ubuze imibuzo:
  - Leliphi igumbi lasendlini eli? Utsho ngokuba kutheni?
  - Ungathini ngabantu abasemfanekisweni?
- Cela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-110 nelama-111.
- Jikeleza uqinisekise ukuba abafundi bawenza ngokuchanekileyo umsebenzi.






## Umbhalo wesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yombhalo wesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ziqhelise ukubhala unobumba u-/v/.


**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**

- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba umenza njani unobumba u-/v/.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi bakujoyine.

**2. Ziqhelise**


- Xelela abafundi ukuba bazakuziqhelisa ukubhala unobumba u-/v/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zombhalo wesandla.
- Qinisekisa ukuba bonke batyhile kwiphepha elichanekileyo.
- Khokela uze walathise abafundi njengoko bebhala kwiincwadi zabo.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile nokwalatha/ directionality.




## Ukufunda okukhokelwa ngokwamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda okukhokelwa ngokwamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: *Iqokobhe elilahlekileyo*
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Mamela ibali elinomdla ukuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

1. **Funda ngokuvakalayo**
   - Yenza abafundi bakulungele ukufunda ngokuvakalayo.
2. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwaphambi kolokuqala**
   - Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo:
   - Ucinga ukuba eli bali lingantoni? (uqikelelo)
3. **Izicwangciso zokuqonda ngexesha lokufunda**
   - Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokucacileyo, ubonisa eminye imifanekiso.
   - Buza imibuzo ngaphandle kokuphazamisa, umzekezo:
     - Ucinga ukuba uTutu ebelufudo lolwandle olonwabileyo? Kutheni?
4. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwasemva kolokugqibela**
   - Xelela abafundi ukuba uzakuphela apho okwanamhlanje.
   - Buza imibuzo yokuqonda ibemibini okanye ibemithathu enje ngale:
     - Ngubani ofike kuqala ukuza kunceda uTutu, elandelwa ngubani?
     - Ukhe walahlekelwa yinto? Waziva kanjani?






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: i-VulaVala
- **Amalungiselelo:** Susa amagama owafundise kwisifundo sokuqala nesesibini kwitshathi yesigama. Waxhome phezulu eludongeni ajikeleze igumbi lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Shwankathela ibali. Ziqhelise isigama.

**IMISEBENZI**


**Isigama:**
- Cela abafundi bakhangele amagama obe uwafundise ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.
- Xa omnye efumene igama, kufuneka azame ukulifunda aze alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Nceda abafundi baguqule umbhalo ofihlakeleyo baze bafunde amagama ngobuciko xa kuyimfuneko.

**Ukufunda**
- Funda ibali ngokucacileyo.
- Cela abafundi bafunde izivakalisi neempawu zombuzo ngokwabo.

**Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba baza kukunceda ekushwankatheleni ibali.
- Uyakuwanika igama amagumbi apho uVuyo akhangele ikawusi yakhe. Abafundi kufuneka batsho ukuba wayifumana apho okanye hayi.
- Zoba itheyibhile ebhodini, njengoko kubonisiwe ngezantsi.

| Amagumbi | Ewe / Hayi |
|---|---|
| | |
| | |
| | |

- Yenza lo msebenzi kunye nabafundi.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo woluhlu lonobumba we-VulaBula: ikhadi lonobumba u-/u/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi-mazwi: **ubusi, ulusu, ubuso, ufudo, sula, cula**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha lesivakalisi: **UVuyo uvula ucango.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Chonga uze wenze isandi sonobumba u-/u/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha lesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wesivakalisi ebhodini. Sifunde ngokuvakalayo, ugxininisa kwisandi u-/u/.
- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ngonobumba u-/u/ – ujongeka njani, sinjani isandi sayo, kwanamagama anesi sandi.
- Funda isivakalisi esikumcwe wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-/u/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi lonobumba u-/u/**
- Ncamathisela ikhadi lonobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **ubusi** – uze ugxininise kwisandi u-/u/.
- Cela abafundi babize unobumba u -/u/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni na ngemilebe yabo.


**3. Amagama ezandi-mazwi**
- Cela abafundi bacinge ngamamgama anesandi u-/u/.
- Fundisa ngamagama ano-/u/ usebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi-mazwi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Mabajonge kwiphepha lomsebenzi oncanyathiselwe kwiincwadi zabo.  Funda la magama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** itshathi yokubhala; iikhoki
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Zoba umfanekiso kunye uze ufake isihlokwana.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba nizakukwenza imizobo nize nibhale isihlokwana esiquka uphawo lwesikhuzo.
- Sebenzisa ipowusta yomxholo wale veki, Ikhaya Lam.
- Jonga umfanekiso woku-1 uze ucele abafundi bacinge ngesihlokwana esinophawu lwesikhuzo.
- Zama ukufikelela ku: **Yiza! Egumbinilokuhlala.**  Naso nasiphina isivakalisi njenge sihlokwana siyakuba silungile.
- Funda isihlokwana, ucacisa ngeempawu zeziphumlisi ezisetyenzisiweyo.





## Ukufunda okukhokelwa ngokwamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda okukhokelwa ngokwamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# IVEKI YESI-6: Usuku loku-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: Iqokobhe elilahlekileyo
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinomdla ukuzonwabisa uze uphendule imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

1. **Funda ngokuvakalayo**
   - Yenza abafundi balungele ukufunda ngokucacileyo.
2. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwaphambi kolokuqala**
   - Shwankathela obe nikufunde ngezolo.
   - Buze imibuzo:
     - Ucinga ukuba kuzakwenzeka ntoni kwixesha elizayo? (uqikelelo)

3. **Izicwangciso zokuqonda ngexesha lokufunda**
   - Funda lonke ibali ngokucacileyo, ubonisa eminye imifanekiso.
4. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwasemva kolokugqibela**
   - Shwankathela ibali, ubhekisele kwisiqalo salo (abalingisi, indawo, ingxaki kunye nesisombululo).
   - Buza imibuzo yokuqonda enje ngale:
     - Kwakutheni iqokobhe libalulekile kuTutu?
     - Ukuba ubunguTutu ubuzakwenza ntoni ukuthintela iqokobhe ukuba lingalahleki?



## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha lama-45
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Chonga uze wenze isandi sonobumba u-/u/ kumagama amatsha.

**IMISEBENZI**

1. **Shwankathela**
   - Jonga kwitshathi yezandi-mazwi uze ukhangele ukuba abafundi bayawaqonda na amagama abe efundiswe ngezolo.
2. **Incwadi yokusebenza ye-DBE**
   - Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-45 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
   - Thetha ngemifanekiso. Cela abafundi babize amagama ezi zinto baze bamamele isandi u-/u/.
   - Ngeli xesha ujonga yonke imifanekiso, kufuneka balandele imiyalelo.
   - Khokela abafundi ekwenzeni imisebenzi eshiyekileyo kwiphepha lama-45
   - Jikeleza uqinisekisa ukuba abafundi bawenza umsebenzi ngokuchanekiley.




## Umbhalo wesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yokubhala ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ziqhelise ukubhala unobumba u-/u/.

**IMISEBENZI**

1. **Shwankathela**
   - Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba bathini xa bebhala unobumba u-/u/.
   - Bhala emoyeni uze ucele abafundi nibhale kunye.
2. **Ziqhelise**
   - Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelisa ukubhala unobumba u-/u / (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zokubhala ngesandla.
   - Qinisekisa ukuba bonke batyhile kwiphepha elichanekileyo.
   - Khokela uze walathise abafundi ngeli xesha babhala kwiincwadi zabo.
   - Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile kunye nokwalatha.

# IVEKI YESI-6: Usuku loku-4





## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** itshathi yokubhala; iikhoki
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ngababini, zoba umzobo uze ubhale isihlokwana.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngokuzoba nangokubhala isihlokwana esiquka uphawu lwesikhuzo.
- Sebenzisa ipowusta yesihloko sale veki, Ikhaya lam.
- Yalela abafundi bajonge emfanekisweni wesi-2. Cela babelane ngezimvo ngesihloko somfanekiso ukuba ubenophawu lwesikhuzo.
- Nasiphi na isivakalisi esifutshane esinophawu lwesikhuzo luya kuba lulungile.
- Kufuneka bafunde isihlokwana, becacisa uphawu lwesiphumlisi esisetyenzisiweyo.




## Ukufunda okukhokelwa ngokwamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda okukhokelwa ngokwamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: *Iqokobhe elilahlekileyo*
- **Amalungiselelo:** Khumbuza abafundi babalise awabo amabali.
- **Iinjongo zesifundo:** Abafundi babalisa awabo amabali.

**IMISEBENZI**

1. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwaphambi kolokuqala**
   - Shwankathela obe ukufunde ngezolo.
2. **Izicwangciso zokuqonda zofundo lwasemva kolokugqibela**
   - Xelela abafundi ukuba bazakulingisa ibali.
   - Sebenzisa eli xesha ukukhetha abalinganiswa uze ubanike izinxibo zabadlali.
   - Chitha eli xesha nabafundi, beziqhelisa ngokufunda imigca yabo kwanoko baza kukwenza. Cela bonke abafundi bamamele baze balungise okanye bongeze naziphina na iinkcukacha ezishiyiweyo.
   - Sebenzisa isigaba sexesha lakho le-Life Skills labafundi ukulinganisa ibali.
   - Emva komdlalo, buza ukuba yintoni abafundi abayonwabele kakhulu xa bebelinganisa okanye bebukele umdlalo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)* UVAVANYO

- **Izixhobo:** incwadi yokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla yomfundi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuyalela abafundi ngala magama uze ubanike amanqaku Omsebenzi Wovavanyo Olusesikweni (FAT) lwezandi-mazwi.
- **Iinjongo zesifundo:** Vavanya izandi-mazwi ezifundwe ukuza kutsho kule veki.

**IMISEBENZI**

Yalela abafundi ngala magama. Banike amanqaku Omsebenzi Wovavanyo Olusesikweni lwezandi-mazwi.

**1.** ihobe
**2.** ivili
**3.** isisu
**4.** ileli
**5.** imali




## Umbhalo wesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yokwenza umsebenzi wesiXhosa we-DBE, iphepha lama- 44
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uziqhelise ukubhala unobumba u-/u/.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 44 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokela abafundi ukwenza imisebenzi kwiphepha lama-44
- Jikeleza uqinisekise ukuba abafundi bawenza umsebenzi ngokuchanekileyo.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile nokwalatha.

# IVEKI YESI-6: Usuku loku-5




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Zoba isakhelo kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Zoba umfanekiso uze ubhale isihlokwana.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bazakuzoba bonke baze babhale isihlokwana esiquka uphawu lwesikhuzo.
- Sebenzisa ipowusta yesihloko sale veki, Ikhaya lam.
- Bayalele ukuba bajonge umfanekiso osekhitshini uze ubacele bacinge ngesihlokwana emasibhalwe ngomfanekiso onophawu lwesikhuzo.
- Nasiphi na isivakalisi esifutshane esinesikhuzo njengesihlokwana sizakufaneleka/sizakulunga.
- Kufuneka bafunde isihlokwana ukubonisa uphawu lwesiphumlisi esisetyenzisiweyo.




## Ukufunda okukhokelwa ngokwamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda okukhokelwa ngokwamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

| | | |
|---|---|---|
| *cingisisa* | *igumbi* | *Mfxm!* |
| *ekhathazekile* | *indlu* | *ngamandla* |
| *emfutshane* | *inkathazo* | *tsala* |
| *ibhedi* | *isigcawu* | *udonga* |
| *ibhokisi* | *isofa* | *umabo-nakude* |
| *ifestile* | *istovu* | |
| *igadi* | *khawuleza* | |

## Izibalo

*big: enkulu*
*bigger than: enkulu kune*
*number line: umgcamanani*
*pattern: ipatheni*
*smaller than: encinci kune*





## Ukuphulaphula nokuthetha (imizuzu eli-20)

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE:** ***Izilwanyana zasendle***; oonotsheluza besigama: **inkawu, ihlosi, indlulamthi, ingwenya, imfene**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesihloko uze wenze oonotsheluza bamagama esiXhosa akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Yinxulumanise namava abo. Ukfunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Izilwanyana zasendle***
- Xelela abafundi ukuba uza kuthetha ngezilwanyana zasendle namhlanje.
  - Zifumaneka phi izilwanyana zasendle?
  - Lo mfanekiso ubonisa endle? Ukuba akunjalo, kuphi apha?
  - Kutheni izilwanyana zahlukene?
  - Yintoni eyahlukileyo ngendlu yenkawu xa uyithelekisa kwizindlu zezinye izilwanyana?
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

Baleka









## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: *Baleka***; oonotsheluza besigama: **ibhabhathane, isigcawu, isele, inyoka, intaka, imfene, ihlosi, baleka, dubula, khusela**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko kunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Ubaleka phantsi kweziphi iimeko?
  - Zeziphi owakhe wazibona kwezi zilwanyana? Phi?
- **Ukubuka imifanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo.
  - (iphepha lesi-4) Sesiphi isilwanyana ekufuneka sibaleke apha?
  - (iphepha le-10) Yintoni eyahlula lo mfanekiso kweminye imifanekiso?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
  - Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Ngexesha ekufundwa ngalo**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda okuthe rhu.
- Emva kokufunda amaphepha amabini, buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - (iphepha lesi-6) Kutheni izilwanyana zizingelana?
  - (iphepha le-10) Nicinga ukuba le ndoda yakhe yayizingela yayibulala ingwe na? Kutheni nisitsho?

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo sokuqala: Gqibezela ngokubuza:
  - Yintoni eninike umdla ebalini?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobuma ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-/**k**/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **ikasi, ikofu, sika, vuka**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **UZukisa usike ikawusi yesikolo.** Sikisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**k**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Yifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**k**/.
- Xelela abafundi baza kufunda ngonobumba u-/**k**/ - inkangeleloko yakhe, isandi sakhe, namagama anesisandi.
- Phinda ufunde isivakalisi esikumcwe wephepha. Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/**k**/ kwisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-/**k**/
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **ikati** – ugxininise isandi u-/**k**/.
- Cela abafundi bathi /**k**/. Kufuneka bakujonge emlonyeni, baphinde bayitsho baze bajongane emilonyeni ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacebise ngamagama anesandi u-/**k**/.
- Qalisa ukufundisa ngaloomagama anesandi u-/**k**/ ngokusebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi okanye ulidlale ngokwasembonisweni.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazwi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisa abafundi kuluhlu lwamagama oluncanyathiselwe ezincwadini zabo. Phinda uwafunde nabo amagama.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kumakrozo amabini. Bhala ukrozo wamachokoza wonobumba u-/**k**/ ebhodini. Bhala unobumba wamachokoza u-/**k**/ kwiphepha elicocekileyo elisongiweyo kwincwadi yomsebenzi obhalwe ngesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**k**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Xelela abafundi baza kufunda ukubhala unobumba u-/**k**/.
- Fulathela ababafundi uze ubacele bakujonge.
- Zoba emoyeni, yitsho ngelizwi eliphezulu:
  **Uqal'entloko uhl' ubhek'emzimbeni uxwesel'ekhohlo, uxwesel'ekunene.**
- Baxelele baphinda-phinde le ngoma xa besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**k**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo.
- Iya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini. Bhala phezu kwawo, ucula ingoma ngelizwi eliphezulu. Cela abafundi bayicule xa ubhala.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Xelela abafundi bavule iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze batyhile kwiphepha obalungiselele lona.
  - Yitsho imiyalelo ngelizwi eliphezulu xa bebhala.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-7: Usuku Lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE: *Izilwanyana zasendle***; oonotsheluza besigama: **inkawu, ihlosi, indlulamthi, ingwenya, imfene**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza bamagama akwipowusta ngesiesiXhosa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngemifanekiso ekwipowusta.


**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Izilwanyana zasendle***
- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Khumbuza oku ubuthethe ngako namagama owazise izolo.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

Baleka







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: *Baleka***; oonotsheluza besigama: **ibhabhathane, isigcawu, isele, inyoka, intaka, imfene, ihlosi, baleka, dubula, khusela**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali uze ulingise imibuzo yakho. Khangela imifanekiso yezilwanyana.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngetsheyini lokutya.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza enikufunde izolo.
  - Xhoma imifanekiso yezilwanyana edongeni. Cela abafundi bancamathisele amagama ezilwanyana phantsi komfanekiso olungileyo ngamanye.
  - **Isigama:** Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo.
  - Abafundi kufuneka balinganise (ngokungathi badlala embonisweni) izenzi (dubula, baleka, khusela).
  - Qalisa ngesigama esitsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokucacilelo:** Thetha nabafundi ngendlela elisebenza ngalo itsheyini lokutya.
  - Chonga indlela elizingela ngalo ukutya kwalo irhamncwa ngalinye.
    isigcawu – indlu yesigcawu
    isele – ulwimi
    inyoka – ityhefu esemazinyweni wayo
    intaka – umlomo wentaka
    imfene – amazinyo abukhali
    ihlosi – amazinyo abukhali neenzipho ezinde ezibukhali

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Cela abafundi bafunde kunye nawe.
  - Cingela ngaphandle: Kwitsheyini lokutya, abantu bayayitya ingwe?
  - Oku kuthetha ukuthini ngokwenziwa ngabantu kwingwe?

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo. Gqibezela isifundo ngokubuza imibuzo ehlolayo.
  - Ukuba umntu uyidubule ingwe, nicinga ukuba uza kuyithini inyama?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-/**k**/; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-94 & lama-95; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **ikawusi, kuyana, iketile, isikere**
- **Amalungiselelo:** Sikisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**k**/ kwamagama amatsha.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisa kwitshati yezandi-mazwi uze ujonge uqondo lwabafundi kwamagama afundiswe izolo.
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qalisa ngamagama amatsha anesandi u-/**k**/ ngokusebenzisa oonotsheluza abanamagama kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngeentsingiselo. Cela abafundi badlale/balinganise amagama ngokwasembonisweni okanye bawasebenzise kwizivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazwi nize nibasebenzise iveki yonke.

**3. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi bathyile kwiphepha lama-94 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Fundela abafundi imiyalelo. Banike ixesha lokugqiba umsebenzi okwiphepha lama-94 nelama-95.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**k**/.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthiwani xa ubhala unobumba u-/**k**/. **Uqal'entloko uhl'ubhekemzimbeni uxwesele ekhohlo, uxwesel'ekunene.**
- Bhala emoyeni ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa:**
- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-/**k**/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa wonke umntu utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.

**Umsebenzi wasekhaya**

Nika abafundi amaphetshana kanonobumba u-/**k**/ obhalwe ngamachokoza. Kufuneka bawukhuphele ngokucinezela phezu kwamachokoza emakhaya.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-7: Usuku Lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***UQwarha rhalayo***; oonotsheluza besigama: **ngononophelo, khalipha, emenyezelayo, isithokothoko, ukudikizela**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.


**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala:**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Nicinga ukuba eli bali lingantoni? (ukuqikelela)
  - Niziva njani xa umntu esithi, "Uyarhala"?
  - Kutheni niziva njalo?
- **Isigama:** Qalisa ukufundisa amagama amatsha ngokusebenzisa oonotsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngembonakalo enomdla.
- Bonisa eminye imifanekiso (hayi yonke) uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
- Ebalini kuthiwa ikhona into ebezingenayona izilwanya kudala. Ibiyintoni leyo?
- Yintoni ebonwe zizilwanyana kumqolomba?




## Ukufunda notisthala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: *Baleka***; oonotsheluza besigama: **ibhabhathane, isigcawu, isele, inyoka, intaka, imfene, ihlosi, baleka, dubula, khusela**
- **Amalungiselelo:** Thatha amagama owafundise kwisifundo sokuqala nesesibini uwasuse kwitshati yesigama. Waxhome jikelele kwiindonga zegumbi lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukulungisa imifanekiso ifane netsheyini lokutya nokuziqhelanisa nesigama


**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo ngoMvulo nangoLwesibini ukuze uwaxhome edongeni ngokungakhethiyo.
- Xa umfundi elifumene igama, kufuneka azame ukulifunda, aze alincamathisele kwitshati yesigama.
- Nceda abafundi baguqule imibhalo yamagama nangokufunda ngokuthe rhu (*decode*).

**2. Itsheyni lokutya**
- Ncamathisela imifanekiso yezilwanyana ebhodini ngokungakhethiyo.
- Cela abafundi balungise imifanekiso ifane nekhamandela lokutya.

**3. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Cela abafundi bafunde kunye nawe.

# Iveki Yesi-7: Usuku Lwesi-3




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-/**e**/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **ipere, isele, iwele, ijele**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Iwele lisika ipere ngesikere.** Sikisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**e**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Wufunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**e**/.
- Xelela abafundi baza kufunda ngonobumba u-/**e**/ - inkangeleko yakhe, isandi sakhe, namagama anesisandi.
- Phinda ufunde isivakalisi esikumcwe wephepha. Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/**e**/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-/**e**/

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **iemele** – ugxininise isandi u-/**e**/.
- Cela abafundi bathi /**e**/. Kufuneka bakujonge emlonyeni, baphinde bayistho bejongene emilonyeni ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi bacebise amagama anesandi u-/**e**/.
- Qalisa ngalomagama anesandi u-/**e**/ ngokusebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi okanye ulidlale ngokwasemboniswenι.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazwi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisa abafundi kuluhlu oluncanyathiselwe ezincwadini zabo. Phinda uwafunde nabo amagama.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikreyoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo nesihloko kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nasekubhaleni isihloko nonke egumbini lokufunda.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi baza kuzoba umfanekiso ngabafunde ngako.
- Buza abafundi: Ibisesiphi isilwanyana sokuqala sokulumkiswa ukuba sibaleke?
- Zoba umfanekiso wesigcawu nebhabhathane.
- Babuze ukuba singathini na isihloko.
- Bhala isihloko: ***Baleka, bhabhathane!***




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***UQwarha rhalayo***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nebali lakho uze ulingise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba nokuphendula imibuzo ngebali.


**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Thetha ngenikufunde izolo.
  - Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- **Isigama:** Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda**
- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda efana nale:
  - Ingaba eli bali liyinyani? Kutheni usitho?
- Shwankathela ibali, ubhekisa kumalungu ebali (abalinganiswa, isakhiwo sebali, unqguzulwano nesisombululo)










## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-**/e/**; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-34 & lama-35; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: **ulele, ufele, iesile, ilekese**
- **Amalungiselelo:** Sikisa oonostheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-**/e/** kwamagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisa kwitshati yezandi uze ujonge uqondo lwabafundi kwamagama afundiswe izolo.
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qalisa ngamagama amatsha anesandi u-**/e/** ngokusebenzisa oonotsheluza abanamagama kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi okanye ulidlale ngokwasembonisweni.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazi nize nibasebenzise iveki yonke.

**3. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-34 kwiincwadi zabo zokusebenza.
- Fundela abafundi imiyalelo. Banike ixesha lokugqiba umsebenzi.
- Bacele bafunde amagama ezandi-mazwi akwiphepha lama-34 nelama-35.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqhela ukubhala unobumba u-**/e/**.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthwani xa ubhala unobumba u-**/e/**. Yenz'umgc'esphakathini ujikele ngqukuva, uphelel'esthubeni.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa**

- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-**/e/** (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa ukuba wonke umntu utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zabafundi zokubhala; iikreyoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo nesihloko kwitshati yokubhala: ***Baleka, ….***
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi bazobe esi silwanyana bafuna ukusilumkisa
- Kufuneka baqinisekise ukuba imizobo yabo inawo amaxhoba namarhamncwa.
- Bhekisa kwisakhelo sokubhala uze ufunde isihloko.
- Bayale ukuba bagqibezele isihloko ngokubhala igama lesilwanyana.
- Qinisekisa ukuba basebenzisa iziphumlisi ezilungileyo.
- Nika umfundi ngamnye ithuba lokuthetha ngakuzobileyo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***UQwarha rhalayo***
- **Amalungiselelo:** Imifanekiso yabalinganiswa basebalini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphinda ubalise ibali ngokusebenzisa imifanekiso.

**IMISEBENZI**
- Yalela abafundi baphinde babalise ibali besebenzisa imifanekiso.
- Khumbuza abafundi bangalibali ukukhankanya okunceda irhamncwa ukuze lizingele ngcono.








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-Vula Bula: amakhadi oonobumba u-**/k/** no-**/e/**; amakhadi oonobumba u-/h/, u-/a/, u-/e/, u-/i/, u-/o/, u-/u/, u- /b/, u-/l/, no-/k/; oonotsheluza bamagama afundiswe kule veki.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye uneqela lamakhadi oonobumba.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa oonobumba u-**/k/** no-**/e/**. Funda amagama afundiswe kule veki.

**IMISEBENZI**

**1. Amakhadi oonobumba** u-**/k/** no-**/e/**
- Ncamathisela amakhadi oonobumba be-Vula Bula u-**/k/** no-**/e/** ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela oonotsheluza bamagama afundiswe kule veki.
- Cela abafundi bajonge amagama beze ebhodini(abemnye ngexesha) bazokukhetha igama. Kufuneka balifunde balibeke ngaphantsi kwekhadi elilungileyo likanobumba.
- Ukuba umfundi uthathe igama elikwazi ukubekwa ngaphantsi kwezandi zozibini - umz. Isikere – buza umfundi ukuba kutheni ekhethe esi sandi asikhethileyo na.

**2. Amakhadi oonobumba abafundi**
- Cela abafundi bakhuphe amaqela abo amakhadi oonobumba. Cela bawabeke etafileni, ejonge kubo.
- Baxelele ukuba uza kubacela bakhethe unobumba. Kufuneka bawukhangele kumakhadi abo, bawuthathe/ bawuchole.
- Kufuneka bangajongani.
- Vakalisa unobumba, ubacele bayithathe/ bayichole. Jonga jikelele, qiniseka ukuba wonke umfundi uzithathele unobumba olungileyo.
- Yenza oku ngabo bonke oonobumba obafundisileyo, naba ubafundise kwiiveki ezidlulileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-36
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zomsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala iiphatheni zoonobumba.

**IMISEBENZI**

**Iincwadi zomsebenzi ze-DBE:**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-36 kwiincwadi zabo zokusebenza.
- Khokela abafundi ukuze benze imisebenzi ekwiphepha lama-36.
- Hamba-hamba, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.

# Iveki Yesi-7: Usuku Lwesi-5



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi owenziweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa ipowusta yetsheyini lokutya. Ibenesihloko kunye nemifanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela itsheyini lokutya ngemifanekiso.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi baza kuzikhumbuza ngendlela yendalo yokulandelelana kwezinto kwitsheyini lokutya ngokusebenzisa imifaneko.
- Khokela abafundi ngokubabuza ukuba baqale ngokufunda ngesiphi isilwanyana.
- Emva kokuba bezobe esokuqala isilwanyana kufuneka bazobe esesibini kwitsheyini. Kufuneka baqhube ngale ndlela ukuze baligqibe itsheyini lokutya.
- Cela abafundi baphawule izilwanyana ngamagama azo baze banike imizobo yabo isihloko.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Isigama seveki


*Baleka*
*inkawu*
*ihlosi*
*indlulamthi*
*ingwenya*
*imfene*
*ibhabhathane*
*isigcawu*
*isele*
*inyoka*
*intaka*
*dubula*
*khusela*
*ngononophel*
*khalipha*
*emenyezelayo*
*isithokothoko*
*ukudikizela*

## Ezokubala

*ball shape: isimo sebhola*
*box shape: isimo sebhokisi*
*left: ekohlo*
*middle: embindini/phakathi*
*right: ekunene*






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE:** ***Efama***; oonotsheluza besigama: **inkomo, igusha, ibhokhwe, ihagu, inkukhu**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesihloko uze wenze oonotsheluza bamagama esiXhosa akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Yinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Efama***

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda isihloko uze uthethe ngaso. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

Lala





Kusebusuku. Kuthe cwaka efama.
Kuthe cwaka ehokweni yeehagu.

Lixesha lokulala kumantshontshwana.
Umama uhagu umane ewatyhala ewathomalalisa ngalo mhemfu yakhe.



Kusebusuku. Kuthe cwaka efama.
Kodwa kuyaxokozela kula mthi mkhulu unabileyo.

Lixesha LOKUVUKA kozikhovana!
Umama usikhova umane ebanyumbaza ngomlomo.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula:** ***Lala***; oonotsheluza besigama: **ubusuku, lala, vuka, ihashe, inkomo**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwexesha uze ulungise imibuzo yakho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

**Ukufundisa ngokuthe gca: Ukusebenzisa ulwazi lwangaphambili:**

- Xelela abafundi ukuba uza kubafundisa isakhono esitsha esizakubanceda ukwenza ukufunda imibhalo kuqondakale.
- Sikunceda ucinge ngosowukwazi ngomxholo phambi kokuba ufunde ngawo. Oku kuthetha ukuba ungaqikelela okuzakwenzeka ngokucoselekileyo.
- Unganayo nemibuzo ngomxholo. Mibuzo leyo ingaphendulwa ngumbhalo. Oku kuza kwandisa ulwazi lwabo.


- **Iqweqwe:** Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
  - Wazi ntoni ngezilwanyana zasefama?
  - Uyazazi ukuba zilala phi?
  - Eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)
- **Uhambo lomfanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha le-17) Sesiphi isilwanya esilintshontsho esisileyo? Kutheni esile?
  - (iphepha lama-20) Yintoni eyahlula lo mfanekiso kweminye imifanekiso?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
  - Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.


**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda okuthe rhu.
- Emva kokufunda amaphepha amabini, buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - (iphepha le-19) Isikhukhukazi siwafudumeza njani amantshontsho aso?
  - Amantshontsho ezilwanyana anamagama ahlukileyo. Uyawakhumbula ukuba athini?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Amantshontsho ezilwanyana ahlukileyo adiniswe yintoni?
  - Ngubani okuncedisayo phambi kokuba ungene ezingubeni ekhaya?
  - Wenzani phambi kokuba ulale?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobuma ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-**/l/**; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi: phonics flash cards from the word list: **lala, lila, lola, lula, ilali**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Lixesha lokulala kumatakane.** Sikisa oonotsheluza
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-**/l/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**


- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Yifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-**/l/**.
- Xelela abafundi baza kufunda ngonobumba u-**/l/** - inkangeleko yakhe, isandi sakhe, namagama anesisandi.
- Phinda ufunde isivakalisi esikumcwe wephepha. Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-**/l/** kwisivakalisi.


**2. Ikhadi likanobumba** u-**/l/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **ileli** – ugxininise isandi u-**/l/**.
- Cela abafundi bathi **/l/**. Kufuneka bakujong emlonyeni, baphinde bayitsho baze bajongane emilonyeni ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani

**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi bacebise ngamagama anesandi u-**/l/**.
- Qalisa ngaloomagama anesandi u-**/l/** ngokusebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi okanye ulidlale ngokwasemboniswenі.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisa abafundi kuluhlu lwamagama oluncanyathiselwe ezincwadini zabo. Phinda uwafunde nabo amagama.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kumakrozo amabini. Bhala ukrozo wamachokoza wonobumba u-**/l/** ebhodini. Bhala unobumba wamachokoza u-**/l/** kwiphepha elicocekileyo elisongiweyo kwincwadi yomsebenzi obhalwe ngesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/l/**.


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Xelela abafundi bazakufunda ukubhala unobumba u-**/l/**.
- Fulathela abafundi uze ubacele bakujonge.
- Zoba emoyeni, yitsho ngelizwi eliphezulu: Uqal' entloko uhl'ubhek'emzimbeni.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-**/l/** emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo.
- Iya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini. Bhala phezu kwawo, ucula ingoma ngelizwi eliphezulu. Cela abafundi bayicule xa ubhala.

**2. Iincwadi zabafundi**


- Xelela abafundi bavule iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze batyhile kwiphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngelizwi eliphezulu xa bebhala.
- Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |









## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** itshati yemozulu; ipowusta ye-**DBE powusta:** ***Efama***; oonotsheluza besigama: **inyosi, idada,**
- **inja, ikalkuni**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza bamagama akwipowusta ngesiesiXhosa.
  **Iinjongo zesifundo:** Thetha ngemifanekiso ekwipowusta. Thatha inxaxhepha kumdlalo ongalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: *Efama***
- Ncamathisela ipowusta ebhodini
- Khumbuza oku ubuthethe ngako namagama owazise izolo ngokuyelelisa amagama ezilwanyana kwimifanekiso yawo.
- Qala isigama esitsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- Umboniso wepowusta: Nika abafundi ithuba lokuthetha ngezilwanyana zabo kangangoko ukuba ixesha lisavuma.

Lala







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: *Lala***; oonotsheluza besigama: **ubusuku, lala, vuka, ihashe, inkomo, ibhokhwe, ihagu, igusha, inkukhu, isikhova, inkonyane, intshontsho**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwexesha uze ulungise imibuzo yakho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Thetha ngenikufunde izolo.
- **Isigama:** Cela abafundi bakundike amagama abawafunde izolo uze uwasebenzise kwizivakalisi.
  - Qalisa ngesigama esitsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Cela abafundi balifunde kunye nawe ibali ngembonakalo enomdla, ugxininise xa kukho isikhuzo okanye uphawu lombuzo. Buza abafundi ukuba usebenzise eziphi iziphumlisi.
- Buza imibuzo efana nale:
  - Zeziphi izilwanyana ezihlala ebuhlanti?
  - Kutheni izikhova zingalali ebusuku?

**3. Emva kokufunda**
- Yelelisa izilwanyana nenzala yazo:
  - ibhokhwe – itakane
  - igusha – itakane
  - ihagu – intshontsho
  - ihashe – inkonyane
  - inkomo – ithole
  - inkukhu – amantshontsho







## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-/**l**/; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-66 & lama-67; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi; phonics flash cards from the word list: **iliso, ulele, ilori, uloliwe**
- **Amalungiselelo:** Sikisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**l**/ kwamagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisa kwitshati yezandi-mazwi uze ujonge uqondo lwabafundi kwamagama afundiswe izolo.
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qalisa ngamagama amatsha anesandi u-/**l**/ ngokusebenzisa oonotsheluza abanamagama kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngeentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazwi nize nibasebenzise iveki yonke.

**3. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi bathyile kwiphepha lama-66 kwiincwadi zabo zomsebenzi
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-66 nakwiphepha lama-67.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-68.
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uqhelanise ukubhala unobumba u-/**l**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-68 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha lama-68.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-8: Usuku Lwesi-3






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali : ***UMbona noMbotyi***; oonotsheluza besigama: **isaziso, isivuno, ukugqwesa, imbewu, ikhula, bagqotsa, nkcenkceshela, isityalo, ushishino**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulingise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufunda ngelizwi eliphezulu**
- Abafundi mabalungiselele ukufunda ngelizwi eliphezulu.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo
  - Nicinga ukuba eli bali lingantoni? (ukuqikelela)
- **Isigama:** Qala isigama esitsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngembonakalo enomdla.
- Bonisa eminye imifanekiso (hayi yonke) uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - Ngoobani abalinganiswa bebali?
  - Baxabana ngantoni?

Lala





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: *Lala***
- **Amalungiselelo:** Thatha amagama owafundise kwisifundo sokuqala nesesibini uwasuse kwitshati yesigama. Waxhome jikelele kwiindonga zegumbi lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**


**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo ngoMvulo nangoLwesibini ukuze uwaxhome edongeni ngokungakhethiyo.
- Xa umfundi elifumene igama, kufuneka azame ukulifunda, aze alincamathisele kwitshati yesigama.
- Nceda abafundi baguqule imibhalo yamagama nangokufunda ngokuthe rhu.

**2. Ukufunda**
- Yeka abafundi bafunde. Nceda apho kufuneka uncede khona.

**3. Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba uza kushwankathela oku usanda kufunda.
- Itafile efana nale ingezantsi ebhodini.

| Isilwanyana | Inzala | Apho ilala khona |
|---|---|---|
| inkomo | ithole | ebuhlanti |
| ihagu | intshontsho | ihoko yehagu |

- Lo msebenzi wenze kunye nabafundi. Bhala phantsi igama lesilwanyana ngasinye, apho silala khona, negama yenzala saso.




**n**
nini
nika
nukisa

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-**/n/**; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi-mazwi; phonics flash cards from the word list: **nini, nina, nika, nukisa**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **UNana unika uNono inaliti**. Sikisa oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-**/n/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Wufunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-**/n/**.
- Xelela abafundi baza kufunda ngonobumba u-**/n/** - inkangeleko yakhe, isandi sakhe, namagama anesisandi.
- Phinda ufunde isivakalisi esikumcwe wephepha. Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-**/n/** kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-**/n/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **inaliti** – ugxininise isandi u-**/n/**.
- Cela abafundi bathi **/n/**. Kufuneka bakujonge emlonyeni, baphinde bayitsho bejongene emilonyeni ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.


**3. Amagama ezandi-mazwi**
- Cela abafundi bacebise amagama anesandi u-**/n/**.
- Qalisa ngalomagama anesandi u-**/n/** ngokusebenzisa oonotsheluza kunye nemifanekiso okanye nezinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga isimo salo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi okanye ulidlale ngokwasembonisweni.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi-mazwi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisa abafundi kuluhlu oluncanyathiselwe ezincwadini zabo. Phinda uwafunde nabo amagama.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikreyoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo nesihloko kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nasekubhaleni isihloko nonke egumbini lokufunda.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi baza kuzoba umfanekiso ngabafunde ngako.
- Beka umfanekiso wenkomo kunye nethile layo ebhodini.
- Bonisanani ngezimvo ngezinto enizaziyo ngeenkomo.
- Khuthaza abafundi basebenzise isigama esitsha.
- Bhala phantsi ezi zimvo zintsha.
- Khetha izivakalisi ezimbini uze uzibhale phantsi komfanekiso.
- Fundani izivakalisi kunye.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-8: Usuku Lwesi-4






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali : ***UMbona noMbotyi***; itshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphendula imibuzo ngebali. Ukumamela ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Thetha ngenikufunde izolo. Buza:
  - Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- **Isigama:** Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda**
- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - Ngubani onike ingcinga yokuphekha isuphu?
  - Bagalele ntoni kwisuphu yabo?
  - Nicinga ukuba abantu bayithandile/ boyonwabele isuphu yabo?
  - Kutheni ucinga njalo?



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zabafundi zokubhala; iikreyoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela umbhalo wakho wayizolo kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kusebenza ngababini. Baza kubhala izivakalisi ezimbini ngomfanekiso.
- Khetha umfanekiso uze uwuncamathisele ebhodini.
- Yahlula abafundi babebabini-ngababini.
- Bacele banike izimvo zabo ngesilwanyana esisemfanekisweni. Kufuneka bazame ukusebenzisa isigama abasifunde kule veki.
- Bacele bazobe umfanekiso baze bakhethe ezona zivakalisi zilungileyo ukuze babhale ngawo.
- Hamba-hamba uqiniseka ukuba basebenzisa iziphumlisi namathuba alungileyo phakathi kwamagama.
- Nceda apho kudingeka uncedo khona.





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama-50 & lama-51
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga unobumba u-/**n**/ kwamagama amatsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisa kwitshati yezandi-mazwi uze ujonge uqondo lwabafundi kwamagama afundiswe izolo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-50 kwiincwadi zabo zokusebenza.
- Hamba-hamba uqiniseke ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngokulungileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kumakrozo amabini. Bhala ukrozo wamachokoza wonobumba u-/**n**/ ebhodini. Bhala unobumba lwamachokoza u-/**n**/ kwiphepha elicocekileyo elisongiweyo kwincwadi yomsebenzi obhalwe ngesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uqhelanise ukubhala unobumba u-/**n**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Xelela abafundi bazakufunda ukubhala unobumba u-/**n**/.
- Fulathela abafundi uze ubacele bakujonge.
- Zoba emoyeni, yitsho ngelizwi eliphezulu: Yehla, nyuka kwangalamgca, jikela, yehla.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**n**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo.
- Iya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini. Bhala phezu kwawo, ucula ingoma ngelizwi eliphezulu. Cela abafundi bayicule xa ubhala.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Xelela abafundi bavule iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze batyhile kwiphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngelizwi eliphezulu xa bebhala.
- Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-8: Usuku Lwesi-5






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali : ***UMbona noMbotyi***; itshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba. Ukuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngenikufunde izolo.
- Buza: Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda**
- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.


**4. Emva kokufunda**
- Shwankathela ibali, ubhekisa kumalungu ebali (abalinganiswa, isakhiwo sebali, ungquzulwano nesisombululo).




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)* UHLOLO

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi obhaliweyo; iikreyoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela umbhalo wakho wayizolo kwisakhelo kwitshati yokubhala Lungisa uhlolo (FAT) kunye nommiselo wohlolo ukuze unike abafundi amanqaku.
- **Iinjongo zesifundo:** Zoba umfanekiso uze ubhale isihloko. Thetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi kufuneka bakhethe isilwanyana abasithandileyo ebalini baze bazobe umfanekiso waso nenzala yaso.
- Okulandelayo, kufuneka babhale izivakalisi zibembini ngomfanekiso.
- Bakhumbuze ukuba bacinge ngabakwaziyo ngesilwanyana, baqinisekise basebenzisa isigama esifundiswe kule veki.
- Hamba-hamba uqinisekise ukuba basebenzisa iziphumlisi ezilungileyo. Qinisekisa ukuba bashiya amathuba phakathi kwamagama.
- Qokelela umsebenzi uze usebenzise isimmiselo ukunika abafundi amanqaku njengohlolo (FAT).




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** imizobo yoluhlu loonobumba ye-Vula Bula: amakhadi oonobumba u-**/l/** no-**/n/**; oonotsheluza bamagama awafundiswe kule veki.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela amakhadi oonobumba u-**/l/** no-**/n/** ebhodini. Xhoma bonke oonotsheluza bezandi abafundiswe kule veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga oonobumba u-**/l/** no-**/n/**.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Ncamathisela amakhadi oonobumba ebhodini.
- Cela abafundi bajonge amagama beze ebhodini(abemnye ngexesha) bazokukhetha unotsheluza.
- Kufuneka balifunde bakhetha ukuba kufuneka abekwe ngaphantsi kweliphi ikhadi likanobumba
- Kufuneka umfundi acacise isizathu sokuba akhethe ukuncamathisela apho akhethe ukuncamathisela khona.
- Cela abanye abafundi banike impendulo.
- Qhubekeka de bonke oonotsheluza bafundwe bacombululeke.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)* UHLOLO

- **Izixhobo:** iincwadi zomsebenzi owenziweyo ngabafundi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Lungisa uhlolo kunye nommiselo wohlolo ukuze unike abafundi amanqaku.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala isivakalisi ngenjongo yokuhlolwa.

**IMISEBENZI**


- Bhala esi sivakalisi ebhodini: **Iyana imvula kakhulu ngoku**.
- Yala abafundi basikhuphele ezincwadini.
- Musa ukubancedisa.
- Thatha umsebenzi wabafundi uwunike amanqaku ngokulandela iinqobo zokugweba ezikummiselo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Isigama seveki


| | | |
|---|---|---|
| *inkomo* | *vuka* | *inkonyane* |
| *igusha* | *ihashe* | *intshontsho* |
| *ibhokhwe* | *inyosi* | *isivuno* |
| *ihagu* | *idada* | *imbewu* |
| *inkukhu* | *inja* | *nkcenkceshela* |
| *ubusuku* | *ikalkuni* | *isityalo* |
| *lala* | *isikhova* | *ushishino* |

## Ezokubala

| | |
|---|---|
| *circle: isangqa* | *square: isikwere* |
| *long: ende* | *triangle: unxantathu* |
| *short: emfutshane* | |

# Iveki Ye-9: Usuku Loku-1








## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi iDBE, amaphepha u-18 kunye no- 19.
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo engomfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** kukunxulumanisa amava wabantwana kunye noku kuxoxwa kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokwenza umsebenzi i-DBE kwiphepha le-18.
- Bakhokhele kumsebenzi wonke. Banike ixesha lokuwenza.
- Ukuphela kwexesha, kufuneka bathelekise umsebenzi wabo kunye nowalowo umfundi ahlala naye edesikeni bandule ukulungisa naziphi na iziphoso.








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Zoba usike***; onotsheluze besigama: **isakheko, mboxo, nxantathu, isangqa, isikere.**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** kukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele, unxulumisanise kumava wabo uze uphendule imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
  - Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali?
- **Ukubuka imifanekiso:** Tyhila-tyhila amaphepha welibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama- 25) Yeyiphi le milo ezotywa ngutitshala ebhodini? (page 25)
  - (iphepha lama-27) yeyiphi eminye iimilo oyibonayo kweligumbi lokufundela
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluze kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela amakhadi oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - Zeziphi ezinye izinto onokuzisebenzisa ukuzoba isangqa?
  - Zeziphi izilwanyana ezenziwa ngabafundi?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Sesiphi isilwanyana ongathanda ukusenza?
  - Zeziphi iimilo onokuzisebenzisa ukwenza esakho isilwanyana?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: Ikhadi likanobumba u-**/s/**; oonotsheluze bodweliso lwamazwi-zandi: **sela, suka, sula, isele**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha wesivakalisi: **USalusiwe ususa isele.** Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa unobumba u-**/s/**. ukusebenzisa unobumba u-**/s/** kwisivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise isandi sikanobumba u-**/s/**.
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/s/** - ukuba ubonakala njani, uvakala njani xa ebizwa, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esisemgceni kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-**/s/** kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-**/s/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **usana** – uze ugxininise isandi sikanobumba u-**/s/**.
- Xelela abafundi ukuba babize u-**/s/**. kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge nasemilonyeni yomnye-nomnye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi-mazwi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/s/**.
- Qala ukubafundisa amagama anonobumba u-**/s/** usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesadla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini ibeyimiqolo emibini. Bhala umqolo kanobumba u-**/s/** ibengamachaphaza. Bhala umqolo kanobumba u-**/s/** ibengamachaphaza kwiphepha elisikoni eligotyiweyo lencwadi yokubhalela umsebenzi ngesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-**/s/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisanisa**
- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ukubala unobumba u-**/s/**.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe. Zoba emoyeni, uthethe uthi: **Siqala kungqukuva sijikele gqukuva sixwes'esphakathini sijikele ngqukuva siphelel'esthubeni.**
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**
- Xelela abafundi ukuba bavule incwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama.
- **Amalungiselelo:** Lungisa umsebenzi-oyintetho malunga nefama yezilwanyana oyithandayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqonda ubume bomsebenzi oyintetho.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba uyakwenza umsebenzi oyintetho olungisiweyo namhlanje. Mabamamele ngenyameko ngoba nabo bayakukwenza umsebenzi oyintetho olungisiweyo wovavanyo kule veki.
- Xelela abafundi ukuba xa uthetha ngefama yakho oyithandayo uyakulandela oluhlobo lulandelayo:
  **1.** Igama lesilwanyana.
  **2.** Inzala yayo ibizwa ntoni.
  **3.** Yintoni ezuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama?
  **4.** Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Bonakalisa oku ngokubenzela umsebenzi oyintetho elungisiweyo.
- Xelela abafundi ukuba balungise owabo umsebenzi oyintetho abazakuwenza kwangalendlela inye. Isihloko sithi: Eyona fama yezilwanyana ndiyithandayo.
- Baxelele ukuba uyakube uhlola umsebenzi wabo oyintetho iveki yonke.

**Umsebenzi wasekhaya**

- Lungisa umsebenzi oyintetho ngoluhlobo ubekwe ngalo ngasentla.
- Zisa umfanekiso wesilwanyana. Ungakwazi ukuthi kanti uwuzobile, uwusike kwimagazini okanye kwiphepha-ndaba, okanye into yokudlala?






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Zoba usike***; oonotsheluze besigama: **isakheko, mbhoxo, nxantathu, isangqa, isikere, isikwere, uxande, iintlobo, bungakanani**
- **Amalungiselelo:** Bhala lombongo kwiphepha letshati njengomzekelo womsebenzi wesiphumlisi kuluhlu.
  **Izakheko ezibungakanani obahlukeneyo.**
  **Izakheko ezi zintlobo ezahlukeneyo.**
  **Izangqa, izikwere, oxande, onxantathu, noomboxo**
  **Ziintlobo ngeentlobo ezahlukeneyo.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele, unxulumisanise kumava wabo ukuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Thetha ngoku ubukufundile izolo.
- **Isigama:** Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Thetha ngokwakhiwa kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluze kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
  **Imfundiso ethe gca: Ukusetyenziswa kwesiphumlisi**
  - Buza abafundi ukuba ingaba bayalwazi na uphawu olukumgca wesi-3 wombongo yaye ingaba libizwa ngokuba yintoni kwaye lenza ntoni kwisivakalisi.
  - Cacisa kubo ukuba isiphumlisi luphawu nje lokuba umntu aphumle kancincane phakathi kwindawo ezithile zesivakalisi.
  - Uphinde ucacise ukuba isentyenziswa ukwahlula udweliso lwezinto. Isiphumlisi sivela emva kwento nganye echaziweyo.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo.
- Cela abafundi ukuba bafunde kunye nawe xa kuvela khona umbongo.

**3. Emva kokufunda**

- Cingela ngaphandle: Ndiyazibuza ingaba ezimilo zingakwazi ukwenza inja na.
- Wandule uthethe ngokuba yeyiphi na imilo engenza eliphi ilungu lenja.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-**/s/**; Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi iDBE, amaphepha u-98 kunye no 99; oonotsheluze bezandi-mazwi asuka kudweliso lwamagama: **isisu, usisi, isiselo, isoseji, isikolo**
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokutsho isandi sikanobumba u-**/s/** kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.
- Beka ikhadi likanobumba ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qalisa ufundise amagama ka-**/s/** amatsha, usebenzisa amagama akoonotsheluze kunye nomfanekiso okanye nento.
- Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze uwasebenzise iveki yonke.


**3. Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**
- Cela abafundi ukuba bavule iphepha lama-98 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha lama-98 nelama-99.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi, iphepha le-100.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/s/**.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi ukuba batyhile kwiphepha le- 100 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha le-100
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)* UVAVANYO

- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama.
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubrikhi yakho yokuphulaphula neyokuthetha ukuhlola uvavanyo olwenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukwenza uvavanyo olwenziwa ngomlomo olungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele oluhlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bayithandayo:
  **1.** Igama lesilwanyana
  **2.** Ibizwa ukuba yintoni inzala yayo
  **3.** Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama
  **4.** Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye noobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukubanika inqaku usebenzisa irubhrukhi.
- Hlola abafundi abaliqela kangangoko ukuba ixesha elisikelwe esisifundo lisavuma.
- Uyakuqhubeka uhlola iveki yonke.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Zoba usike***
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise ekufundeni kokuqala nokokwesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze idonga legumbi lokufundela
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathele ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Isigama:** Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ububafundise wona ngoMvulo nangolwesibini edongeni.
- Xa omnye umntu ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathisele kwisthati yesigama.
- Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.

**2. Ukufunda**

- Funda ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Vumela abantwana bazifundele umbongo ngokwabo uze uncede xa kufuneka ukuba wenze njalo.

**3. Emva kokufunda**

- Cela abafundi ukuba basebenze ngambini ukuze babalise ibali. Kufuneka baqinisekise ukuba basebenzisa isigama abasifundiswe kule veki.

# Iveki Ye-9: Usuku Lwesi-3




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**z**/; oonotsheluze abasuka kudweliso lwamagama ezandi: **izolo, izulu, iziko zamla**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **UZolani uzobe izilo ezine**. Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-/**z**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise kwisandi sikanobumba u-/**z**/.
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-/**z**/ - ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikulo mcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba baphulaphule bakhangele unobumba u/**z**/ kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-/**z**/
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – **izihlangu** – uze ugxininise isandi sika u-/**z**/.
- Xelela abafundi ukuba bathi u-/**z**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-/**z**/.
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-/**z**/ usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** itshati yokubhalela; ikoki
- **Amalungiselelo:** Zoba iimilo ebhodini uze ubhale amagama azo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazo eludweliso yeemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**

Xelela abafundi ukuba kufuneka bakuncedise uzobe isilwanyana ubuthethe ngaso kumsebenzi wakho owenziwa ngomlomo, usebenzisa iimilo.
- Hlanganisa iingcina zokuba ingayeyiphi imilo ozakuyisebenzisa kwilungu ngalinye lomzimba.
- Xa nithe nafikelela kwisigqibo, zoba isilwanyana usebenzisa imilo ekuvunyelwene ngazo.
- bhala, oku kubeyinkcazelo:

**Ndizobe i… (igama lesilwanyana) ndisebenzisa i…, …., ….., …. (udwelisa iimil ozisebenzisileyo)**




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)* UVAVANYO

- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama.
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubrikhi yakho yokuphulaphula neyokuthetha ukuhlola umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo olungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele oluhlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bayithandayo:
  1. Igama lesilwanyana
  2. Ibizwa ukuba yintoni inzala yayo
  3. Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama
  4. Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye noobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukubanika inqaku usebenzisa irubhrukhi.
- Hlola abafundi abaliqela kangangoko ukuba ixesha elisikelwe esisifundo lisavuma.
- Uyakulugqiba uvavanyo ngomso.




## Ukubhala ngambini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yabafundi yokubhalela
- **Amalungiselelo:** Lungisa uluhlu lwezilwanyana ukuze abafundi bakhethe kulo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazelo yoluhlu yeemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba basebenze bebabini baze bakhethe isilwanyana – ingaba sisilwanyana sasefama okanye sesasendle.
- Kufuneka bahlanganise iingcina zokuba ingayeyiphi imilo oza kuyisebenzisa kwilungu ngalinye lomzimba.
- Xa nithe nafikelela kwisigqibo, soba isilwanyana usebenzisa iimilo ekuvunyelwene ngazo.
- Bhala, oku kubeyinkcazelo:
- Sizobe i… (igama lesilwanyana) ndisebenzisa i…, …., ….., …. (udwelisa iimilo ozisebenzisileyo)
- Jikeleza uncedisa apho kudingeka khona.






## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi iphepha le-101 nele-102.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banencwadi yabo ye-DBE yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-**/z/** kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.

**2. Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**

- Cela abafundi ukuba bavule kwiphepha le-101 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha le-101 nele-102.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo. Nceda apho kudingeka khona uncedo.



Z Z Z Z Z Z

Z Z Z Z Z Z

Z Z Z Z Z Z

## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zafadundi zokubhalela ngesadla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni eyimikrozo emibini ebhodini. Bhala umkrozo kanobumba u-/**z**/ ibengamachaphaza. Bhala umkrozo kanobumba u-/**z**/ ibengamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yokubhala umsebenzi wesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda futhi nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**z**/


**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelanisa**

- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ukubhala unobumba u-/**z**/.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo:
  **Qal'esphakathi, yenz'umgca, xwesel'ekhohlo, wenz'umgca.**
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**

- Xelela abafundi ukuba bavule incwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Ye-9: Usuku Lwesi-5



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)* UVAVANYO

- **Izixhobo:** Irubrikhi elungiselelwe uvavanyo olusesikweni
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubrikhi yakho yokuphulaphula neyokuthetha ukuhlola umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo olungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele oluhlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bazithandayo:
  1. Igama lesilwanyana
  2. Ibizwa ukuba yintoni inzala yayo
  3. Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama
  4. Chaza into ibenye eyinyaniso nenika umdla oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye noobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukubanika inqaku usebenzisa irubhrikhi.
- Gqiba uvavanyo namhlanje.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yabafundi yokubhalela
- **Amalungiselelo:** Lungisa uluhlu lwezilwanyana ukuze abafundi bakhethe kulo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Bhala inkcazelo eludweliso lwemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bazakubhala ngesilwanyana ebebethe basikhethela ukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- Kufuneka bacinge ukuba ingayeyiphi imilo abanokuyisebenzisa ukwenza ilungu ngalinye lomzimba.
- Bangathi ke ngoko bazobe isilwanyana besebenzisa iimilo.
- Ngokwenkcazelo, kufuneka babhale oku:
- **Ndizobe i… (igama lesilwanyana) ndisebenzisa i…, …., ….., …. (udwelisa iimilo ozisebenzisileyo)**
- Jikeleza uncedisa apho kudingeka khona.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo kule veki.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela amakhadi oonobumba ka-**/s/** kunye no-**/z/** ebhodini. Ncamathisela bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kuleveki.
- **Iinjongo zesifundo:** Bakwazi ukuchonga baze bavakalise unobumba u-**/s/** kunye no-**/z/**.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba beze ebhodini abemnye ngexesha bakhethe unotsheluza.
- Umfundi makafunde unotsheluza aze akhethe ukuba ufaneleke abephantsi kweliphi ikhadi likanobumba.
- Umfundi kufuneka aze acacise ukuba kutheni encamathisela phantsi kwelokhadi likanobumba alikhethileyo.
- Cela abafundi ukuba banike ingxelo.
- Qhubeka kude kubekanti bonke oonotsheluza bafundiwe yaye bahleliwe.

# Iveki Ye-9: Usuku Lwesi-5




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yokwenza umsebenzi, iphepha le- 104
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-**/z/**

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule iphepha u- 104 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha u-104
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.

**Umsebenzi wasekhaya**


- Nika abafundi isiqendu sephepha esinonobumba u-**/z/** owenziwe wangamachaphaza. Baxelele ukuba bacinezele lo nobumba besebenzisa iikhreyoni.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

*isakheko*
*mbhoxo*
*unxantathu*
*isangq*
*isikere*
*isikwere*
*uxand*
*iintlobo*
*sika*
*zoba*
*indlovu*
*bungakanani*

## Ezokubala

*balance: linganisa*
*heavier: inzinyana*
*heavy: inzima*
*light: ikhaphukhaphu*
*lighter: ikhaphukhaphana*

# Iveki Ye-10: Usuku Loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yokwenza umsebenzi, iphepha lama-54
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngomfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso. Nxulumanisa amava wabantwana kunye nomfanekiso.


**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo ze-DBE zesiXhosa zokwenza umsebenzi kwiphepha lama-54.
  - Buza abafundi ukuba bacinga iphi le ndawo.
  - Bacinga ukuba kwenzeka ntoni?
  - Bazi oluphi uhlobo lwezixhobo zomculo?
  - Kutheni amantombi amabini enxibe imphahla efanayo?

Mamela






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Mamela***; oonotsheluza besigama: **iqela, ixilongo, umculo, isiginkci, konsathi, ifleyiti, ifidyoli, igubu, imarimba, umqala, iinyathi, thontsiza, ingcongconi**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Thatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele, unxulumisanise kumava wabo uze uphendule imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Buza abafundi ukuba ingaba ukhona na kubo okwaziyo ukudlala izixhobo zomculo.
  - Ingaba bayasazi isandi esenziwa nasesiphi na isixhobo somculo kwezi ziseqweqweni? Bavumele ukuba balinganise isandi esenziwa sisixhobo ukuba bayasazi.
  - Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali? (Uqikelelo).
- **Ukubuka imifanekiso:** Tyhila-tyhila amaphepha welibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze:
  - (iphepha 34) Sesiphi esisixhobo somculo esidlalayo apha?
  - (iphepha 35) Yintoni eyenza ucinge ukuba utata akasithandi esi sandi?
- **Isigama:** Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi. Ncamathisela amakhadi oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo. Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - Ingaba ingxolo eyenziwa ligubu lika Fikile lingafaniswa nantoni?
  - Ingaba sesiphi isandi ocinga ukuba sesona besidika kakhulu?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Ingaba ababukeli kule konsathi bazive ngendlela enye ngomculo womfundi njengabalinganiswa encwadini? Nika izizathu zempendulo yakho.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula Bula kanobumba u-/m/; oonotsheluza bezandi ezisuka kuluhlu lwamagama:
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Umama kaMilisa ufumene isimemo.** Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Bakwazi ukuchonga baze bavakalise unobumba u-/**m**/.

# Iveki Ye-10: Usuku Loku-1

IMISEBENZI

**1. Umca wesivakalisi**

- Ncamathisela umgca wesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise isandi sikanobumba u-**/m/**
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/m/** - ukuba wakhiwe njani, /isandi sakhe sinjani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esisemgceni kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-**/m/** kwesisivakalisi.


**2. Ikhadi likanobumba** u-**/m/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: Yintoni le? Phinda impendulo – **imoto** – uze ugxininise isandi sikanobumba u-**/m/**.
- Xelela abafundi ukuba babize u-**/m/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emlonyeni womnye nomnye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/m/**.
- Bazise amagama anonobumba u-**/m/** usebenzisa oonotsheluza kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesadla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni eyimikrozo emibini ebhodini. Bhala umkrozo kanobumba **/m/** ibengamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yokubhala umsebenzi ngesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/m/.**


IMISEBENZI

**1. Ukuziqhelisanisa**

- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ukubala unobumba u-**/m/**.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo:
  **Yehla, nyuka, jikela, yehla, nyuka, jikela, yehla.**
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**

- Xelela abafundi ukuba bavule incwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yokwenza umsebenzi, iphepha lama-54, izixhobo zomculo
- **Amalungiselelo:** Lungiselela imibuzo ukuze usebenze ngolwazi lwangaphambili lwabafundi. Zisa izixhobo zomculo kwigumbi lokufundela kangangoko unako ukuzifumana.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso. Nxulumanisa amava abo kunye nawo.


**IMISEBENZI**

- Buza abafundi ukuba zeziphi izixhobo zomculo abazidlalayo enkonzweni kwakunye nakwimicimbi yesintu.
- Cela abafundi ukuba bavale amehlo wabo.
- Dlala isixhobo somculo uze wenze abafundi baqikelele ukuba sesiphi.

**Mamela**






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Mamela***; oonotsheluze besigama: **iqela, ixilongo, umculo, isiginkci, konsathi, ifleyiti, ifidyoli, igubu, imarimba, umqala, iinyathi, thontsiza, ingcongconi**
- **Amalungiselelo:** Bhala lamabinzana kwiphepha le tshati khon'ukuze bonke abafundi bawabone:
  **Owu, le ngxolo ayenzayo!**
  **Ndifuna ayeke!**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele. Nxulumisanisa kumava abo. Ukuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- **Khumbuza:** Thetha ngoku ubukufundile izolo.
- **Isigama:** Cela abafundi ukuba baxele amagama ebebewafundile izolo. Mabatshatise igama lesixhobo kwakunye nomfanekiso walo.
  - Ncamathisela oonotsheluze kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
- **Imfundiso ethe gca: Fundisa ukuqikelela isiphelo**
  - Cingela ngaphandle: Ndiyazibuza ukuba ababukeli bacinga ntoni ngomculo? Akukho ndawo apho ithi bayonwabele ikonsathi, kodwa bamangazekile, bakhalisa ikhwelo, beqwhaba izandla yaye bacela abafundi ukuba bangayeki ukudlala umculo.
  - Ngamanye amaxesha umbhali akabhali yonke into ngamagama kwakunye nemifanekiso.
    Ngamanye amaxesha intsingiselo ifihlakele kwizenzo zabalinganisi; ngamanye amaxesha ifihlakele ngapha kwebinzana.
  - Kulo umzekelo, siyayazi ukuba abantu batsho ikhwelo baqhwabe nezandla kuba bekonwabela oko kwenziwayo.
  - Siyazi kwakhona ukuba, xa befuna ngaphezulu, befumene ixesha elimnandi; ngamanye amazwi bebekonwabele.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Cela abafundi ukuba bafunde kunye nawe apho ibinzane, "Owu, le ngxolo ayenzayo!" kunye no "Ndifuna ayeke!" livelayo.

**3. Emva kokufunda**

- Thelekisa igama lomfundi kwakunye nesixhobo abasidlalileyo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi ye-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-**/m/**; Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi iDBE, amaphepha 46 kunye no 47; oonotsheluze bezandi asuka kudweliso lwamagama: **umama, umoya, iemele, umalume**
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga uze utsho isandi sikanobumba u-**/m/** kulamagama matsha.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.

**2. Incwadi yokwenza umsebenzi i-DBE:**

- Cela abafundi ukuba bavule iphepha lama- 46 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi kumaphepha lama-46 nelama-47.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Nceda apho kudingeka khona uncedo.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi, iphepha lama-48
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelisa ukubhala unobumba u-**/m/**

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule iphepha lama- 48 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipenlothi zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ingoma ebhodini.
- **Amalungiselelo:** Yenza isandi salengoma ilapha ngezantsi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ingoma iculwe nangokuyilinganisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ingoma:**

- Fundisa abafundi le ngoma.
  **Isiginkci sam ndisibetha kanje, kanje (Abafundi balinganisa bebetha isiginkci)**
  **Isiginkci sam ndisibetha kanje**
  **Isiginkci sam ndisibetha kanje, kanje**
  **Isiginkci sam ndisibetha kanje.**
- Bathi bakuyazi ngentloko, ungathi utshintshe igama le ngoma kwakunye nokulinganisa izixhobo zomculo.

**Umsebenzi wasekhaya**


- Yalela abafundi ukuba bazise iibhotile ezincinane zeplastiki kwakunye nemagazini ezindala ukwenza isitshukuzi.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

**Mamela**






- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: *Mamela***
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise ekufundeni kokuqala nokokwesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze idonga legumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Bakwazi ukuchonga amagama abawafundayo

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- **Isigama:** Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ububafundise wona ngoMvulo nangoLwesibini edongeni.
- Xa omnye umntu ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathisele kwitshati yesigama.
- Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.

**2. Ukufunda**

- Funda ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Vumela abantwana bazifundele umbongo ngokwabo uze uncede xa kufuneka ukuba wenze njalo.

**3. Emva kokufunda**

- Abafundi mabaphinde babonakalise ibali kwakhona ngokusebenzisa izehlo zasebalini apho sibona:
  - URavi udlala ifleyithi – umama kaRavi
  - UFikile udlala ivayolin – Mnu. Dumisani
  - UAaron – utata ka Aaron
  - UPamela – usisi kaPamela
  - UMuzi – Inja kaMuzi
  - UMara kunye noKarabo – ubhuti kaMara




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-**Vula Bula:** ***ikhadi likanobumba*** u-/**y**/; oonotsheluze asuka kudweliso lwamagama ezandi: **yima, yiwa, yaba, yomile**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Yonela yeka le ngxolo uyenzayo!** Sika onotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchoga nokubiza unobumnba u-/**y**/

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise kwisandi sikanobumba u-/**y**/
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-/**y**/ - ukuba wakhiwe njani, uvakala njani sinjani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikulomcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba baphulaphule bakhangele unobumba u-/**y**/ kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba** u-/**y**/
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – **iayini** – uze ugxininise isandi sika-/**y**/.
- Xelela abafundi ukuba bathi-/**y**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-/**y**/.
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-/**y**/ usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluze kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** itshati yokubhalela; ikoki
- **Amalungiselelo:** Awadingeki
- **Iinjongo zesifundo:** Babhale inkcazelo yoko bakuvayo

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakukuncedisa ubhale ikncazelo yesandi yesixhobo somculo edlalwa kakubi
- Shwankathela izixhobo ozaziyo kwakunye nezo ufunde ngazo. Khethani esinye nonke.
- Hlanganisa iingcinga zokuba ibingavakala njani ukuba ibingadlalwa kakubi.
- Khetha isifaniso abafundi abanintsi abasithandayo.
- Zobo umfanekiso womfundi edlala eso sixhobo somculo ubhale inkcazelo ethi

**Le ngxolo ayenzayo ingathi yi… (into efaniswa nayo). Ndifuna ayeke!**




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Ye-10: Usuku Lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Iibhotile zeplastiki; iimagazini ezindala; isincamathelisi esenziwe ngeflawa (ngomgubo wesonka) kunye namanzi.
- **Amalungiselelo:** Zisa iibhotile zokongeza ukulungiselela abo banokuthi bangabinazo. Zisa iimagazini ezindala. Yenza isincamathelisi nge flawa kunye namanzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamel imiyalelo kwaye uyenze.

**IMISEBENZI**

**1. Yenza isitshukuzi**

- Yalela abafundi ukuba bakhethe umbala baze bakrazule imifanekiso yalombala kwimagazini.
- Kufuneka bankxuze kwisincamathelisi isiqendu sephepha sibesinye ngexesha baze basincamathelise kwiibhodile zabo zeplastiki, baqinisekise ukuba akukho zindawo zibonakalayo.
- Emva kokuba oku kwenziwe, mababeke iibhotile zabo kwindawo ezilungiselelwe zona ukuze zome.
- Baxelele ukuba bayakugqiba ukwenza izitshukuzi zabo ngomso.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi: iphepha le-118 nele- 119.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banencwadi yabo ye-DBE yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-**/y/** kulamagama matsha.


**IMISEBENZI**


**1. Khumbuza**

- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.

**2. Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**

- Cela abafundi ukuba bavule kwiphepha le-118 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi kwiphepha le-118 nele-119.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo. Nceda apho kudingeka khona uncedo.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabadundi zokubhalela ngesadla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni eyimikrozo emibini ebhodini. Bhala umkrozo kanobumba u-/y/ ibengamachaphaza. Bhala umkrozo kanobumba u-/y/ ibengamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yomfundi ngamnye yokubhalela umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda futhi nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-**/y/**.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelanisa**

- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ukubhala unobumba u-**/y/**.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo:
  **Yehla, jikela, nyuka, yehla kwangalamgca, uhl'ubhek'emsileni.**
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.

**Umsebenzi wasekhaya**

- Xelela abafundi ukuba baziqhelanise nokubhala unobumba u-**/y/** ngokuthi bacinezele lo usezincwadini zabo zokwenza umsebenzi we-DBE kwiphepha le-118.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zabo zokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala inkcazo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba basebenze ngambini ukubhala inkcazo yesandi sesixhobo somculo esidlalwa kakubi.
- Kufuneka bakhumbule izixhobo-zomculo abazikhumbulayo bakhethe sibesinye kunye.
- Bayalele ukuba bahlanganise iingcinga zokuba ibiyakuvakala kanjani ukuba ibinokudlalwa kakubi.
- Kufuneka bakhethe isifaniso abasithanda kakhulu.
- Ngoku ke mabazobe umfanekiso womfundi edlala eso sixhobo-somculo baze babhale inkcazelo ethi:

**Le ngxolo ayenzayo ingathi yi.(into efaniswa nayo). Ndifuna ayeke!**




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Iibhotile ezincinci zeplastiki (ezihonjiswe izolo)
- **Amalungiselelo:** Yiba neebhotile zokongeza ezimbalwa ukulungiselela abo bebengekho esikolweni izolo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela imiyalelo kwaye uyenze.

**IMISEBENZI**

**1. Yenza isitshukuzi**

- Yalela umfundi ngamnye ukuba athathe ibhotile yakhe.
- Yiya phandle kunye nifumane amatye amancinci anokungena ezibhotileni zabo. Amatye lawo ayakukwenza ingxolo evakalayo njenge sitshukuzi xa ibhotile itshukutshwa.
- Xa wonke umntu egqibile, buyelani ngaphakathi. Culani ingoma yexilongo-lomculo nisebenzisa izitshukuzi zenu.








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo kule veki.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela amakhadi oonobumba ka-**/m/** kunye no-**/y/** ebhodini. Ncamathisela bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kule veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Bakwazi ukuchonga baze bavakalise unobumba u-**/m/** kunye no-**/y/**.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba beze ebhodini nganye ngexesha bakhethe unotsheluza.
- Umfundi makafunde unotsheluza aze akhethe ukuba ufaneleke abephantsi kweliphi ikhadi likanobumba: ku-**/m/** okanye ku-**/y/**.
- Umfundi kufuneka aze acacise ukuba kutheni encamathisela phantsi kwelokhadi likanobumba alikhethileyo.
- Cela abafundi ukuba banike ingxelo.
- Qhubeka kude kubekanti bonke oonotsheluza bafundiwe yaye bahleliwe.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi, iphepha le-120.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-**/y/**.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule kwiphepha le-120 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokelela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha le-120
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.

# Iveki Ye-10: Usuku Lwesi-5





## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhalela zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhiwo sokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala inkcazo.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi ukuba bayakubhala inkcazo yabo yesandi yesixhobo somculo edlalwa kakubi.
- Kufuneka bacinge isixhobo-somculo bakhethe sibesinye.
- Bayalele ukuba bacinge ukuba besiyakuvakala kanjani ukuba besidlalwa kakhubi.
- Kufuneka bakhethe isifaniso abasithanda kakhulu.
- Ngoku ke mabazobe umfanekiso womfundi edlala eso sixhobo-somculo baze babhale inkcazelo ethi: **Le ngxolo ayenzayo ingathi yi.(into efaniswa nayo). Ndifuna ayeke!**




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

| | |
|---|---|
| *iqela* | *igubu* |
| *ixilongo* | *imarimba* |
| *umculo* | *umqala* |
| *isiginkci* | *iinyathi* |
| *konsathi* | *thontsiza* |
| *ifleyiti* | *ingcongconi* |
| *ifidyoli* | |

## Ezokubala

*group: iqela*
*remainder: intsalela*
*share: yabela*
*today: namhlanje*
*yesterday: izolo*

